

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni



INgxelo yoNyaka 2020/21

IBHODI YONGCAKAZO
NEMIDYARHO
YENTSHONA KOLONI

INGXELO YONYAKA

2020/21

ISIQULATHO

ICANDELO A: ULWAZI GABALALA	3
1. IINKCUKACHA GABALALA MALUNGA NEBHODI	4
2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/ LWEZISHUNQULELO	5
3. IMBULAMBETHE KASIHLALO	8
4. IMBULAMBETHE YOMPHATHI OYINTLOKO	10
5. INKCAZO YEMISEBENZI NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA YALO NYAKAMALI	13
6. AMAGQABANTSHINTSHI NGOKUBANZI	14
7. UXANDUVA LOMTHETHO NOLUNYE	15
8. UKUMA KWELI ZIKO	18
ICANDELO B: IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO	19
1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIBEKWE KWANGAPHAMBILI	20
2. UPHONONONGO LWEMEKO	20
3. INKQUBELA ESEYENZIWE NGASEKUFENZEKISWENI KWAMAFUTHE AMAZIKO KUNYE NEZIPHUMO	35
4. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO	36
5. UKUQOKELELWA KWENGENISO	47
ICANDELO C: ULAWULO	49
1. INTSHAYELELO	50
2. IIKOMITI ZEEPOTFOLIYO EZITHILE	50
3. UGUNYAZIWE OLAWULAYO	50
4. UGUNYAZIWE OTHATHA UXANDUVA - IBHODI	50
5. ULAWULO LWEMINGCIPHEKO	63
6. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI	66
7. UPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI	66
8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO	67
9. URHWAPHILIZO NOBUQHOPHOLOLO	67
10. UKUCUTHA UNGQUZULWANO NEZINTO ANAZO AMALUNGU	67
11. INDLELA YOKUZIPHATHA EYAMKELEKILEYO	68
12. UKHUSELEKO KWEZEMPILO NEMIBA YENDAWO ESINGQONGILEYO	68
13. UNOBHALA WENKAMPANI	68
14. UKUKHATHALELA ULUNTU	68
15. UXANDUVA LWEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI	69
16. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO YOKULANDELWA KWE-B-BBEE	72
ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI	73
1. INTSHAYELELO	74
2. IINKCUKACHAMANANI ZOKUQWALASELWA KWABASEBENZI	77
ICANDELO E: INGCACISO YEZEMALI	83
1. REPORT OF THE EXTERNAL AUDITOR	84
2. ANNUAL FINANCIAL STATEMENTS	88

ICANDELO A:

**ULWAZI
GABALALA**



1. IINKCUKACHA GABALALA MALUNGA NEBHODI

IGAMA:	IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
IDILESI YENDAWO:	100 Fairway Close Parow eKapa 7500 IRiphablikhi yoMzantsi Afrika
IDILESI YEPOSI:	P O Box 8175 Roggebaai 8012
I(I)NOMBOLO YOMNXEBA:	+27 21 480 7400
IDILESI YEIMEYILE:	ceo@wcgrb.co.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI:	www.wcgrb.co.za
ABAPHICOTHIZINCWADI BANGAPHANDLE:	Auditor-General of South Africa
IBHANKI:	Nedbank
UNOBHALA WEBHODI:	Heinrich Brink

2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/ LWEZISHUNQULELO

Olu luhlu lulandelayo luqulethe zonke izifinyezo ezisetyenziswe kule ngxelo yonyaka xa iyonke, nokuba zikweliphi icandelo lale ngxelo yonyaka ngokunxulumene:

Isifinyezo / Isishunqulelo	Ingcaciso
ADFIN / Adfin	Administration and Finance (uLungiselelo lweOfisi nezeMali)
AFS	Annual Financial Statements (AmaXwebhu eNgxelomali yoNyaka)
AGSA	Auditor-General of South Africa (iOfisi yomPhicothizincwadi yoMzantsi Afrika)
APP	Annual Performance Plan (IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka)
B-BBEE	UXhotyiso oluNatyisiweyo lwabaNtsundu kwezoQoqosho
BCP	Business Continuity Plan (IsiCwangciso sokuQhubeka koMsebenzi)
IBhodi	IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
ibhodi	Inggqokelela yamalungu eBhodi angekho kulawulo
CASA	Casino Association of South Africa
Capex	Capital Expenditure (iNkcitho yezinto ezinkulu)
CEO	Chief Executive Officer (uMphathi oyiNtloko)
CFO	Chief Financial Officer (IGosa eliyiNtloko lezeMali)
CGICT	Corporate Governance of Information and Communication Technology (Urhulumentu lwamaShishini neTeknoloji yoLwazi noNxibelelwano)
COBIT	Control Objectives for Information Technology (Ulawulomlingcipheko yeTeknoloji yoLwazi)
COE	Cost of Employment (Iindleko zokuQesha)
CPI	Consumer Price Index (Inggqokelelo yoTshintshomaxabiso)
CSI	Corporate Social Investment (uTyalomali kuPhuhliso lweNtlalo)
Umgaqosiseko	UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996
COVID-19 (IKhovid-19)	Coronavirus disease 2019 (Isifo iKhoronavayirasi 2019)
DoL	Department of Labour (ISebe lezabaSebenzi)
DRP	Disaster Recovery Plan (IsiCwangciso soLawulo lweNtlekele)
DTIC	Department of Trade, Industry and Competition (Isebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano)
DTPW	Department of Transport and Public Works (iSebe lezeeNdlela nemiSebenzi yoLuntu)
EE	Employment Equity (UkuLingana ngokobuNgakanani bamaNani kwiNgqesho)
ERM	Enterprise Risk Management (uLawulo oluNdindeneyo lwemiNgcipheko yeZiko)
EXCO	Executive Committee (IsiGqeba esiLawulayo)
FIC	Financial Intelligence Centre (iZiko lobuNtlole kwezeMali)
FIC	Financial Intelligence Centre Act, 2001 (uMthetho ka2001 wokuHlaziya kweZiko lobuNtlole kwezeMali)
FITEC	Finance, Information Technology and Ethics Committee (iKomiti yezeMali, iTeknoloji yoLwazi neeNdlela zokuziPhatha)
FLASH	Firearm, Liquor and Second Hand dealers unit (iCandelo leMipu, uTywala neZinto eSezisetyenzisiwe)
GDP	Gross Domestic Product (iXabiso leemveliso ezenziwa kule ndawo)
GRAF	Gambling Regulators Africa Forum (iQumrhu loLawuloNgcakazo eAfrika)
GRAP	Generally Recognised Accounting Practice (iNdlela yoCwangcisomali esele Yamkelekile)
G2E	Global Gaming Exposition (uMboniso woShishino loNgcakazo)

ULWAZI GABALALA

Isifinyezo / Isishunqulelo	Ingcaciso
HCC	Human Capital Committee (iKomiti yokuXhotyiswa kwabaNtu)
HOD	Head of Department (iNtloko yeSebe)
HR	ICandelo lezabaSebenzi
HRC	Horse Racing Committee (iKomiti yemiDyarho yamaHashe)
ICAS	Independent Counselling and Advisory Services (iInkonzo zeeNgcebiso zeeNgcali nokuCetyiswa)
IAGA	International Association of Gaming Advisors (uMbutho wamaZwe ngamazwe wabaCebisi bezoNgcakazo)
IAGR	International Association of Gaming Regulators (uMbutho wamaZwe ngamazwe wabaGcinizinzozo kwezoNgcakazo)
ICT	Information and Communication Technology (ITeknoloji yezolWazi noNxibelelwano)
IT	Information Technology (UbuChwepheshe bezolWazi)
ITIL	Information Technology Infrastructure Library (iLayibrari yeZiseko zoPhuhliso zeTeknoloji yoLwazi)
IYM	In Year Monitoring (Ukubekwa esweni kwaphakathi enyakeni)
LSA	Long Service Award (iMbaso yoMbulelo weNkonzo eNde)
LPM	Limited Pay-out Machines (ooMatshini abamda uqingqiweyo)
MEC	Member of the Provincial Executive Council (uMphathiswa wePhondo)
UMphathiswa	Western Cape Minister of Finance and Economic Opportunities (uMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho eNtshona)
MOU	Memorandum of Understanding (IsiVumelwano seNtsebenziswano)
MTEF	Medium Term Expenditure Framework (uMgaqosikhokelo weNkcitho yombindi wonyakamali)
MTBPS	Medium Term Budget Policy Statement (iNgxelo yoMgaqonkqubo weBhajethi yaPhakathi kwiKota)
NAT JOINTS	National Joint Operation Intelligent Structure (iQumrhu likaZwelonke leNtsebenzo ngoBambiswano)
NCEMS	National Central Electronic Monitoring System (iNdlela kaZwelonke yokuQwalasela ngokwaseKhompyutheni)
NGB	National Gambling Board (iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke)
NPC	Not for Profit Company (iNkampani engajonge kwenza Nzuzo)
NTR	National Treasury Regulations (imiGaqo yeOfisi kaNondyabo weLizwe)
OD	Organisational Development (uPhuhliso lweZiko)
OHASA	Occupational Health and Safety Act, 1993 (UMthetho ka1993 weMpilo noKhuseleko eMsebenzini)
Opex	Operational Expenditure (iiNdleko zokuQhuba uMsebenzi)
PAC	Public Accounts Committee (iKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente)
PAIA	Promotion of Access to Information Act, 2000 (UMthetho ka2000 wokuKhuthazwa kokuFikelela kuLwazi)
PAJA	Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (uMthetho ka2000 wokuKhuthazwa kobuLungisa bokuPhatha)
PDO	Predetermined Objective (iNjongo eBekwe kwangaPhambili)
PFMA	Public Finance Management Act, 1999 (uMthetho wokuLawulwa kweMali kaMasipala, ka1999)
PGWC	Provincial Government of the Western Cape (uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni)

Isifinyezo / Isishunqulelo	Ingcaciso
PLA	Provincial Licensing Authority (uGunyaziwe woKhutshoLayisenisi wePhondo)
PI	Performance Indicator (iSalathintsebenzo)
POPI	Protection of Personal Information Act ,2013 (uMthetho ka2013 wokuKhuselwa kweeNkcukacha zoMntu)
PRMA	Post-Retirement Medical Aid (inkxaso yezonyango yasemva kokuthathwa komhlalaphantsi)
PTR	National Treasury Regulations (imiGaqo yeOfisi kaNondyebo wePhondo)
SBC	Sports Betting Community (iQela lokuBheja kwezemiDlalo)
SAPS	South African Police Services (iNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika)
SARGF	South African Responsible Gambling Foundation (iNgxowa yokuNgcakaza ngeNyameko yaseMzantsi Afrika)
SCA	Supreme Court of Appeal (iNkundla ePhakamileyo yeziBheni)
SC	Senior Counsel (iGqwetha eliPhezulu)
SCM	Supply Chain Management (uLawulo lweNkqubo yokuthengwa kwempahla nokufunwa kweenkonzo)
SCOFEOT	Western Cape Provincial Parliament's Standing Committee on Finance, Economic Opportunities and Tourism (iKomiti esisiGxina yePhondo leNtshona Koloni ejongene nezeMali, amaThuba oQoqosho nezokhenketho)
SCOPA	Standing Committee on Public Accounts (iKomiti esisiGxina ejongene neeAkhawunti zikaRhulumente)
SOPI	Strategic Objective Performance Indicator (iSalathintsebenzo ngokuNxulumene neNjongo ePhambili)
uMthetho	Western Cape Gambling and Racing Act, 1996 (uMthetho ka1996 woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni)
TID	Technical Indicator Description (iNgcaciso yesiBonisi seNkquboshishini)
TR	Treasury Regulations (imiGaqo yeOfisi kaNondyebo)
Type A LPM Site (Isiza seLPM yoHlobo C)	Iziza ezineLPM e1 ukuya kwezi5
Type B LPM Site (Isiza seLPM yoHlobo B)	Iziza ezineeLPM ezi6 ukuya kwezingama20
Type C LPM Site (Isiza seLPM yoHlobo C)	Iziza ezineeLPM ezingama21 ukuya kwezingama40
UPS	Uninterrupted Power Supply (ukuNikwa koMbane okungaPhazamisekiyo)
WC	Western Cape (iNtshona Koloni)
WCBD4	Western Cape Bid Document 4 (uXwebhu lwesi4 lokuBeka amaXabiso kwiNtshona Koloni)
WCDTPW	Western Cape Department of Transport and Public Works (iSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente kwiNtshona Koloni)
WCED	Western Cape Education Department (iSebe lezeMfundo leNtshona Koloni)
WCGRB	Western Cape Gambling and Racing Board (IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni)
WCPT	Western Cape Provincial Treasury (iOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni)
eNtshona Koloni	The Provincial of the Western Cape (uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni)
WFH	Work From Home (UkuSebenzela eKhaya)

3. IMBULAMBETHE kaSIHLALO

Ndiziva ndinelunda xa ndinikezela ngale Ngxelo yoNyaka yoNyakamali ka2020/21 yeBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni.

Lo nyaka uyiphathele imingeni emininzi iBhodi, ishishini, iPhondo leNtshona Koloni kunye noMzantsi Afrika nehlabathi ngokubanzi.

Iziphumo zale mingeni zipapashwa kwiindaba umhla nezolo yaye kungenxa yale mingeni ukuba ndizive ndinombulelo wokuba ndikwazi ukuthi thaca le ngxelo yonyaka.

Uxanduva lweBhodi lusuka kwiWestern Cape Gambling and Racing Act (uMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni), ehlaziyiweyo, kunye nesiHlomelo 3C sePFMA apho kucaciswa uxanduva elinalo iqumrhu likarhulumente lephondo njengesebe lalo elikhulu eliSebe likaNondyabo leNtshona Koloni.

Sele luneminyaka engamashumi amabini ananye lusebenza ushishino xa lulonke, phantsi kwalo mthetho, yaye lusoloko lutshintsha njengoko iteknoloji isiza neenguqu ezininzi kolu shishino. Noko kunjalo, lo Mthetho awutshintshanga noshishino, yaye uza nemingeni yawo wokuthanda ukushiywa lixesha.

Kodwa ke iBhodi isaqhuba nokusebenza nzima ifezekisa iithagethi ezibekileyo kunye noxanduva lwayo lwasemthethweni. Ukuza kuthi ga ngoku, iBhodi sele ifezekise ezili11 kwiithagethi zayo ezibekileyo ezili15, yaye iqinisekisa ukuba ikwazile ukufezekisa uxanduvo lwayo lwasemthethweni.

Ikhovidi-19 kunye nemiqathango yolawulo ehamba nayo iye yaneziphumo ezibi ekusebenzeni kweBhodi kunye noshishino xa lulonke.

Kuye kwafuneka ukuba kuphononongwe iinkqubo ezilandelwa yiBhodi ukuze zenziwe zilandele le miqathango ukwenzela ukunika abasebenzi beBhodi indawo ekhuselekileyo. Kuye kwanyanzeleka ukuba kunyanzeliswe iindlela zokuzikhusela kwabaninilayisenisi yaye kuphononongwe nokulandela kwazo imigaqo nokhuseleko lwabangcakazi nabasebenzi. Kuyandivuyisa ukuqinisekisa ukuba uShishino loNgcakazo lweNtshona Koloni luye lwayilandela le migaqo lwaza lwazilungiselela ukuqinisekisa ukulandela imithetho, nto leyo iye yakhokelela kushishino lwePhondo lweNtshona Koloni olulandela imithetho.

Ukuvalwa kweekhasino ngenxa yalo bhuhani weKhovidi-19 kuye kwabangela ukunyuka okumandla kokubheja kwi-intanethi. Ukukhula kokubheja kwi-intanethi kubangele ukuba iBhodi inyuse ukugxilisa kwayo kungcakazo olunenkathalo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba oku kungcakaza kwi-intanethi akukhulisi ngxaki kungcakazo. Abaninilayisenisi bayidlalile indima yabo ngokwenza iindlela zokungcakaza ngenkathalo, nto leyo inciphisa ubungozi kungcakazo. Ngaphezu kokulandela imigaqo, olu shishino luqhubekile nokulandela izibophelelo zalo zeCSI, nangona kuye kwakho ukuncipha okumandla kwingeniso. Igalelo lolu shishino kumaphulo ayo eCSI kufikelele kwiR14 776 978 kulo nyakamali ka2020/21.

Le Bhodi igunyaziselwe ukuba namalungu asixhenxe. Ngethuba lokudityaniswa kwale ngxelo, ebemathandathu amalungu anyuliweyo, nto leyo ikhokelele kwimeko yokuba abe mahlanu (5) amalungu ukuze iintlanganiso zeBhodi zikwazi ukwenza ikhoram. Le nto iyodwa nje ibe ngumngeni omkhulu nanjengoko kuye kwadingeka ukuba zihleliswe iintlanganiso xa kukho amalungu amabini (2) angakwaziyo ukuya entlanganisweni.

Iphepha lama52 ukuya kwelama55 achaza banzi malunga namalungu eBhodi kunye namathuba awo kwibhodi.

Kulo nyaka uphononongwayo, iBhodi iye yajonga kutsha isicwangcisonkqubo sayo samaphulo okwazisa iBhodi. Njengokuba imigaqo yeKhovidi-19 iye yabangela ukurhoxiswa kweenkqubo zamaphulo adibanisa abantu



*UMnu. D Lakay
USihlalo weBhodi*

ndawonye, iBhodi iye yasebenzisa amaphulo amaqonga ezonxibelelwano. La maphulo angabizi kuyaphi aye abonakalisa impumelelo noko, nalapho kuye kwafikelelwa kubantu abangamawaka angamakhulu asibhozo ananye namakhulu amabini (81 200) kukho nemibuzo emininzi evela kula maphulo.

Imigaqo yeKhowidi-19 ikwavalele namaphulo eBhodi okukhangela ukungcakaza okungekho mthethweni, kodwa uncedo lweSAPS lubangele ukuncipha kokungcakaza ngokungekho mthethweni ngeli thuba.

Khange kubekho kuhlaziywa kwamithetho kwenziwayo kulo nyaka yaye imigaqo ehambelana neentlawulo iye yahlaziywa ukususela ngoEpreli 2020.

Imingeni yeBhodi iye yandiswa nangakumbi yimiqathango yeKhowidi-19, nto leyo ikhokelele ekubeni iBhodi izicinge ngokutsha iinkqubo zayo ukuze ikwazi ukufezekisa uxanduva lwayo lwasemthethweni.

Oku kuquka uphicotho lwabaninilayisenisi, iinkqubo zongcakazo olungekho mthethweni, iinkqubo zokusebenzela ekhaya, ukulandelwa kwemithetho yeentlanganiso, izicwangciso ezihlaziyiweyo zokuqhubeka kwamashishini, kunye neemfuno zendawo yokuqhubela umsebenzi.

Ubulungu beBhodi busengumngeni yaye bebusoloko bunjalo kule minyaka idlulileyo, nanjengoko bufaka uxinzelelo ekukwazini kwayo ukufezekisa iintlanganiso ezibekiweyo.

Ukukwazi ukuzimela ngokwezemali kusengumngeni yaye iBhodi isaqhuba nokuxhomekeka kwiigranti zeWCG ukuba ibe zizo ezixhasa ibhajethi yenkcithomali. Zikhona iinzame eziza kuqhutywa zokujongana nokuzimela kweBhodi ngokwezemali.

IBhodi isaqhuba nokusebenzela kwindawo erenta kuyo ngoku de kube ngoOkthobha 2023, yaye iBhodi isaxoxa neWCPT malunga neemfuno zayo zendawo zasemva kukaOkthobha 2023. Lo mba awuqaqinisekiswa yaye iBhodi isaqhuba nokuxoxa malunga nalo mcimbi, ixoxa nesebe ephantsi kwalo.

Imigaqo ehlutshezwe yiKhowidi-19 itsalisa nzima iimpumelelo zeB-BBEE zabaninilayisenisi, nanjengoko bengakwazi ukuhlala phantsi baxoxe malunga nemiba engundoqo encedisa ekufezekisweni kokuphumelela kakuhle. IBhodi iyayiqonda le mingeni yaye isaqhuba nokuxoxa nabaninilayisenisi beNtshona Koloni ukuzama ukugcina amazinga abo eB-BBEE.

Iinjongo ezingqalileyo zethuba eliphakathi zeBhodi zisaqhuba nokukhokelwa yimigaqo ehlutshezwa yiKhowidi-19 kunye nokusebenza kwayo kolu shishino.

Ngoko ke, ndinga ndingathathela ingqalelo, ndibulele indima edlalwe:

- NguMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQeqesho - uMnu. D Maynier, ngokukhokela nenkxaso yakhe;
- Amalungu eSCOFEOT kunye neKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente, ngokukhokela kwabo okuqwalasela kwakunye nezimvo zabo ezilulutho;
- Amagosa eOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni, ngoncedo lwawo;
- Amalungu e ethu eBhodi kunye namalungu eKomiti yoPhicothozincwadi, ngenkxaso yawo kunye nendlela eqeqeshekileyo athi enze ngayo umsebenzi; kunye
- Nabasebenzi beBhodi ngokuzinikela kwabo ekwenzeni umsebenzi wabo, nabathe babambisana ekufakeni igxalaba kwimpumelelo efunyenwe yiBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni.



Mnu. D Lakay

USihlalo weBhodi

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni

31 kuAgasti 2021

4. IMBULAMBETHE YOMPHATHI OYINTLOKO

Ndivuyiswa kukudlulisa esi sishwankathelo senkqubo yezemali nengeyoyezemali yeBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni kulo Nyakamali uphele ngowama31 kuMatshi 2021.

I-WCGRB khange isinde kwimingeni neziphumo ezize nemigaqo kunye nemiqathango ehlutshezwe yiKhovidi-19.

Kwelinye icala, imisebenzi yesiqhelo yeBhodi iye yaphazamiseka, nto leyo iye yadinga ukuba iBhodi ikhangele ezinye iindlela zokuqhuba umsebenzi wayo ukuze ifezekise uxanduva lwayo olusemthethweni, imfuneko yokwenza izenzo ezongezelelekileyo zokhuseleko nezempilo, ukwenzela ukuqinisekisa ngokukhuseleka kwabasebenzi neendwendwe ezifika eziofisini zayo kwanokuba ifake kwi-intanekthi uninzi lwezenzo zayo. Kanti kwelinye icala kufuneka ilawule ushishino oluphantsi koxinzelelo lwezoqoqosho olusuka kwemiGaqo nemiqathango yoLawulo lweNtlekele.

Izenzo zeBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni ayiyonkonzo ingundoqo, ngoko ke abasebenzi bayo baye banyanzeleka ukuba basebenzele ekhaya; nto leyo iye yakhokelela ekubeni kufezekiswe izicwangcisonkqubo ezitsha.

Izicwangcisonkqubo eziye zavela ziye zabonakala ziyimpumelelo yaye ziya kuphembelela izenzo zayo zexesha elizayo.

IBhodi ivume ibhajethi yengeniso ezizigidi eziyiR42.227 kunye negranti ezizigidi eziyiR27.744, nto leyo ikhokelele kwibhajethi yengeniso ephela eziyiR69.971. Uthelekiso lweyona ngeniso yenziweyo lube yingeniso yethu ezizigidi eziyiR45.195 kunye negranti yezigidi eziyiR27.744, nto leyo ikhokelele kuthelekiso olupheleleyo lweyona ngeniso yenziweyo ezizigidi eziyiR72.939.

Uthelekiso lokugqithisa kwingeniso ezizigidi eziyiR2.968 lubangelwe kukutshintsha kumacandelo ezongcakazo okuze novalelekondlwini, nanjengoko abangcakazi beye babhenela ekubhejeni kwi-intanethi; yaza loo nto yeza nezicelo ezitsha zeelayisenisi zokubheja kwi-intanethi.

Izabelo kushishino lokubheja kwi-intanethi zibonise ukuphucuka, ngelixa ezobuso ngobuso zibonakalise ukuhla ngenxa yemiqathango yovalelekondlwini.

Njengokuba zisahluka iirhafu zamacandelo ngamacandelo olu shishino, nalapho ukubheja kwi-intanethi kunerhafu ekwizinga elisezantsi, oku kuye kwathetha ukubuya umva kancinane ekubhejeni kobuso ngobuso okunezinga eliphezulu lerhafu nokuthe kongezelela kwemiqathango yovalelekondlwini, kuye kwanegalelo ekuhlani kweerhafu.

Ibhajethi yenkcitho yebhodi iye yavunywa yazizigidi eziyiR69.971 nalapho iindleko zokuqhuba umsebenzi zibe zizigidi eziyiR68.034, ngelixa inkcitho yezinto ezinkulu ibe zizigidi eziyiR1.937.

Ngexa yemigaqo nemiqathango ehlutshezwe yiKhovidi-19 ikunye nezicelo zeWCPT zokuba kucuthwe inkcitho, uthlekiso lweyona nkcitho yeBhodi lube zizigidi eziyiR53.162, nalapho izigidi eziyiR51.911 zibe ziindleko zokuqhuba umsebenzi, ngelixa izigidi eziyiR1.251 zibe yinkcitho yezinto ezinkulu; kwatsho kwaphuma uthlekiso lokonga okupheleleyo kwezigidi eziyiR16.809.

Oku konga kufunyenwe njengempendulo engqalileyo yekhwelo leWCPT lokucuthwa kweendleko kwiCOE nakwiindleko zolungiselelo. Iinkcukacha zolu londolozo zibekwe kwiphapha 95 leNgxelo yoNyaka ka2020/21.



*UMnu. P. Abrahams
UMphathi oyiNtloko*

Isiphumo esidityanisiweyo sothelekiso lokugqithisa kwingeniso kunye nothelekiso lokonga kwinkcitho siye sakhupha uthelekiso lwentsalela yezigidi eziyiR19.778 yebhaji eyiyo.

Izenzomali ngokokwenziwa kwazo (accrual based accounting) zibonisa ukuzenzela kwethu ingeniso ezizigidi eziyiR48.315 kunye negranti karhulumente ezizigidi eziyiR27.744.

Izenzomali ngokokwenziwa kwazo zibonisa inkcitho yezigidi eziyiR61.972 nezidale intsalela yezenzomali ngokokwenziwa kwazo ezizigidi eziyiR14.087.

Isiphumo sezenzo zeBhodi kukubuyiswa kweNgxowamali yeNgeniso yePhondo ezizigidi eziyiR16.573 kulo nyaka uphononongwayo.

Nanjengoko imali elondolozwe iye yabangela ukuba iBhodi ihlawule izigidi eziyiR29.987 kwiNgxowamali yeNgeniso yePhondo xa kudityaniswa ngokonyakamali ka2019/20 noka2020/21, iWCGRB isenethemba lokuba esi iya kuba sisenzo esiqhubekayo yaye iingxelo zezemali zilungiswa kusekelwe koko.

Inkcitho engekho mthethweni yeBhodi exelwe kumaxwebhu engxelomali ka2019/20 iye yakhuthazwa ngokuhambelana noluhlu lweenkqubo ezilandelwayo ezibekelwe ukunqanda ukuphindeka kweemeko ezibangele ukwenzeka kwaloo nkcitho ingekho mthethweni.

IBhodi ayinazo iiprojekthi ezingagqitywanga yaye ayizi kucela kudluliselwa kweemali ezisuka kunyakamali ka2020/21.

IBhodi iye yakwazi ukuzifezekisa iinjongo ezingqalileyo zeSCM, nangona iBhodi inamandla angephi kwicandelo layo leSCM. Sijonge ukuba kuya kudingeka ezinye izixhobo zecandelo leSCM ukwenzela ukuqinisekisa ngokwenziwa kweenkqubo ezingenazikhewu nazikhalazo.

Iziphumo zentsebenzo engadingi mali kukuba izalathintsebenzo ezilishumi elinanye (11) zifezekiswe ngokupheleleyo, nalapho izalathi ezibini (2) ziye zaphantse zafezekiswa, zaza izalathi ezibini (2) azafezekiswa. Iinkcukacha zentsebenzo engadingi mali ziboniswe kwiphepha lama36 ukuya kwelama45 ale ngxelo yonyaka.

IBhodi ixela ukuba:

- Ayinazenzo ziyekiweyo okanye izenzo eziza kuyekwa;
- Ayinazenzo zitsha okanye zicetywayo kwezi nyanga zilishumi elinambini zizayo;
- Ayinazinkqubo nazisistim zikhoyo zeSCM nezithe zaphononongwa luphicothozincwadi lwangaphakathi nolwangaphandle;
- Khange ibe naziphakamiso zezinikimaxabiso ezingenazimemo kulo nyaka uphononongwayo; yaye
- Iye yazisingatha zonke iziphumo zophicothozincwadi lwangaphandle zonyaka odlulileyo yaye ngenxa yezo zenzomali zingakhange ziphindwe kulo nyaka uphononongwayo, iBhodi iye yavavanya ngempumelelo iimpendulo zayo kwezo ziphumo.

Imingeni ejamelene neBhodi yile:

Ukuzimela ngokwezemali: IBhodi ifumana ingeniso yayo kwiintlawulo ezidingeka ngokomthetho yaye ayikwazi kuzenzela eyayo inzuzo ngayo nayiphi na indlela ngaphandle kokuba inyuse ukuhlawulelwa kokungcakaza kushishino longcakazo kwiNtshona Koloni. Umthetho we19 wokuHlaziywa kokuNgcakaza nemiDyarho eNtshona Koloni, ka2021 (i19th Western Cape Gambling and Racing Amendment Act, 2021) uvunyiwe njengomthetho waza wagazethwa, kodwa lo Mthetho usafuna ukubhengezwa yinkulubaphathiswa ukuze uqale ukusebenza. Lo Mthetho uthi ukuba ingeniso ebekwe ngumthetho iye kwiBhodi yaye ucaciswe banzi kwiphepha lama33 lale ngxelo.

Ubunzima obubangelwa kukungabi nabasebenzi baneleyo: IBhodi inabasebenzi abambalwa kula masebe ayo: iSebe loLungiselelo nezeMali, iCandelo lezabaSebenzi, iSebe lezoLwazi neTeknoloji kunye necandelo looMabhalane beSebe. Njengokuba zitshintsha umhla nezolo iinkqubo nemithetho yamacandelo angena phantsi kwawo la macandelo ethu, kuya kuba ngumngeni nangakumbi ukwenza ngokupheleleyo iimfuno zolu tshintsho. Xa sijonga le meko yangoku yezoqoqosho, iBhodi isazama ukuqesha abasebenzi abafumana amava okanye abasebenzi bethutyana, ngelixa isaphanda malunga neemfuno zayo kunye neenkqubo zokulwa nale ngxaki.

Iingxaki zemali zeBhodi zibangelwe zezemali zephondo ezibonisa ukuba kwixa elizayo isenokuncitshiswa igranti yeBhodi, zikhatshwa kukungakwazi kweBhodi ukuzenzela ingeniso yayo ngaphezu kwaleyo ibekwe kwimithetho,

kwakunye nokwaziswa ukuba iBhodi kuza kufuneka izihlawulele indawo yayo yokusebenzela xa kufika umhla wama31 kuOkthobha wokuphela kweli thuba lirlentelwe yiDTPW. Njengoko ingeniso ebekwe ngumthetho ingaphaya kwamandla eBhodi, zonke ezi zinto zibeka iBhodi kwimeko apho isisombululo ekukuphela kwaso ikukucutha ngeyona ndlela inkcitho yayo nokubeka ngokutsha iinkqubo ezisebenzisa ekufezekiseni uxanduva lwayo. IBhodi isaqhuba nokuxoxa nesebe ephantsi kwalo kunye noMphathiswa walo, ikhangela isisombululo sale ngxaki.

lingxaki zendawo yokusebenzela: IBhodi yaziswe ukuba njengokuba “Ilishishini likarhulumente elizilawulayo elingekho kurhulumente”, kwixa elizayo kuza kufuneka ikhangele ze izihlawulele imfuno zayo zendawo yokusebenzela okanye ibuyele kule ndawo ibikade ikuyo, ndawo leyo yaye “yagxekwa” yiKomiti esisiGxina yezeMali njengenganelanga ukuba ingafezekisa iimfuno zeBhodi. Okwangoku iBhodi isazama iindlela zokufezekisa iimfuno zayo zendawo yokusebenzela kwesi “siqhelo” sitsha size nale Khovidi-19 kunye neendleko zaso, yaye iza kuxoxa malunga naloo ndlela yokwenza ngokuqhuba kwalo nyaka siya kuwo.

Eyona nto kusoloko kuphikiswana ngayo nemanano (yabasebenzi) zizixhobo ezaneleyo zokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bayakwazi ukusebenzela ekhaya, betshintshisana, ukuze kuqinisekise ngokhuseleko nentlalontle yabo bonke abasebenzi, njengoko kufuneka kwenziwe njalo ngenxa yalo bhuhane. IBhodi isebenzisa iindlela ezininzi zokhuseleko ukwenzela ukuqinisekisa ngokhuseleko nentlalontle yabasebenzi bayo, kodwa amacandelo athile abasebenzi awakwazi kusebenzela ekhaya, nto leyo idala ukuba abasebenzi baloo macandelo bathi bayakhethwa. IBhodi ize nezinye iindlela ezongezelelekileyo yaye isalinde ukuziswa kwezixhobo ezithengiweyo zekhompuyutha, ukwenzela ukunika izixhobo eziyimfuneko zokwenza uninzi lwabasebenzi bayo bakwazi ukutshintshisana ngokusebenzela ekhaya. Esi senzo siza kuba nefuthe elihle kwiimfuno zendawo yokusebenzela yeBhodi.

IBhodi ayinamicimbi ibalulekileyo yasemva kokuphela konyaka yaye nayiphi imicimbi yasemva kokuphela konyaka icaciswe kwiphepha le130 lale ngxelo.

IBhodi ingathanda ukudlulisa umbulelo wayo kuMphathiswa uD Maynier ngobunkokeli nenkuthazo yakhe, iKomiti esisiGxina yezeMali, amaThuba ezoQoqosho nezoKhenketho kunye neKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente, ngokuhlala besijongile bemana ukuza neengcebiso kwimicimbi yeBhodi, amaGosa eWCPT ngokusincedisa kwawo, amaLungu eBhodi ngokuqwalasela oko kuqhubekayo, ukubonisa indlela nobunkokeli, amalungu eKomiti yoPhicothozincwadi ngokusiqwalasela kwaneengcebiso zawo, kunye nabaSebenzi beWCGRB ngobunono bawo nenkonzo yabo yokuzinikela nokufaka kwabo igxalaba ekwenzeni lo nyaka ka2020/21 ube yimpumelelo.



UMnu. P Abrahams
UMphathi oyiNtloko
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
31 kuAgasti 2021

5. INKCAZO YEMISEBENZI NENGINISEKISO YOKUCHANEKA KWENXELO YONYAKA YALO NYAKAMALI

Ngokolwazi nenkolo yethu, siqinisekisa oku kulandelayo:

Lonke ulwazi namaxabiso abekwe kule ngxelo yonyaka ayahambelana namaxwebhu engxelomali yonyaka aphicothwe nguMphicothiJikelele. Le ngxelo yonyaka iphelele, ichanekile yaye ayinanto ishiyelelweyo. Le ngxelo yonyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe yiOfisi kaNondyebo kaZwelonke. AmaXwebhu eNgxelomali yoNyaka (iCandelo E) alungiswe ngokwemimiselo yeGRAP efanelekileyo kwiBhodi.

AbasemaGunyeni boCwangcisomali ngabo abajongene nokulungisa amaxwebhu engxelomali yonyaka kunye nezigqibo ezithathiweyo malunga nolu lwazi. AbasemaGunyeni boCwangcisomali bajongene nokuseka, kunye nokuqhuba indlela yolawulo lwangaphakathi eyenzelwe ukunika uqinisekiso olufanelekileyo lwesidima nokuthembeka kwezi nkcukacha zentsebenzo, iinkcukacha malunga nabasebenzi kunye namaxwebhu engxelomali yonyaka.

Abaphicothizincwadi bangaphandle nabo bayabandakanywa ekunikeni uluvo oluzimeleyo malunga namaxwebhu engxelomali yonyaka.

Ngokokubona kwethu, le ngxelo yonyaka ikubonisa kakuhle ukwenziwa kwemisebenzi, iinkcukacha zentsebenzo, iinkcukacha zabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yeBhodi ngalo nyakamali uphele ngomhla wama31 kuMatshi ka2021.



UMnu. P Abrahams
UMphathi oyiNtloko
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
31 kuAgasti 2021



UMnu. D Lakay
USihlalo weBhodi
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
31 kuAgasti 2021

6. AMAGQABANTSHINTSHI NGOKUBANZI

6.1 Umbono

Ukwaziwa njengeziphathamandla zogcinozinzo kwezongcakazo eziphala phambili ekulawuleni izenzo zoshishino eziza nezinto ezintsha, ezizinzileyo nokwandisa amathuba oqoqosho ngendlela elucingelayo uluntu.

6.2 Umgomo

Ukulawula nokuqwalasela ukulandelwa kwemigaqo yokungcakaza kwiPhondo leNtshona Koloni.

- idale imeko ezinzileyo, yokubekwa esweni kokulandelwa komthetho ngendlela enobulungisa, engenamagingxigingxi kunye nesebenzayo;
- ikhuthaze ukuzithemba nentembeko kwimeko engenabuqhophololo nekungangcakazwa kuqhutywe imidyarho kuyo ngokungekho mthethweni, yaye
- ibe negalelo kuqoqosho lweNtshona Koloni ngohlobo oluza nezinto ezintsha nolunenkathalo eluntwini.

6.3 Iimfundiso ezisisiseko

Ekwenzeni umsebenzi wayo ophangaleleyo, iBhodi neOfisi yayo ibeka ukubaluleka okukhulu kwezi zinto:

- *Isidima*
Umgangatho wokubambelela ngokuluqilima kwindlela yokuziphatha eyiyo okanye intsulungeko nowona mgangatho uphezulu wokuqeqesheka.
- *Ukuba selubala nokuba noxanduva*
Ummiselo wokuba le Bhodi iya kwenza umsebenzi wayo ngendlela efikelelekayo, ecacileyo nebonakalayo kwanokuba imisebenzi yayo ivulekele ukuba ihlolwe ze kuphendulwe kwabachaphazelekayo kunye noluntu ngokubanzi.
- *Ukukwazi ukwenza*
Ukuba iziphathamandla zolawulozinzo eziwaziyo umsebenzi nezihlangabezana neemfuno zoluntu.
- *Ukuza nezinto ezintsha*
Ukudala ukugqibelela koshishino ngokuza nezisombululo kunye nezimvo ezitsha nezinokwenzeka.

7. UXANDUVA LOMTHETHO NOLUNYE

7.1 Uxanduva ngokomgaqosiseko

Uxanduva ngokomgaqosiseko lweBhodi luthathwe kwisiHlomelo sesi4 soMgaqosiseko, nesiyalela ukuba imigaqo yeekhasino, imidyarho, ungcakazo nokubheja, ngaphandle kweelotho nemidlalo yephuli (pool), luhambelana nokukwazi ukusebenza ngokusemthethweni kwendlu yowisomthetho yephondo nekazwelonke. Ekusebenziseni kwamagunya ayo nasekwenzeni umsebenzi wayo, kufuneka iBhodi ibeke esweni amalungelo angundoqo akhe wonke umntu, acaciswe kwiSahluko sesi2 soMgaqosiseko. Phakathi kwezinto ezibekwa siSahluko sesi6 soMgaqosiseko kukwakho nokulandelwa ngokukuko kwemithetho yezindlu ezahlukileyo zowisomthetho. Sikwajongana nezigqibo malunga nokungahambelani kokulandelwa kwemithetho eqhuba ngaxeshanye isuka kwindlu yowisomthetho kazwelonke neyephondo. Isahluko sesi6 simalunga nokusebenza kweBhodi ngokunxulumene nohlaziyo lweBhodi olusayilwayo loMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni, uMthetho wesi4 ka1996.

7.2 ImiThetho ekuQanyelwe ngayo

Kusebenza le mithetho ilandelayo yesizwe neyephondo kwimisebenzi eyenziwa yiBhodi:

UMthetho ka1997 ohlaziyiweyo wemiQathango esiSiseko yeNgqesho (Basic Conditions of Employment Act) (uMthetho wama75 ka1997)

Lo Mthetho ubeka imiqathango engundoqo yokuqeshelwa kweendawo zokusebenza zaseMzantsi Afrika yaye ubachaphazela ngokungqalileyo abasebenzi beBhodi yokuNgcakaza nemiDyarho yeNtshona Koloni.

UMthetho ka2003 wokuXhotyiswa okuNabileyo koQoqosho lwabaNtsundu (iBroad-Based Black Economic Empowerment Act) (uMthetho wama53 ka2003) nemiGaqo ehlahiyiweyo

Lo mthetho uquka isikhokelo somthetho sokukhuthazwa kokuxhotyiswa kwabantsundu kwezoqoqosho; ukuxhobisa uMphathiswa wezoRhwebo namaShishini ukuba akhuphe imigaqo yokusebenza kakuhle kunye nokulungiselela imiba ehambelana noku. Le Bhodi inyanzelisa iinjongo zomthetho nomgaqonkqubo wokuXhotyiswa okuNabileyo koQoqosho lwabaNtsundu ngokuthi abaninilayisenisi banyanzelise ukuba balandele imiqathango nemigaqo ebophelela iBhodi njengequmrhu likarhulumente.

UMthetho ka2002 ohlaziyiweyo woLawulo lweNtlekele (uMthetho wama57 ka2002) (iDisaster Management Act) kunye nemiGaqo yawo

Lo Mthetho ubeka umgaqosikhokelo wezomthetho ngokunxulumene nomgaqonkqubo wokulawulwa kweentlekele okusebenzisanayo nokulungeleleneyo nogxile ekuthinteleni okanye ekunciphiseni imingcipheko yeentlekele, ukuthomalalisa ubunzulu beentlekele, ukulungela iimeko zikaxakeka, ukujongana neentlekele okukhawulezayo nokuyimpumelelo kwakunye nokubuyela kwimeko yesiqhelo emva kwentlekele. Uthetha ngokusekwa kwamaziko olawulo lweentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakoomasipala, nekufuneka abe nemigaqonkqubo egxile ekulungisweni nasekusebenzeni kwala maziko. Ukwathetha ngokuhanjelwaniswa kwemisebenzi yequmrhu iNational Disaster Management Advisory Forum ukwenzela ukulungiselela iSouth African National Platform for Disaster Risk Reduction. Kuye kwapapashwa imiGaqo emininzi ngo2020 kusenzelwa ukusingatha, ukuthintela nokulwa nokusasazeka kweKhovidi-19 yekhoronavayirasi. Kukhutshwe iziKhokelo nemiGaqo eyahlukileyo phantsi komthetho wolawulo lweentlekele, iDisaster Management Act, nalapho bekusenzelwa ukulawula indlela yokuziphatha nokunyanzelisa izithintelo kubantu, abasebenzi namashishini, njengendlela yokulawula nokuthintela umngcipheko wokuba sesichengeni nokusasazeka sekhonravayirasi.

UMthetho ka1998 ohlaziyiweyo woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Equity Act) (uMthetho wama55 ka1998)

Lo Mthetho usisikhokelo somthetho ojonge ekupheliseni ucalulo olungafanelekanga emsebenzini yaye ukwabeka iinkqubo ekufuneka zilandelwe nekufuneka ziqhutywe yiBhodi ukuphumeza ukuba abasebenzi abaqeshiweyo ibe ngabasebenzi beentlanga ezahlukeneyo yaye babe bewazi nomsebenzi wabo bemele iintlanga zonke zeNtshona Koloni.

Umthetho ka2001 ohlaziyiweyo weZiko lobuNtlole bezeMali (uMthetho wama38 ka2001) (“uMthetho weFIC (weFinancial Intelligence Centre)”)

Lo Mthetho weFIC waseka iBhunga eliCebisayo leZiko lobuNtlole bezeMali kunye noThutyeleziso lweMali ukuba lilwe nokuthutyeleziswa kwemali kunye nokuxhaswa kwabanqolobi kunye nezenzo ezinxulumene noko. Ngokwalo mthetho, iBhodi liqumrhu lokuqwalasela, yaye abaninilayisenisi bayo bangamaziko athembekileyo. Lo Mthetho weFIC unika iBhodi imisebenzi namagunya amaninzi asemthethweni ekusebenziseni kwayo igunya layo lokuqwalasela ishishini lezongcakazo.

Umthetho ka2005 woMgaqosikhokelo woNxulumano phakathi kwamaCandelo kaRhulumente (iInter-governmental Relations Framework Act) (uMthetho we13 ka2005)

Lo Mthetho umisela umgaqosikhokelo karhulumente wesizwe, oorhulumente bamaphondo kunye noorhulumente bendawo ukuba bakhuthaze bekwaququzelela ubudlelwane bamacandelo karhulumente; ukunika iindlela neenkqubo zokuncedisana nokusonjululwa kweembambano ezikula macandelo karhulumente; kunye nokujongana nemiba ehambelana naleyo.

UMthetho ka1995 ohlaziyiweyo wobuDlelwane phakathi kwabaQeshi nabaSebenzi (Labour Relations Act - i”LRA”) (uMthetho wama66 ka1995)

I-LRA ilawula ze ikhokele le Bhodi, njengomqeshi, ukuze ilandele amalungelo, imisebenzi kunye namacandelo achongwe ngokwalo Mthetho; ngokwenjenjalo iqinisekisa ngozinzo nentando yesininzi emsebenzini.

UMthetho ka2004 woNgcakazo kaZwelonke (iNational Gambling Act) (uMthetho wesi7 ka2004) kunye nemiMiselo yawo

Lo Mthetho ubeka ulwazi ekufuneka luboniswe ziiBhodi zongcakazo zesizwe nezephondo ngokunxulumene nemigaqo kunye nokulawulwa kongcakazo nemidyarho eMzantsi Afrika. Lo Mthetho, ukunye noMthetho ka1996 woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWestern Cape Gambling and Racing Act) kunye nemiMiselo yayo eye yaphunyezwa phantsi kwayo, ibeka umsebenzi ofanele ukwenziwa yiBhodi nengeQumrhu elibeke esweni ukulandelwa komthetho. Lo mthetho ukwalungiselela nemiGaqo nemigaqo yongcakazo nemidyarho kwiRiphabliki xa iyonke.

UMthetho ka1993 ohlaziyiweyo weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (Occupational Health and Safety Act) (uMthetho wama85 ka1993)

Lo Mthetho uthi impilo nokhuseleko lwabantu abasemsebenzini kwanempilo nokhuseleko lwabantu ngokunxulumene nokusetyenziswa kweeplanti noomatshini; ukukhuselwa kwabantu kwiingozi zempilo nokhuseleko ezibangelwa okanye ezinxulumene nasemsebenzini; kunye nokulungiselela imiba ehambelana noko.

UMthetho ka2000 woMgaqosikhokelo soMgaqonkqubo wokuThengwa kwezinto kwabaThile (iPreferential Procurement Policy Framework Act) (uMthetho wesi5 ka2000) kunye nemiMiselo yawo

Lo Mthetho usisikhokelo ekufuneka iBhodi isiphumeze ngokuthobela umyalelo woMgaqosiseko wokuba kuqhutywe umgaqonkqubo ovumela ukuba kuchongwe abathile xa kuthengwa izinto zeziko; kodwa loo nkqubo ibe nobulungisa, yenziwe elubala yaye ingasebenzisi mali ininzi.

UMthetho ka2000 wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi (Promotion of Access to Information Act - i”PAIA”) (uMthetho wesi2 ka2000)

I-PAIA ibeka inkqubo esemthethweni ekufuneka zithathelwe ingqalelo zize zilungiselelwe ngayo izicelo zokufikelela kwiinkcukacha, yaye ikwaqalisa ilungelo lokufikelela kulwazi elinikwa ngumgaqosiseko. Lo Mthetho ukwasebenza nakumaziko aziinkampani zabucala okanye imibutho kunye namaqumrhu karhulumente.

Umthetho ka2000 wokuKhuthaza uBulungisa kwezoLawulo (Promotion of Administrative Justice Act - iPAJA) (uMthetho wesi3 ka2000)

I-PAJA yaphunyezwa njengomthetho kulandelwa icandelo lama33 loMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, kusenzelwa ukuphumeza ilungelo lolungiselelo lwaasezifisini olusemthethweni, oluvakalayo noluneenkqubo ezinobulungisa kunye nelungelo lokucela izizathu ezibhaliweyo malunga neentshukumo ezithathwe yiofisi. Njengequmrhu likarhulumente, le Bhodi inyanzelekile ukuba ilandele imimiselo yokwenza izinto ngendlela ebonakalisa ubulungisa kumanyathelo athathwa yiofisi, ngokwendlela ebekwe kulo Mthetho.

UMthetho ka2013 ohlaziyiweyo woKhuselo lweeNkcukacha zoBuqu (iProtection of Personal Information Act - iPOPI) (uMthetho wesi4 ka2013)

Ezinye zeenjongo zePOPI kukuphakamisa ukukhuselwa kweenkcukacha zobuqu ekusetyenzwa ngazo ngamaqumrhu karhulumente nawabucala; ukwazisa imiqathango ethile eyenzelwe ukumisela iimfuno ezingundoqo zokusebenza ngeenkcukacha zobuqu kunye nokulungiselela ukumiselwa komLawuli weeNkcukacha ukuba asebenzise amagunya athile enze nemisebenzi ethile ngokwalo Mthetho. Eminye imigaqo yePOPI yaqala ukusebenza ngomhla we11 kuEpreli 2014. Icandelo lesi2 ukuya kwelama38; lama55 ukuya kwele109; le111; nele114(1), (2) kunye no(3) aqale ukusebenza ngomhla woku01 kuJulayi 2020 yaye icandelo le110 nele114(4) aya kuqala ukusebenza ngowama30 kuJuni 2021. Isiphumo soku kukuba onke amaziko makabe sele eyilandela iPOPIA ngomhla woku1 kuJulayi 2021.

UMthetho ka1999 ohlaziyiweyo woLawulo lweMali kaRhulumente (iPublic Finance Management - i"PFMA") (uMthetho woku1 ka1999)

Le Bhodi liQumrhu likaRhulumente wePhondo elikuShedyuli 3C yaye ibotshelwa yimigaqo yokulawulwa kwemali nebhajethi ngokwemigaqo ebekwe kulo Mthetho. Injongo ephambili yePFMA kukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iiasethi namatyala amaziko namasebe karhulumente zilawulwa ngemfezeko nangempumelelo; ukulungiselela uxanduva lwabantu abajongene nolawulo lwemali kurhulumente kwanokulungiselela iimeko ezihambelana noko.

UMthetho ka1998 woPhuhliso lweZakhono (iSkills Development Act) (uMthetho wama97 ka1998)

Lo Mthetho unika umgaqosikhokelo weziko wokusungula nokuqhuba izicwangcisonkqubo zikazwelonke, ezecandelo kunye nezasesembenzini eziyilelwa ukuphuhlisa nokuphucula izakhono zabasebenzi baseMzantsi Afrika; ukunxibelelanisa ezo zicwangcisonkqubo ziphantsi koMgaqosikhokelo kaZwelonke weziQinisekiso zoQeqesho (iNational Qualifications Framework) ocaciswa kuMthetho waseMzantsi Afrika ka1995 woGunyaziso lweziQinisekiso zoQeqesho (iSouth African Qualifications Authority Act); ukulungiselela iinkqubo zokunika abafundi amava (iilearnership) neziya kukhokelela ekubeni abo bafundi bafumane iziqinisekiso zemfundo abanokuphangela ngazo; ukulungiselela uphuhliso lwezakhono ngokuthi kukhutshwe ingxowamali yerhafu yeegranti zokuxhasa uphuhliso lwabasebenzi kunye neNgxowamali kaZwelonke yoPhuhliso lweZakhono; ukulungiselela nokulawula iinkonzo zengqesho; kunye nokulungiselela iimeko ezinxulumene noku.

UMthetho ka1999 weRhafu yoPhuhliso lweZakhono (iSkills Levy Act) (uMthetho we9 ka1999)

Lo Mthetho uthi ukunyanzeliswa kwerhafu yokuphuhlisa kwezakhono; kunye nemiba enxulumene noko.

UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (uMthetho we108 ka1996)

Lo ngowona mthetho uPhezulu kweli lizwe yaye ubeka, phakathi kwezinye izinto, indlela yolawulo loMzantsi Afrika, indima noxanduva yamanqwanqwa ohlukeneyo orhulumente, amalungelo oluntu angundoqo abo bonke abemi yaye useka uluhlu lwamaziko aphantsi koMgaqosiseko.

UMthetho ka1996 ohlaziyiweyo woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWestern Cape Gambling and Racing Act) (uMthetho wesi4 ka1996) kunye nemiMiselo yawo

Lo ngowona mthetho ungunoqo ulawula imisebenzi namagunya olawulo ale Bhodi. Ukwabeka, phakathi kwezinye izinto, ukusekwa nemisebenzi yale Bhodi, uhlobo lweelayisenisi le Bhodi exhotyiselwe ukuba iziqwalasele ngokunjalo nemithombo yenkxasomali yale Bhodi. Ukwalungiselela nokunyanzeliswa kweerhafu ezisemthethweni kunye neemali ezihlawulwa ngabaninilayisenisi, ngokunjalo neentlawulo zesidelo zolungiselelo ezihlawulelwa ukungathobeli imigaqo.

7.3 Uxanduva ngokomgaqosiseko

IziGqibo zika1999 zoMgaqonkqubo woNgcakazo nemiDyarho eNtshona Koloni

IziGqibo zalo Mgaqonkqubo eziphunyezwe liBhunga elilawulayo inika imiba enxulumene nalo mgaqonkqubo wokukhutshwa kwezintlu ezahlukileyo zeelayisenisi, imiba ekufuneka ithathelwe ingqalelo xa kufakwa izicelo kunye nemigaqo enyanzelekileyo yezinikimaxabiso zeelayisenisi zokuqhuba iikhasino.

8. UKUMA KWELI ZIKO

Ngokwangowama31 kuAgasti 2021

IBhodi



UMnu. P Abrahams (uMphathi oyiNtloko)

AbaLawuli abaPhezulu



**ICANDELO B:
IINKCUKACHA MALUNGA
NENTSEBENZO**



1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIBEKWE KWANGAPHAMBILI

I-Auditor-General of South Africa yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso yentsebenzo ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicothozincwadi. Iziphumo zengxelo yophicothozincwadi ngentsebenzo zithelekiswa neenjongo ezibekwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo ephantsi kwesihloko seeNjongo eziBekwe kwaNgaphambili nezibekiwe kwicandelo leNgxelo engeemfuno ezimiselweyo zomthetho nemimiselo kwingxelo yomphicothizincwadi.

Jonga kwiphepha lama85 lale Ngxelo yoMphicothizincwadi epapashwe njengeCandelo E: INgcaciso yezeMali.

2. UPHONONONGO LWEMEKO

2.1 IMEKO ENGGONGE UKWENZIWA KWEENKONZO

2.1.1 UKUQWALASELA KWEBHODI

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWCGRB) liqumrhu elisemthethweni elisekwe ngokomthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act. Mabini amanqanaba okuqwalasela imicimbi yeBhodi. Kwinqanaba likazwelonke, iNGB iqhuba uphononongo lokuqwalasela, ze kwinqanaba lephondo iBhodi inike ingxelo kwiOfisi kaNondyebo wePhondo kunye noMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho eNtshona Koloni. Ikomiti zokuBekwa eSweni yiPalamente yePhondo yiKomiti esisiGxina yezeMali, amaThuba ezoQoqosho noKhenketho; kunye neKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente.

I-WCGRB liqumrhu likarhulumente wephondo eliphantsi kweShedyuli 3C yePFMA nelinesithuba esikhethekileyo sokuba phantsi kweOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni njengesebe elijongene nayo. Oogunyaziwe bezongcakazo kula maphondo aseleyo asibhozo anika ingxelo kwiSebe loPhuhliso loQoqosho, nelinolona xanduva lwalo ikukuqhubela phambili uphuhliso loqoqosho ukwenzela ukuba kuzuze uluntu gabalala ze ngokwenjalo kudaleke amathuba ezoqoqosho.

2.1.2 AMAQELA ACHAPHAZELEKAYO

Njengequmrhu likarhulumente, iBhodi inoluhlu olubanzi lwabathathinxaxheba. Olu luhlu luquka uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni; uMphathiswa wezeMali, amaThuba ezoQoqosho nezoKhenketho eNtshona Koloni; iOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni; abaSebenzi beWCGRB; amaQumrhu aneeLayisenisi zoNgcakazo nokuBheja; uluntu lweNtshona Koloni; abaNiki beeNkonzo; ezeNdalo kunye nabezoSasazo.

IBhodi yoNgcakazo kaZwelonke iqhuba uphononongo lokubekwa esweni kweePLA ngokwemiba yezomthetho ebekwe kwiCandelo lama33, ifundwa kunye necandelo lama34 oMthetho woNgcakazo kaZwelonke (iNational Gambling Act). Ngokwamathuba okuncokolelana, iBhodi kufuneka ingenise kwiBhodi yoNgcakazo kaZwelonke ulwazi ngokunxulumene nezintlu ezahlukileyo zeelayisenisi eziqukwe kwiCandelo lama35 loMthetho woNgcakazo kaZwelonke.

Umgagqonkqubo wamaqela achaphazelekayo eWCGRB ukhokela iindlela neenkqubo zokuxhasa iincoko ezakhayo ezibanjwa kunye namaqela achaphazelekayo.

Abanilayisenisi beBhodi banikwa ithuba lokuya kwiintlanganiso zeekomiti baze maxa wambi babizelwe nakwiintlanganiso zeBhodi ezibizelwe okuthile, ukuze babeke izimvo zabo kwiBhodi ngokunxulumene nelo candelo lifanelekileyo longcakazo. Uluntu gabalala lwamkelekile ukuba luye kwiintlanganiso ezivulelekileyo zebhodi zeWCGRB luze lubuze imibuzo luphakamise neenkxalabo zalo kwezi ntlanganiso.

Amanye amaqela achaphazelekayo eBhodi aquka iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke, iBhodi zoNgcakazo zePhondo, iOfisi kaNondyebo kaZwelonke, iSebe leNkulubaphathiswa, iSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente, iSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano, abasemagunyeni borhulumente wendawo (oomasipala), ngokunjalo neearhente zonyanzelisoMthetho, ezifana neNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika, nathi axoxe malunga nongcakazo olungekho mthethweni eNtshona Koloni.

IBhodi ikwasebenzisana kakhulu neSouth African Responsible Gambling Foundation (iNgxowa yokuNgcakaza ngeNkathalo yaseMzantsi Afrika) ngokwamaphulo oqeqesho anikwa yile ngxowamali yaye ikwabambisene

nale Ngxowamali ngokunxulumene neenkqubo zamaphulo okuzazisa kweBhodi kunye neenkukachamanani ezinxulumene neenkqubo zokuzikhwebula kungcakazo.

2.1.3 IMEKO YEZOQOQOSHO

Okona kukhula kweGDP kuqikelelwa ukuba kuza kubuyisa nge3.0% ku20021, kodwa isantya sokubuyela kwimeko yesiqhelo kuya kucutha kuye kwi1.6% ngo2022 ngenxa yoxinzelelo oluqhubayo kumacandelo, njengokunikwa okungazinzanga kombane kunye nemigaqo enxulumene nemisebenzi. Izinga lokunyuka kwamaxabiso ezinto liqikelelwa ku4.2% ngo2021, yaye kulindeleke ukuba lihlale likwi3%-6% ngo2022, nekwinqanaba eliyithagethi yebhanki enguvimba. Kulindeleke ukuba inyuke intsalela ekwikharenti-akhawunti, nanjengoko ukuphucuka kwamaxabiso eoyile kusenokunyusa ixabiso leemveliso ezivela ngaphandle. Ityala likarhulumente lisenokufikelela ngaphezu kwe90% yeGDP kwithuba eliphakathi, kodwa uqikelelo lona lube lusithi iza kuzinza ku95% ngo2026. INkcazelo yoMgaqonkqubo weBhajethi yaPhakathi kwiKota ka2020 (i2020 Medium Term Budget Policy Statement - iMTBPS) yangoOkhthobha 2020 ibiqikelela usetyenzisobhajethi engaphezu kwengeniso kunye nokudityaniswa kwamatyala kwithuba eliphakathi. Ezi ngqikelelo ziza kunyusa imingcipheko ngenxa yobuphezulu beendleko zeenkonziso zamatyala kunye nokuhla kweebhalansi-shithi zamaqumrhu karhulumente kunye nobuthathaka obuqhubekayo bemeko yezemali koomasipala.

I-MTBPS ka2020 icebise amanyathelo okunciphisa ityala lemivuzo yeenkonzo zikarhulumente kunye notyalomali oluqhutywa ziinkampani zikarhulumente, ukwenzela ukunciphisa ityala lezemali nokuzinzisa izinga letyala kwiGDP kwithuba leminyaka emihlanu. Ngo2023-24 iofisi kanondyebo ilindele ukulinciphisa ngamalunga ne\$1.8 yeebhiliyoni ityala lemivuzo - oyena nobangela mkhulu wetyala lezemali. Esi siphakamiso sele sibonise umngcipheko wezenzo zogwayimbo kwiindawo ngeendawo, noluya kuqhutywa ngamacandelo karhulumente anabasebenzi abayi1.3 yezigidi. Ngo2020, urhulumente woMzantsi Afrika uye wazibophelela ekutyaleni imali kwiinkampani zikarhulumente, ngokusebenzisa ubambiswano oluluqilima namacandelo abucala. Oovimba abakhulu bamazwe ngamazwe baseMzantsi Afrika baye banyuka kancinane ukusuka kwi\$52.4 yeebhiliyoni ekupheleni kukaMatshi 2020 ukuya kwi\$53.8 yeebhiliyoni ekupheleni kukaNovemba 2020, nto leyo ibiquka iinyanga eziyi6.9 zempahla engenayo esuka kumanye amazwe. Le nkqubela ibonisa ngokukodwa imboleko yangaphande efunyenwe egameni likarhulumente kwiibhanki zophuhliso zamazwe ngamazwe, kuquka iAfrican Development Bank, ukwenzela ukumelana nale ngxubakaxaka yobhubhane.¹

2.1.4 UXHOTYISO OLUNATYISIWEYO LWABANTSUNDU KWEZOQOQOSHO

I-WCGRB, njengequmrhu likarhulumente, kufuneka ilandele imimiselo yeB-BBEE kolu shishino ilulawulayo. Oku kwenziwa ngokunyanzeliswa kwemiqathango yeelayisenisi. I-WCGRB ibeke amanqanaba eethagethi zeB-BBEE ecandelo ngalinye kolu shishino longcakazo. Le miqathango iphononongwa rhoqo ngonyaka yaye kubekwa imiqathango eyahlukileyo ngokokudingeka, ukufaneleka, nokucaciseka kwayo ukwenzela ukwandisa ukuxhobiseka, inguqu nokukhuliwa kwabantu ekujongwe ukuba bazuze kwiinjongo zenguqu zikarhulumente. Uxanduva lweBhodi kukulawula ushishino longcakazo ngokukhupha iilayisenisi zabantu namaqumrhu afanelekileyo ukuba akwazi ukuqhuba ungcakazo nemidyarho kweli phondo kwanokuqinisekisa ngokuba olu shishino luyayilandela imithetho yongcakazo kazwelonke neyephondo. Ngokusebenzisa inkqubo yokukhutshwa kweelayisenisi, iBhodi ilandela inguqu kwezoqoqosho noxhotyiso olunatyisiweyo, zinto ezo ziyimiba ephambili kurhulumente kazwelonke nowephondo. Noko kunjalo, kubaluleke kakhulu ukuba iBhodi iqinisekise ukuba ithi ekunikeni kwayo amalungelo namathuba ezoqoqosho ibe inazo iindlela ezisebenzayo nezifanelekileyo zokuqinisekisa ngokukusetyenziswa kwazo ngendlela efanelekileyo kwanokuncitshiswa komezakalo nobungozi bongcakazo.

Ukuza kuthi ga ngoku, iBhodi isaqhuba nokuqwalasela olu shishino ukwenzela ukujonga nakuphi ukuhlutshezwa okugqithisileyo kunye notshintsho olukhawulezayo.

Ikomiti zamacandelo zeBhodi, ezisebenza njengeekomiti zokuphonononga nokucetyiswa kweBhodi, ziqwalasela ukulandelwa kwemiqathango ebekwa yiBhodi kolu shishino. Ezi Komiti zikwahlalutya iingxelo zekota ezisuka kubanilayisenisi malunga nobume kunye nezicwangciso zabo zokufezekisa, ukugcina nokuphucula la manqanaba eethagethi zeB-BBEE. Abanilayisenisi abangaxolelwanga ekufakeni izicelo zeeKhowudi zeB-BBEE, kufuneka baphononongwe rhoqo ngonyaka bephononongwa yiarhente ebhalisiweyo yobekozinga baze bazifake kwiBhodi ezo zatifiketi zobekozinga.

1 Umthombo wolwazi: African Development Bank

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

IBhodi yoNgcakazo kaZwelonke yaseMzantsi Afrika iqhube uphando malunga nemeko yangoku yenguqu nokukhula kushishino longcakazo eMzantsi Afrika. Le ngxelo yophando ikhutshwe ngoMatshi 2020 yaye ibonise oku kulandelayo:

- Olu shishino lusukile kwimeko apho amacandelwana athile aphinde abonisa umelo olungaphantsi kwamanani kazwelonke, ngokuthi lungapheleli nje ekudluliseni ngokungaphaya kwiithagethi zenguqu, lwaza lwafikelela apho amaqela athile eentlanga aye angavunyelwa ukuba anikwe amadinga (umz. Icandelo leBingo lawo onke amanqanaba olawulo).
- Icandelwana longcakazo leBingo neLPM ayaqhuba nokudlala indima ebalulekileyo kwinguqu yaye anokuthathwa njengezixhobo ezinamandla zenguqu.
- Kwimiba ethile olu shishino luye lwafezekisa de lwagqithisa kwiithagethi zenguqu.
- Inguqu kwicandelo leekhasino yenzeke ngenkqubela nangona isenzeka ngesantya esiphantsi xa ithelekiswa namacandelo eeLPM neBingo. Kusenokwenzeka ukuba oku kubangelwe kukuba ushishino lweekhasino ludala yaye lwaqalwa kwangaphambi kwedemokhrasi, kwaye lunamaqumrhu namacandelo amazwe ngamazwe angqingqwa ngakobona buncinane beemfuno zengqesho. Kwelinye icala, abaqhubimashishini eBhingo neLPM baqalise ngeli xesha langoku yaye bekunokuba lula ke ngoko ukuba la mashishini ahambelane neethagethi zenguqu, mhlawumbi kuba esaqala.
- Owona mngeni mkhulu ubekwe ngabameli booGunyaziwe bokukhutshwa kweelayisenisi kwiPhondo njengododobalisa inguqu eza nokukhula koshishino unxulumene nokunqaba kwenkxasomali kunye nokungabikho kophuhliso kunye nodluliselo lwezakhono.

Umdla wezemali nobuninizabelo bolu shishino kwiPhondo leNtshona Koloni ugxile kwabambalwa abadlala indima enkulu abanomdla kuwo onke amacandelo oshishino longcakazo, ngokukodwa kwinqanaba likazwelonke. Oku kuzinzisa ulawulo olwenziwa ndawonye kunye nokuqhutywa kwemigaqonkqubo ngawo onke amacandelo oshishino longcakazo, ndaweni yokusetyenziswa kweendlela zokulawula zemimandla ngemimandla. Oku kubhekisa kwicandelo leekhasino neleeLPM, nalapho kukho ukuthathwa kwenxaxheba okubanzi kwezoqoqosho kumaziko eeLPM kunye noshishino lokuqajisela iinombolo. Ngokunxulumene nokukhutshwa kweelayisenisi zezinye iindlela zongcakazo, iBhodi iza kudala imeko enika umfutho wokuxhotyiswa kwabo basafikayo kolu shishino inike nethuba lokuxhotyiswa okunatyisiweyo.

2.1.5 UKWANDISWA KOSHISHINO LONGCAKAZO

Uphando malunga nokukhutshelwa kweelayisenisi kwezinye iindlela zongcakazo

IBhodi iqhuba uphando malunga nezo ntlelo zeelayisenisi zicaciswe kwicandelo lama27 lalo Mthetho, nezingekaqaliswa okwangoku eNtshona Koloni. Ezi ziquka ukukhutshelwa iilayisenisi kodidi oluphezulu lwabangcakazi (iijankethi) kunye namashishini adlalisa iBingo. IBhodi ibisele ikhe yaqhuba uphando lwefuthe kuqoqosho lwentlalo, isenzela ukukhangela ifuthe lwezi ndlela zongcakazo zangoku kumakhaya, iindawo ezingqongileyo kunye nabangcakazi. Phambi kokuba ithathe isigqibo malunga nokukhutshelwa iilayisenisi kweendlela ezintsha zongcakazo, iBhodi inoxanduva lokwenza inkqubo yengxoxo noluntu ngokuthi iqhube iingxoxo noluntu kunye namaqela anomdla, ithathela ingqalelo ifuthe longcakazo kuqoqosho lwentlalo yabahlali bePhondo. Kufuneka iBhodi iphinde ilungelelanise umdla okhuphisanayo kunye namalungelo athi achaphazeleke xa kudalwa amathuba ezoqoqosho, yaye kuza kulandelwa inkqubo engqingqwa xa kuthathwa isigqibo sokuba zikhutshelwe iilayisenisi na ezinye iindlela zongcakazo, ngokwendlela ekucaciswe ngayo kuMthetho.

Nantsi eminya imiba edinga ingqwalaselo xa kuthathwa isigqibo malunga nokukhutshelwa iilayisenisi kwezinye iindlela zongcakazo:

- (a) Ingeniso enyukileyo eya kwiBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
- (b) Igalelo kwiingeniso zikarhulumente
- (c) Inguqu nokwanda kwamathuba ezoqoqosho eNtshona Kolonie

2.1.6 IZINTO EZINTSHA KOLU SHISHINO

Ubhubhani weKhovidi-19 sele ubonise ifuthe elikhulu kumashishini yaye usaza kuba nefuthe elibonakala ithuba elide kuqoqosho. Amashishini amaninzi athwaxeke kabuhlungu; la aquka ungcakazo, oluthe lwathwaxeke kakhulu ngulo bhuhane. Kuthe kwabonakala ukutshintshela kurhwebo lwakwi-intanethi kunye nokutshintshela kwi-intanethi kwamacandelo amaninzi. Nangona phambi kweKhovidi-19 abaxumi bebesiya bekhula ekuphileni ubomi babo kwi-intanethi, lo bhuhane uye wakukhawulezisa kakhulu ukutshintshela kwi-intanethi, nanjengoko abaxumi benyanzeleka ukuba bazikhwebule kwabanye abantu. Iingxelo ezininzi zingqina ukuba lo bhuhhani udale ukuba uninzi lwabaxumi baseMzantsi Afrika basebenzise i-intanethi okokuqala, bethenga

izinto eziyimfuneko zasendlwini. Ukususela oko kwaqala uvalelekondlwini lukazwelonke, iBhodi iye yaqaphela ukuqokelelwa okukhulu kwerhafu ngokunxulumene nokubhejela ezemidlalo ngefowuni, iselfowuni neintanethi. Oku akumangalisi xa kuthathelwa ingqalelo ukuba abangcakazi bakhethe ukungcakaza besekhaya ngenxa yokuba iyeyona ndlela ingcono leyo kwanokuba bezikhwebule kwabanye, belandela imigaqo karhulumente.

IBhodi iye yavuma izingciko abaqikelelinombolo zoubheja okuxhomekeke kokunye, nebezivuma ukuvunyelwa kokubheja koluntu kwimidlalo efanayo neyasekhasino. Oku kuvunywa kwenziwe emva kokuthathelwa ingqalelo kwemiba emininzi, yaye ibhodi iye yaneliseka ukuba oko kuvuma bekusemthethweni, nangona kuye kwaphelela ekubeni iBhodi ikhankanywe kwisicelo esifakwe kwiNkundla ePhezulu yiCasino Association of South Africa (i"iCASA"). IBhodi khange iziqhube iingxoxo kuba iye yagqiba ekubeni ilandele isigwebo seNkundla malunga nalo mba. I-CASA iye yagqibela ngokusirhoxisa eso sicelo. Ukunikwa kweemvume ezintsha zokubheja okuxhomekeke kokunye kunika uluhlu olubanzi lokubheja okuxhomekeke kokunye nokunokwenziwa ngamaqikelelinombolo, yaye ezi ndlela zizezinye zikwasusa ukuhla kumanani emidyarho yamahashe.

Imidyarho yamahashe njengomdlalo ibisoloko iqhuba kakubi, ngokwezimali nangokutsala umdla wokubheja. Kulo nyaka upheleleyo, iBhodi iye yaqaphela ukuhla okuzingayo kwiirhafu zokubhejela oku kubheja kuxhomekeke kokunye. Ukuvuselelwa kwemidyarho yamahashe njengomdlalo kuyimfuneko ekuyenzeni inike umdla nangakumbi kulutsha, nto leyo inokuncedisa abaninimashishini ukuba benze utshintsho kolu shishino. I-Ofisi kaNondyebo wePhondo iye yaqhuba uphando olujonga izingciko zoncendo lukarhulumente ezifunyenwe kubaninimashishini oomatshini bokubheja. Kuye kwaqeshwa inkampani yangaphandle ukuba icazulule imeko yezoqoqosho abazifumene bekuyo abanini boomatshini bokubheja. Le ngxelo igqibela ngeziphakamiso anokukhetha kuzo urhulumente wephondo. Le ngxelo ayikavuleleki kuluntu ngokubanzi, yaye iBhodi isalinde isigqibo sokugqibela soMphathiswa nesePhondo ngokunxulumene nolu phando neziphumo zalo.

Uluvo lweBhodi kukuba ikhankasela ukuba semthethweni nokulawulwa kongcakazo olwenziwa nabanye abantu kwi-intanethi, ukwenzela ukukhusela ababheji kunye nokuba iirhafu ezifanelekileyo zingene kwezemali. Njengokuba ababheji abangabemi baseMzantsi Afrika bengenazo iindlela ezizezinye zongcakazo ngokusemthethweni, abayi kuphelela nje ekwaphuleni umthetho ngokuthatha inxaxheba kongcakazo olungekho mthethweni kwi-intanethi, kodwa bakwashiyeka bephantsi kolawulo lwabanini boomatshini bokubheja abangenamithetho ibalawulayo ngokubhekiselele kwiimfuno zokuqhuba kakuhle eli shishini, ukubuyiswa kweepesenteji zababheji, ukuziphatha kakuhle, ukukhuthiswa kweelayisenisi kunye nokuzinza kwalo. Abanini beematshini zokubheja abaneelayisenisi balungiswa ngenkqubo engqingqwa yokukhutshwa kweelayisenisi, ukwenzela ukuqinisekisa ukuba olu shishino alunarhwaphilizo nazenzo zingekho mthethweni. IBhodi icinga ukuba iindlela zongcakazo olwenziwa nabanye abantu kwi-intanethi ziza kunika ababheji ukhuseleko lokuba bangabi sesichengeni sokusulelwa yiKhovidi-19 kuba bayakwazi ukuzingcakazela bezihlalele emakhaya, yaye ziza kunika ukunyuka kwengeniso okudingeka ngeyona ndlela xa kujongwa imeko yangoku yezoqoqosho. IBhodi ifake iziphakamiso kubayili bemigaqonkqubo kwinqanaba lephondo nelikazwelonke, ikhuthaza ukubekwa kweendlela zokukhutshwa kweelayisenisi nokulawulwa kokungcakaza nabanye abantu kwi-intanethi.

Kukho ukungaqiniseki ngokunxulumene nokuthuthwa kweekhasino ezingaphandle zingene kwidolophu enkulu (imetro) kunye nesiphumo okunokuza naso oku kuthuthwa kwazo kushishino longcakazo kweli Phondo. Okwangoku iBhodi ayinandima iyidlalayo kule nkqubo yokuthuthwa kwezi khasino, ngaphandle nje kokunika izimvo zayo kuhlaziyo olucetywayo, noselupapashiwe ukuze kufunyanwe izimvo zoluntu. Ngo2015, iTsogo Sun neSun International ziye zafaka izingciko kwiNkundla ePhezulu, zibonisa imingeni echasa ukuthuthelwa kweekhasino kwidolophu enkulu okucetywayo. INkundla iye yasikhupha isigwebo malunga nombala weGarden Route Casino et al v Premir of the Western Cape et al, ibekela bucala njengezingafanelekanga iziGqibo zika1999 zoMgaqonkqubo ezeza noluvo lokuba ezi khasino zintlanu zifumaneke kwimimandla ethile kuphela. INkundla iphinde yaqinisekisa ukuba iBhodi inegunya lokuthathela ingqalelo izingciko zokuthuthwa kweekhasino ngokwalo Mthetho. Isigwebo sokungafaneleki kweziGqibo zoMgaqonkqubo sibekelwe bucala ithuba lonyaka, ukwenzela ukuvumela inkqubo eza kwenziwa ngoku yokuphononongwa kongcakazo kwanokuba iKhabhinethi ibeke uMgaqonkqubo woNgcakazo oza kufakelwa izingciko ngokuya kuhamba ixesha.

IOfisi kaNongxowa wePhondo iye yakhupha igunya lokuba kuphandwe malunga nokulawulwa kodidi oluphezulu lwabangcakazi bamazwe ngamazwe. Olu phando luphononongo lokuthathelwa ingqalelo kwemithetho, izingciko, uqeqesho neerhafu ngohlalutyo oluthlekisayo lweendawo abadlala bekuzo aba bangcakazi bakudidi oluphezulu bamazwe ngamazwe. Olu phando sele lukumanqanaba awo okugqibela okugqitywa kwalo.

Ngaphandle kolu phando lugunyaziswe yiOfisi kaNondyebo wePhondo, iBhodi iphonononga ubume bongcakazo kunye namathuba ongcakazo eNtshona Koloni. Abaqhubishishini beLPM baye baxoxa neBhodi

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

malunga nokuqhutywa kweeLPM zoHlobo B noHlobo C kweli Phondo. Ukuza kuthi ga ngoku iBhodi sele ikhuphe iLPM ezingama3 000, umqhubishishini weLPM ngamnye enikwe iimatshini zeLPM ezili1 500. UMthetho ka1996 woNgcakazo kaZwelonke kunye nemiGaqo kaZwelonke ehamba nawo unika ukuqhutywa kwenani elipheleleyo leeLPM ezingama9 000 eNtshona Koloni. IBhodi ivume ukuqhuthwa kweeLPM ezingama3 000 ukukhutshwa kweRFP yokuqala ekusekweni kolu shishino longcakazo kweli Phondo.

Ukuza kuthi ga ngoku, iBhodi sele ikhuphe ilayisenisi zeziza zeeLPA zoHlobo A, nezivumela abaninishishini bezo ziza ukuba babeke ukuya kutsho kwiiLPM ezi5 ekuya kudlalwa kuzo ngabangcakazi kwezo zakhiwo zeziza zabo zeeLPM ezineelayisenisi. Ilayisenisi zeziza zeeLPM zoHlobo B zivumela ukuya kutsho kwiiLPM ezingama20, zize ilayisenisi zeziza zeeLPM zoHlobo C zivumele ukuya kutsho kwiiLPM ezingama40 kwisiza seLPM esinelayisenisi, Ezi zintlu zeelayisenisi zeziza zeeLPM zitsala umdla wokuvunywa kweminye imigaqo elawulayo kunye notyalomali olujongene ngqo nazo, yaye kubekwa neemfuno zezomthetho ezimalunga nokusetyenziswa kwazo. IBhodi ibeka iindlela eziyimfuneko zokubhexesha ukusetyenziswa kweziza zeeLPM zoHlobo B nezohlobo C. Isigaba saphambi kokuqhutywa kwazo siquka ukuxoxa namaqela eBhodi aqwalasela izinto, kuphononongwa imiGaqo yongcakazo kunye neendlela zolawulo kukwabekwa neendlela eziphangaleleyo zotyalomali kunye neentlawulo ezibekwe ngumthetho. Ukukhutshwa kweelayisenisi zeeLPM zoHlobo B noHlobo C akuzi kuphelela nje ekuhluphezeni uqoqosho lwendawo kunye neerhafu zongcakazo eziya kwiimali zephondo, koko kuza kuza kudala imisebenzi kunye noxhotyiso olunatyisiweyo.

2.1.7 AMAPHULO EBHODI OKUZAZISA KUNYE NONGCAKAZO NGENKATHALO

Ekuqhubeni uxanduva lwayo iBhodi, iye yaqaphela ukuba amathuba ongakazo nemidyarho anokuza nemingcipheko ethile kwabo bathatha inxaxheba kwezi zenzo. Nangona bekusoloko kukho iindlela zokusingatha iinkxalabo ngokunxulumene nongcakazo oluyingxaki, iBhodi igqibe ekubeni iphucule imizamo yayo ngokugxila kakhulu kungcakazo ngenkathalo. Nangona kusalindwe ukuphunyezwa komthetho onxulumene noluhlu lukazwelonke lwabo bangavunyelwayo kungcakazo, aziyi kuphazanyiswa lolo libaziseko iinzame eziqhubekayo neziphuculweyo eNtshona Koloni. Kulo nyaka uphononongwayo, izakhiwo zongcakazo ziye zavalwa ithuba elimalunga neenyanga ezintathu ngenxa yoValelekondlwi lukaZwelonke. Kodwa abaqaqajiselinombolo abaneelayisenisi abaye banika ithuba lokubheja kwi-intanethi baye baqhuba nokusebenza kuwo onke amanqanaba ovalelekondlwi.

Nangona iBhodi ingakwazanga kuqala amaphulo okwazisa uluntu, ngenxa yovalelekondlwi, akubonakali ngathi liye landa inani lezicelo zokungavunyelwa ukungcakaza, nangona kuye kwakho ukunyuka okubonakalayo kwingeniso neerhafu zokubheja. Kodwa ke iBhodi iye yayithathela ingqalelo into yokuba ukubheja okufumanekayo okuxhomekeke kokunye kwi-intanethi, kukhatshwa ziimeko zovalelekondlwi, kunokuba sisiqalo songcakazo oluneengxaki. Le meko iye yaqwalaselwa ngobunono kwaza akwaqatshelwa zinkxalabo zibambekayo zoluntu. Kulo nyaka uphononongwayo kuye kwenziwa utshintsho obeluyimfuneko kumazwi anyanzelisayo abekwe kuzo zonke iintengiso zongcakazo nokubheja, ekwakhathshwa yinombolo kaWhatsApp. Kulo nyakamali mtsha, kuye kwajongwa inani lemiba enokudinga ukuba abaninilayisenisi balandele uluhlu lweemfuno zomthetho ezijonge ukunciphisa ubungozi abanokujamelana nabo abaxumi. Amaphulo eBhodi okusingatha ungcakazo oluyingxaki athe aqatshelwa lolu shishino, kangangokuba iBhodi sele ikhe yamelwa kwiinkomfa eziqhutywa kwi-intanethi amathuba angaphezu kwamabani, nalapho bekusenziwa iintetho ezimalunga:

- Nokungcakaza okuyingxaki: Indlela yokwenza yaseMzantsi Afrika
- Ungcakazo olukhuselekileyo: Ukukhokela ngomzekelo

Iinjongo kukuqhuba nokwenziwa kongcakazo olunenkathalo, loo nto isenziwa ngezinyanzelo ezibekwa kubaninilayisenisi ngokunjalo nokwaziswa kwanokufundiswa koluntu; nangona kungakwazeki ukuqhuba indlela yesiqhelo yamaphulo okwazisa uluntu ngokubanzi ngenxa yemiqathango eqhubekayo yovalelondlwi.

Kunyakamali ka2020/21, iBhodi ifikelele kubantu abangama81 200 eNtshona Koloni isebenzisa amaphulo ayo ongakazo olunenkathalo abeqhutywa kumaqonga onxibelelwano. La maphulo aye akhokelela kwiingxoxo ezingqalileyo ezingama12 376 eziqhutywe kula maphulo, neziquka iimpendulo kwizimvo ezithunyelweyo, ukudluliswa kwezo zimvo kunye nokuvakalisa izimvo malunga nezo zimvo zithunyelweyo. Ngokusebenzisa amaqonga onxibelelwano (uFacebook), iBhodi iyakwazi ukukhetha indawo (iNtshona Koloni) ikwazi nokucacisa abo ijolise kubo (ngokobudala, umdla, njalo njalo) nefuna ukufikelela kubo iBhodi. Ezi ndlela zongcakazo olunenkathalo/ amaphulo okwazisa ngebhodi ziye zasebenza ngokukodwa ngethuba lovalelekondlwi, nanjengoko amagosa eBhodi ebengakwazi kuya nakweziphi na iinkqubo eziqhutywa ubuso ngobuso zokwazisa malunga nebhodi ngeli xesha liphononongwayo.

2.1.8 UKUPHELISWA KONGCAKAZO OLUNGEKHO MTHETHWENI

Kulo nyaka uphononongwayo kubekho izityholo ezingama30 zongcakazo olungekho mthethweni, neziye zakhokelela koku kulandelayo:

- Kuye kwaphandwa izityholo ezili18 zaza zaqinisekiswa njengezingeyonyani
- Izityholo ezili12 bezisaza kuphandwa

Imiqathango yovalelekondlwini iye yaziphazamisa kakhulu iinzame zethu zokuqhuba uphando lwezi zityholo zongcakazo olungekho mthethweni, abe namagosa eSAPS enomthwalo omninzi wokunyanzelisa imithetho yovalelekondlwini, satsho sangakwazi kusebenzisa izixhobo zawo ngokukhululeke ngale ndlela besisakuzisebenzisa ngayo. Noko kunjalo, siyakhwazi ukunika ingxelo yokuba zonke izityholo ziseza kuphandwa kuze apho kufunyaniswa ukuba olo lwazi aluyonyani, idilesi yeso sakhiwo igqanyiselwe ukuze ifumane uqwalaselo oluthintelayo lwexesha elizayo.

Nangona zonke ezi zityholo ziphandiweyo ziye zafunyaniswa zingenabunyani, kulo nyaka uphandwayo aye avalwa onke amashishini ongcakazo olungekho mthethweni lweintanethi, afihlwa ngokwenziwa ngathi ziindawo zokujonga i-intanethi. Oku kuvalwa kwezi ndawo kunxulumene nezityholo eziphandwe kwiSouthern Cape zaza zaphuma noku kulandelayo:

- Ukubanjwa komntu om1
- Ukuthinjwa kweekhompyutha ezingama42
- Ukuthinjwa kwemali engamaR13 397.50.

Eli tyala lisaqhuba kwiNkundla kaMantyi yaseGeorge. Nangona iingxoxo zethu namagosa afanelekileyo eSAPS ziye zaphazanyiswa kakhulu yimiqathango yovalelekondlwini ikunye nemisebenzi yethuba lovalelekondlwini enikwe la magosa, kuye kwakho iingxoxo eziqhutywe ubuso ngobuso ngokunjalo neentsebenziswano ngokubambisana ezimbini ezithe zaqhutywa ngoMatshi 2021, yaye ezo zenzo ziza kwandiswa kulo nyaka uzayo.

2.1.9 UTYALOMALI KUPHULISO LWENTLALO

IBhodi isaqhuba nokunyanzelisa utyalomali kuPhuhliso lweNtlalo (iCorporate social Investment - iCSI) omalwenziwe ngabaninilayisenisi ngokwemiqathango yeelayisenisi.

Kulo nyaka uphononongwayo, imiqathango yovalelekondlwini lweKhovidi-19 ayikuchaphazelanga kangako ukukhutywa kweentlawulo zeCSI, nanjengoko ezi ntlawulo zinxulumene ngengeniso yala mashishini, nengachatshazelwanga kuyaphi luvalelekondlwini. Noko kunjalo, uvalelekondlwini luye lwanesiphumo kwindlela engena ngayo imali kweli thuba lokulandelwa kokuhlululwa kweentlawulo zeCSI, nto leyo iye yakhokelela ekwandisweni kwethuba lokwenziwa kwezo ntlawulo.

Bona abaninilayisenisi baye banyaniseka kwizibophelelo zabo yaye bayaqhuba nokuphuhlisa uluntu abadla ngokulunceda.

IBhodi isaqhuba nokukhuthaza utyalomali kwezi nkalo zilandelayo:

- Ezemfundo: ukuxhaswa kwemfundo yabantwana abasaqalayo, ukuphucula izakhono zemathematika, isayensi nolwimi, uphuhliso lweethishala nabafundi kunye nokuxhaswa kwezikolo ezinabafundi abaneemfuno ezikhethekileyo zemfundo;
- Ezempilo: ukomelezwa kokhathalelo lwempilo olungundoqo nokusebenzela ekuthinteleni iHIV/AIDS;
- Uphuhliso loLuntu oluZinzileyo: ukunika inkxaso yentlalontle, ukusebenzela ukuziphilisa okuzinzileyo nokukhuthazwa ngoqeqeshelo lwezakhono nokudalwa kwemisebenzi kwanokuxhasa ukuxhotyiswa ngezakhono kophuhliso lwamashishini.

Kulo nyaka uphononongwayo amalungu namagosa eBhodi aye aqwalasela iiprojekthi ezintlanu (5) zeCSI ezixhaswa ngemali ngabaninilayisenisi. Abaninilayisenisi banike iBhodi ubungqina beeprojekthi zeCSI ngohlobo lwentetho ezenziwa kwiividiyo baza abaxhaswa bezo projekthi baya kwiintlanganiso zeKomiti ukuya kunika ingxelo. Ngenxa yeKhovidi-19, iintlanganiso zeBhodi nezeKomiti ziye zaqhutywa kwi-intanethi.

Abaninilayisenisi beBhodi baye batyala imali eyiR14 776 978 ngokunxulumene notyalomali kwintlalo kulo nyaka uphononongwayo.

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

2.1.10 IFUTHE LOBHUBHANE WEKHOVIDI-19

IBhodi nolu shishino zisaqhuba nokulandela imigaqo yeKhowidi-19 yaye ziye zaqhuba iindlela ezahlukileyo ezenzelwa ukhuseleko lwabasebenzi nabangcakazi. IBhodi iye yaphonononga yaze yahlola ezi ndlela, ijonga ukulandela kwazo imithetho nokusebenza kwazo.

Ezi ndlela ziqalelwe ukuphucula imigangatho yococeko, ziquka:

- Iisanithayiza ezifumaneka ekungeneni nangaphakathi kwezakhiwo
- Ukwandiswa kwamathuba okucoca ngaphakathi kwizakhiwo
- Ukunikwa kwabasebenzi iisanithayiza
- Iindawo ezithanda ukugcwala abantu ziyasithayizwa emva kokudibana nomngcakazi ngamnye
- Ukunyanzelisa ukuqelelana kwabantu nokuzikhwebula ebantwini

Ezi ndlela ziqaliswe ngokwemisebenzi eyenziwa kolu shishino:

- Amakhuphiswano okutsala inombolo yophumelelayo aye arhoxiswa ngenxa yokuba etsala umdla wabantu abaninzi
- Iye yarhoxiswa imicimbi neshowu ezenzeka kwizakhiwo zeeKhompleksi zeeKhasino.
- Ukuvalwa kokuthengiswa kotywala kwiikhasino
- Ukucinywa kweematshini zongcakazo, ukwenzela ukuphucula ukuqelelana kwabantu
- Ukucuthwa kwenani labantu amabaye kumcimbi wemidyarho yamahashe.

Abaninilayisenisi amashishini abo basawaqhuba ngokulandela imigaqo yezempilo kunye neendlela zokusebenza ezivalela ukwenziwa kokuthile.

IBhodi iye yaneliswa kukuba bonke abaninilayisenisi baseNtshona Koloni baye bayilandela ngokupheleleyo imiqathango yoValelekondlwini lukaZwelonke kuba khange kubekho zakhiwo zongcakazo zisebenzayo yaye olu shishino luye lwavula ngokutsha ngomhla wama29 kaJuni 2020 phantsi kweNqanaba lesi3 lovalelekondlwini ngokwemiGaqo ehlahiyiweyo efanelekileyo.

Le migaqo iye yanesiphumo esibonakalayo kolu shishino nanjengoko kuye kwakho utshintsho kwizabelo zemakethi yeli candelo. Ukubheja kwi-intanethi- kuye kwanda kakhulu ngelixa izakhiwo zokubheja, ebezingakwazi kutyelelwa njengakuqala, ziye zabona ukuhla okuqaphelekayo kubaxhasi kunye nengeniso ehamba nabo.

Kuye kwafuneka ukuba abaninilayisenisi bacinge ngokutsha malunga neendlela abenza ngazo ze batshintsho izenzo zabo ukuze zihambelane noku kuncitshiswa kwezenzo zoshishino, ngokunjalo nendlela abaxoxa ngayo neBhodi. Kuye kwanqunyanyiswa ukuziswa kwezinto kwiindawo zoshishino kwaza kwasetyenziswa i-intanethi ukuhambisa amaxwebhu olwazi. Apho kuyimfuneko, kuye kwamkelwa amaxwebhu athunyelwe ngeintanethi, phantsi komqathango othi kufuneka kuthunyelwe amaxwebhu oqobo kwiOfisi yeBhodi lingaphelanga ixesha elithile emva kokunyeneyiswa koValelekondlwini lukaZwelonke.

Nangona amashishini amancinane kuye kwafuneka azivale izenzo zawo zoshishino, ziye zanda ngokukhawuleza izenzo zongcakazo kwi-intanethi.

2.1.11 ITEKNOLOJI NOLWAZI

Ubhubhane weKhowidi-19 uye wanyanzelisa utshintsho olukhawulezileyo kumaziko ngokwendlela anokukuvelela ngayo uphazamiseko kwezenzo zesiqhelo zamashishini. Imingeni ekhethekileyo aye ajamelana nayo amaziko kwihlabathi jikelele ibe kukucinga ngokutsha malunga neendlela zokwenza zangoku ngokuthi acinge ngezinye iindlela zokwenza amashishini abo aqhubeka. Oku kuxhomekeka kakhulu kwitekhnoloji yeintanethi, inguqu nokuqhagamshela kwi-intanethi kuye kwaneengxaki zazo ngokunxulumene nokomelela, ubuthathaka, amathuba nemingcipheko yamaziko. I-Ofisi yeBhodi nayo khange isinde kwezi ziphumo, kwaza kwafuneka ihlole ukukwazi kwayo ukusebenza ngethuba lalo bhubhane.

Ngethuba lovalelekondlwini lukazwelonke, ukungaqiniseki malunga nokuza kwenzeka kuye kweza nezinye izicwangciso kwaza kwasetyenziswa ukomelela nokuzimisela kweBhodi yeWCGRB, abasebenzi beshishini neICT benza iindlela zokuqhubeka nokusebenza. I-Ofisi yeBhodi iye yanika abasebenzi izixhobo eziyimfuneko zokusebenzela ekhaya, yenza ufikelelo kumaxwebhu aseofisini ngokusebenzisa iinethiwekhi zabucala zeintanethi ukuze kukwazi ukufikeleleka kwineethiwekhi yeWCGRB, iisistim zokuvelisa, izixhobo zokubambisana kunye namaqonga edijithali. Oku kuye kwavumela iinkqubo nemisebenzi yeshishini ukuba ikwazi ukuqhuba ngethuba

lokuvaleleka endlwini. ImiGaqonkqubo yeWCGRB yoKhuseleko nokuziBophelela kubuMfihlo (iSecurity Policies and Oath of Secrecty), iNdlela yokuziPhatha neCandelo le17 kunye nele19A loMthetho ka1996 woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni iye kadluliselwa kubo bonke abasebenzi beWCGRB ukwenzela ukuqinisekisa ngokufikelwa nokukhuselwa kolwazi neenkukacha kwanokuba abasebenzi bayayilandela le migaqonkqubo ngeli thuba lovalelekondlwini.

Ngaphandle kokuba iWCGRB ikwazi ukwenza umsebenzi wayo ngokusebenzisa i-intanethi, ukusingathwa kweentlanganiso zeWCGRB ngeevidiyo, ukubambisana nokukwazi ukuqhagamshelana kwenze kwalula ukwenziwa komsebenzi. Oku kwenze ukuba kuqhutyekwe neentlanganiso zeBhodi, ezeeKomiti nezamasebe, ukudluliselana ngolwazi kunye nenkxaso eyenziwa ngeintanethi. Unxibelelwano nabasebenzi, ushishino, iinkampani ezinika iinkonzo, kuquka noluntu lwaseMzantsi Afrika ngokubanzi, luye lwakwazi ukwenzeka ngefowuni, i-imeyile nokubanjwa kweentlanganiso zeevidiyo.

Ngaphezu koku kungasentla, ziye zakwazi ukwenza imisebenzi yazo iiKomiti zezeMali, eyeIT, eyokuziPhatha ngeNdlela eyiyo kunye neyoPhicothozincwadi, ebezinoxanduva lokuqwalasela ukusebenza nokwanela kwelCT yangaphakathi kwiOfisi yeBhodi. Iingxelo zekota zeICT nophicothozincwadi lwangaphakathi ziye zabekwa phambi kwezi komiti ukwenzela ukuqinisekisa ngokugcinwa kolawulo olululo lweICT, ukhuseleko lwangaphakathi. Imingcipheko kunye nolawulo olunxulunyaniswa nokusebenza kwelCT ibandakanywe kuLuhlu lwemiNgcipheko yeBhodi yaza yakwazi ukulawulwa. Imiba enxulumene neICT yeOfisi yeBhodi iye yalungiswa ngokusebenzisa isistim yoLawulo lweDesika yemiNxeba yoNcedo yeWCGRB laza isebe leICT yeWCGRB laqhuba ulungiso ngeintanethi okanye ngokuya kwizakhiwo ngeli thuba lalo bhubhane.

Eyona nkalo kuye kwagxilwa kuyo yiOfisi yeBhodi ibe lithuba lokuguqukelwa kwiinkqubo ezizenzekelayo zeshishini yaye oku kuye kwayindlela esebenzayo yamashishini ngethuba yalo bhubhane. Le projekthi nesistim yoshishino oluzenzekela ngedijithali, ebizwa ngokuba yiGenesis, iye yavumela ushishino lukwazi ukuzifaka kwi-intanethi izicelo zazo zeelayisenisi zongcakazo. Eyona njengo yesistim yeGenesis kukwenza ukuba iinkqubo zokufakwa kwezicelo zeelayisenisi kwiBhodi zibe zezizenzekelayo, yaye ikwinkqubo yokudala imeko engaprinti maphepha elungiselelwe le Ofisi yeBhodi, kuquka noshishino longcakazo. Le projekthi iqale ukusebenza ngoSeptemba 2018, saza isiGaba soku1 sagqitywa saza senziwa kushishino lweekhasino ngo2019. IsiGaba sesi2 siye senziwa ngo2020, ngethuba lovalelekondlwini kushishino lweeLPM. Lonke olunye ushishino olukwisiGaba sesi2, abaQaqajiselinombolo neeMatshini zokuBheja, luya kuqhutywa ngo2021. Ukuqeqeshwa koshishino lweeLPM nabasebenzi beWCGRB lwagqitywa ukwenzela ukuba abaninshishini beLPM bakwazi ukufaka izicelo zabo zeelayisenisi ezikhutshwa ngedijithali, loo nto beyenza ngephothali ekwi-intanethi, ukususela ngoFebruwari 2021. Ukuqhutywa kweGenesis kwisiGaba sesi2 seeLPM nangethuba lamanqanaba amana enyanzeliswa ovalelekondlwini, ukufumaneka kolu shishino, iinkampani ezingabaniki beenkonzo kunye nabasebenzi beWCGRB kuye kwadala ukulibaziseka kokuqaliswa kokusetyenziswa kwale sistim kwi-intanethi. Ngenxa yokulindelekileyo namava afunyenwe kwisiGaba soku1, iBhodi neenkampani ezingabaniki beenkonzo ziye zenza amalungiselelo okuba kujongwane nemingeni yokusebenza ngeintanethi kwisiGaba sesi2.

Iwebhusayithi yeIntanethi yeBhodi iye yahlaziywa kusetyenziswa i-intanethi ngethuba lovalelekondlwini, loo nto isenzelwa ukuba abatyebile bayo bafumane indlela elula nengcono yokukhangela nokuziqhelisa noxanduva, iinkonzo, iinkqubo zokukhutshwa kweelayisenisi zongcakazo, izikhokelo, uqhagamshelwano lweeofisi zeBhodi, imigaqo yamashishini ongcakazo, imithetho nemigaqo yeWCGRB, iinkcukchamanani zongcakazo, xa kubalwa nje ezimbalwa.

Ukuphucuka kweteknoloji kuza neendlela ezintsha zokungcakaza yaye kufumanise ukubheja kwimidlalo kwi-intanethi njengemakethi ekhulayo. Ukubheja kwi-intanethi kuye kwanyuka kakhulu ngethuba lovalelekondlwini ngenxa yokungabiho kwezinye iindlela zongcakazo, umz. iiKhasino, iiLPM neeMatshini zokubheja. Abanyanzelisimthetho mabaqinisekise ukuba baqeqeshwe ngokwaneleyo ukuba basingathe utshintsho lweteknoloji, ukusetyenziswa okunabileyo nokuqhubekayo kwale teknoloji itshintshileyo. Le miba ikwadinga ukusingathwa ekuhlaziyweni kwemithetho, ukwenzela ukuqinisekisa ngokuhambelana kwale mithetho nokutshintsha kweteknoloji.

2.1.12 UKUHANJWA KWEENKOMFA

Ukuhanjwa kweenkomfa kuqinisekisa ukuba iWCGRB isoloko inolwazi malunga nokuqhubekayo kunye neendlela ezintsha kolu shishino, ngokunjalo nokutshintsha kwemithetho yalo. Kunika iqonga lokudibana namaqela afikayo kolu shishino kudalwe nobudlelwane obakhelwa uncediswano kwixa elizayo.

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

Imigaqo yovalelekondlwini iye yanciphisa amanani abantu abaya kwinkomfa yobuso ngobuso nabaza kuthi bakwazi ukuncokola namaqela afikayo, nanjengoko ukudibana ngabantu kolu valelekondlwini. Sports Betting Community (“iSBC”) yinkamani yeendaba, usasazo nemicimbi, nesebenza neenkokeli zolu shishino ukuphuhlisa ushishino lokubheja nongcakazo, yaye iinkonzo zabo ziquka ukubhengeza iintengiso, ukubhalwa kwezimvo zomhleli kunye nomsebenzi wokucebisa, ngokunjalo neenkomfa, imiboniso, iisemina neembasa zoshishino. I-SBC iye yanxibelelana neBhodi yacela ukuba kubekho ummeli weBhodi kuya kwezi nkomfa zenziwe kwi-intanethi, enze intetho malunga nezihloko eziyichaphazelayo:

- SBC Digital Summit Africa 2020 - Problem Gambling: The SA Approach
- SBC Digital Summit Africa 2021 – Safer Gambling: Leading by Example

Amagosa eBhodi aye aya nakwezi nkomfa zeintanethi, nangona kungakhange kubekho kubandakanyeka kungqalelileyo kweOfisi yeBhodi:

- SBC Digital Summit Barcelona
- The Face of the Disordered Gambler

IBhodi isaqhuba yaye isaza kuqhuba nokungena kwiinkomfa ezichotshelwa kwi-intanethi kunye neewebhina eziqhutywa ngethuba lovalelekondlwini.

2.1.13 IIMFUNO ZE-KING IV EZIMALUNGA NOLWAZISO LWEENKCUKACHA EZINOKUPHEMBELELA UTYALOMALI NGOKUBHEKISELELE KULAWULO LWAMASHISHINI

Ngokweemfuno zeKing IV, kufuneka iBhodi yazise malunga neenkukacha ezithile ezinokuphembelela utyalomali, ngokunxulumene nolawulo lwamashishini. Ingxelo yeKing IV yeBhodi iyafumaneka kwiwebhusayithi yebhodi apha: www.wcgrb.co.za


2.1.14 IMEKO ENGGONGE UKWENZIWA KWEENKONZO

Ngowama31 kuMatshi 2021 ushishino longcakazo nemidyarho esemthethweni eNtshona Koloni, noluquka ummandla ophelileyo weNtshona Koloni beluquka:

Isenzo seeLayisenisi	31 Matshi 2021	31 Matshi 2020
Iikhasino ezineelayisenisi	5	5
Abaninilayisenisi bamashishini eematshini ezikhupha imali engadluliyo kwixabiso elithile	2	2
Abaqaqajiselinombolo abaneelayisenisi	48	43
Umatshini wokubheja onelayisenisi	1	1
Iindawo ezineelayisenisi	657 (IiLPM ezingama446, Abaqaqajiselinombolo abali148, Oomatshini bokubheja abangama63)	664 (IiLPM ezingama447, Abaqaqajiselinombolo abali164, Oomatshini bokubheja aba3)
Izixhobo zongcakazo ezineelayisenisi	6 888	6 940
Iilayisenisi zabasebenzi*	6 021	7 514

**IBhodi iphendula kuphela ezo zicelo zifunyenwe kolu shishino. Kweli thuba kuye kwafunyanwa izicelo ezimbalwa zokuhlaziywa kweelayisenisi, ngenxa yokurhoxa, ukuqhawulwa kwezivumelwano, ukuvalwa kweziza zongcakazo, njalo njalo. Kweli thuba kunikwa ingxelo yalo kuye kwalungiselelwa izicelo ezitsha ezimbalwa.*

Imida yooMasipala beNtshona Koloni



Ukunaba kweeNdawo zamaShishini okuNgcakaza aneeLayisenisi

	1 IsiXeko saseKapa	2 Eden	3 Cape Winelands	4 Overberg	5 West Coast	6 Central Karoo
Iindawo	1	1	1	1	1	-
Iikhasino - 5	291	51	42	19	42	1
IiNdawo zeLPM - 446	127	6	11	2	2	-
Oomatshini bokubheja - 63 - 148	51	5	5	1	1	-

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

2.1.15 ISIGABA SESINE SO GUQUKOTEKNOLOJI

Ingxelo yeHuman Sciences Research Council eyenzelwe iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke ngokunxulumene nophando lokukhangela ifuthe elinokubangelwa sisigaba sesine soguqukoteknoloji kwimigaqo yongcakazo yangoku neyexesha elizayo eMzantsi Afrika ibonisa ukuba “Indlela yokwenza ye4IR iyaguquguquka, yaye oyena ndoqo wayo ngumba wotshintsho - ukuhambelana kotshintsho lweteknoloji, olwezoqoqosho, intlalo nezopolitiko. Ukukhula ngokukhawuleza kwamandla okusetyenziswa kwekhompyutha kunye noqhagamshelo kwi-intanethi, kusaqhuba nokukhokelela kuphuhliso olukhawulezayo lweteknoloji yehlabathi, noluthi lusebenze njengendlela eya kutshintsho lwentlalo noqoqosho.”

Ingxelo yeTrade and Industry Policy Strategies (iTIPS) eyenzelwe iSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano kwiQumrhu lezoQoqosho lweHlabathi (iWorld Economic Forum) kunye nesiGaba seSine soGuqukoteknoloji (iFourth Industrial Revolution) eMzantsi Afrika icacisa ithi, “Esi sigaba sitsha sokuphucuka kweteknoloji kutshayelela ukusetyenziswa okunabileyo kweematshini eziziirowubhothi kunye nezinto ezizenzekelayo, ukusetyenziswa kwekhompyutha kuphuhlisolwimi, inanoteknoloji nobunzululwazi beemathiriyeli kushishino lwesiqhelo nolutsha. Oku kulindeleke ukuba kutshintshe kakhulu iinkqubo zoveliso ezizayo, size isiphumo soko sichaphazele uphuhliso nokuqhutywa kweendlela zoshishino lwexesha elizayo.”

Xa sicinga ngezi ngqwalaselo zingentla kunye nokuphucuka okukhawulezayo kweeteknoloji eziza notshintsho kolu shishino longcakazo, iBhodi iye yathatha isigqibo esilumkileyo sokuba iinkqubo ezilandelwa ekukhutshweni kweelayisenisi zenziwe ngedijithali neintanethi. Esi sigqibo senzewe ukulandela olu tshintsho luyimfuneko lwenzelwa ukuphucula iinkqubo zeshishini ezisebenzayo, eziiyimpumelelo neziphucukileyo, neziya kutsho nazo ziphucule ukukwazi koshishino longcakazo ukukhupha izicelo zeelayisenisi lusebenzisa iqonga ledijithali. Eli nyathelo libalulekileyo liya ngakwicala esifuna ukuya ngakulo lokukwazi ukwenza okuphuculweyo, liye lasisiseko seenkqubo ezisaseleyo zoshishino lweziko.

Kufuneka iBhodi iguqukele kutshintsho olwenzeka kushishino longcakazo, ngokwakwisistim enabileyo yamacandelo kunye neyabasebenzi, ukwenzela ukuba iphucule ukukwazi kwayo ukusebenza. Njengendlela yokuqinisekisa ukuba iBhodi ixhobiseke ngokwaneleyo, ijonge ukomeleza ukukwazi ukwenza kwayo ngokuthi isebenzise imfundo eyimfuneko, uphuhliso lwezakhono oluphuculweyo, iziseko ezingundoqo ezingcono, ubambiswano olungcono namaqela achaphazelekayo kunye nokuqiniswa kwemigaqosikhokelo ethile yemithetho/yemigaqonkqubo, neya kuthi ilungelelaniswe, ikhusele uluntu kuxinzelelo longcakazo, ngokwenjenjalo kuthintelwa ungcakazo olungekho mthethweni kunye nongcakazo olukhuselekileyo. Oku kuya kwenziwa ngobunono ukwenzela ukufumana iinkcukacha, ukuphucula inkqubo yokukhutshwa kweelayisenisi, ukuqhubela phambili ukubekwa esweni kokulandelwa komthetho, imigaqo emiselweyo yongcakazo, ukuyila imimiselo eguquguqukayo yokwenza izinto, ukukhusela ngokufanelekileyo uluntu olungcakazayo kunye nokugqibela ngokwenza olona xanduva lwayo njengomgunyazisi.

2.2 IMEKO YEBHUNGA

Ngokwangowama31 kuMatshi 2021, uMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho ubechonge amalungu amathandathu (6) eBhodi.

IBhodi iye yajamelana nokulibaziseka kokufezekiswa kwezigqibo zayo kunye nophando lwayo ngenxa yokungenelela kwamaqela achapazelekayo kunye nezigqibo ezithathiweyo. Le nto iphelele ekubeni iBhodi iphelelwe kukuthenjwa kweli shishini yatsho yangcolisa negama layo ngokokude kufuneke isoloko ibika le nale kolu shishino.

Ukungaphumeleli ekubekeni abasebenzi baseofisini ngokwemigangatho ehambelana nemisebenzi yabo eyandisiweyo kusengumngeni odala ukuba abasebenzi bangavumi ukwenza imisebenzi engaphaya kwalo bawubekelweyo ngokwezikhundla zabo, yaza loo misebenzi yasuswa kumisebenzi wabo wemihla ngemihla kwaqhutywa ezinye iindlela ukuqinisekisa ukuba iyenziwa loo misebenzi.

Kuluvuyo ukwazi ukuba iBhodi iye yabufezekisa ubuninzi bomisebenzi ewumiselweyo yazifezekisa iithagethi zalo nyaka uphononongwayo, nangona bezikho zonke ezi zinto sezixeliwe. Le mpumelelo idalwe kukuzimisela nokuzinikela kweBhodi, abalawuli kunye nabasebenzi beBhodi.

2.2.1 INDAWO YOKUSEBENZELA

Indawo yokusebenzela esisigxina yeOfisi yeBhodi ngumba osisigxina kwajenda yeentlanganiso ezisingathwa yiBhodi noMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho.

IBhodi ixoxa nesebe layo lokuqwalasela kunye neDTPW malunga namalungiselelo endawo yokusebenzela yeBhodi emva kokuphelelwa kwesi sivumelwano sokurenta sangoku. Ngalo mhla sibhala ngawo, isivumelwano sokurenta besisasalelwe lithuba leminyaka emibini.

2.2.2 UKUMA KWELI ZIKO

Ukuma kwangoku kweli ziko kusafana, nangona lusanda unyanga nonyaka ushishino esebenza kulo iBhodi.

Ukuphendula kwizicelo zoshishino, ngokunjalo nemfuneko yokwandisa okwenziwa kungcakazo (okungenziwayo eNtshona Koloni) ukukhulisa ingeniso kwiinzame zokuzimela zeBhodi, kuye kwagxilwa ekubekeni iziseko zeziza zeeLPM zoHlobo B noHlobo C, iBingo kunye nabangcakazi abakudidi oluphezulu bamazwe ngamazwe, zinto ezo kufuneka ziqhutywe kwithuba elizayo, ngokweziphumo zophando olwenziwayo kunye neziphumo zeenkqubo zothathonxaxheba loluntu. Ukwenza kwethu le nto kuza kuba nefuthe kumacandelo eli ziko kuba abasebenzi abakhoyo basenokunganeli ekusingatheni iimfuno okanye amanani ongezelelekileyo ezicelo kunye nophando olufunekayo phambi kokuphendulwa kwazo, ukwenzela ukuba iBhodi iphendule ngokufanelekileyo kwangethuba.

Ngokunxulumene nezixhobo ezongezelelweyo ezinokudingeka, iBhodi ijonge ukuqhuba uphando lwangaphakathi oludityaniswe nophononongo loBume beZiko, ukwenzela ukukhangela iimfuno eziphambili phambi kokuba kuqaliswe ukuqhutywa le ndlela yongezelelweyo yoshishino. Kufuneka kuqatshelwe ukuba nangona ushishino lwangoku oluneelayisenisi lusanda minyaka le, ebesoloko engatshintshi amacandelo akhoyo ngokunxulumene nokwenziwa ngamashishini anelayisenisi, ngakumbi ngokunxulumene noshishino lweeLPM nabaQaqajiselinombolo.

2.2.3 IINDLELA ZOKUBA SEMPILWENI NOKHUSELEKO EMSEBENZINI

I-OHASA (Occupational Health and Safety Act) ibekela umqeshi uxanduva lokunika nokugcina kangangoko imeko esempilweni yasemsebenzini ekhuselekileyo nengenamngcipheko kwimpilo yabasebenzi bakhe.

IBhodi ifumaneka kwiinxenye zezakhiwo ezingezozayo, kodwa iqinisekisa ukuba ihlala iwulandela lo Mthetho ngokunika nokugcina kangangoko imeko yasemsebenzini ekhuselekileyo nengenamingcipheko kwimpilo nokhuseleko lwabasebenzi.

Ngenxa yalo bhuhane weKhovidi-19, kuye kwagxilwa kakhulu ekuthinteleni. Oku kuquka ukuqhutywa kweendlela zokulawulwa kwemingcipheko ngokuzikhwebula ebantwini, ucoceko, ukuvulelwa komoya owaneleyo, ukunikwa kwesithuba kunye nokunikwa kweziXhobo zokuziKhusela, ukwenzela ukuthintela ukusasazeka kwezifo ezosulelayo.

Kulo nyakamali, iBCP iye yaphononongwa ngenxa yotshintsho kwimeko yangaphandle. Esi sicwangciso sibeka amanyathelo aza kuthathwa yiBhodi ekubuyisa izenzo zoshishino, kuquka iisistim neenkqubo zofikelelo, ukwenzela ukuba iqhube imisebenzi engundoqo yoshishino ngethuba lophazamiseko nasemva kwalo.

Ngaphezulu, abameli bezeMpilo noKhuseleko eMsebenzi baye baya kwikhosi yokulungela ukusebenza kwendawo yomsebenzi eyiHealth, Safety and Claims Management course (ikhosi yoLawulo lweMpilo, uKhuseleko namaBango).

2.2.4 UQEQESHO NOPHULISO

Ukuqeqeshwa ngokutsha kunye nokuqeqeshwa okongezelelweyo kwabasebenzi kusengowona msebenzi uphambili weBhodi. Olu qeqesho luya kuqhuba nokuqinisekisa ukuba iBhodi isebenzisa ikwaphuhlisa kangangoko abasebenzi bayo.

Ukufunda nophuhliso lwabasebenzi lube yenye yeenkalo zomsebenzi ezichatshazelwe ngulo bhuhani wehlabathi, iKhovidi-19. Uxanduva lokutshintshela abasebenzi ekubeni basebenzele ekhaya lwenze kwanzima ukwenza uqeqesho lwezakhono lobuso ngobuso okanye olwenzelwa kwigumbi elithile. Kuye kwafuneka ukuba iBhodi ibhenele kuqeqesho olwenziwa kwi-intanethi. Okwangoku oku kutshintsha kwale ndlela yoqeqesho akubonakalisi tshintsho ngokunxulumene nomgangatho woqeqesho lwezakhono zabasebenzi olwenziwe kwi-intanethi.

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

IBhunga liphinde latyala imali ekuqeqesheni abasebenzi balo kwiphothali yeintanethi eza kusetyenziselwa ukufakwa kwezicelo zeelayisenisi. Xa ukwandiswa kwezenzo zongcakazo kuye kwayimpumelelo, le phothali (iGenesis) iya kudinga ukwandiswa/ukuhlaziywa ngokuhambelana nemfuneko yokuqhuba uqeqesho lwabasebenzisi bayo abatsha (abafakizicelo), nanjengoko ukusetyenziswa kwale sistim ingeyonto iya kwenziwa kube kanye. IBhodi ikhupha iilayisenisi rhoqo ngonyaka, ngoko ke izicelo zokuhlaziywa kweelayisenisi zikwafakwa ngale phothali. Le sistim yeluhlobo oluguquka neempeko yaye kufuneka kwenziwe olunye uphuculo lwayo, nalapho ke kuya kufakwa izicelo zokwenziwa kolu phuculo.

Njengokuba imeko yongcakazo itshintsha, akunakulindeleka ukuba amaLungu eBhodi abe ezifumanele ngokwawo olu lwazi lufunekayo ekuthatheni izigqibo malunga nale meko iguqukayo. Ngoko ke, kuyimfuneko ukuba abasebenzi beWCGRB kunye neBhodi bafumane olunye uqeqesho lwezakhono, ukwenzela ukuba bakwazi ukulufezekisa ngempumelelo uxanduva lwabo. Ukuza kuthi ga ngoku, amalungu eBhodi sele ebhaliswe neInstitute of Directors, ukwenzela ukuqinisekisa ukuba afumana izakhono zangoku zolawulo lwamaqumrhu kunye neendlela zokuziphatha. Ngaphezulu, kusetyenziswa iisemina neenkomfa eziqhutywa kwi-intanethi ukubagcina benolwazi malunga nezinto eziqhubekayo ngoku kungcakazo nemithetho ehamba nalo kwakunye nezona zenzo zilungileyo zokungcakaza ngenkathalo..

2.3 UPHUHLISO LWEMIGAQONKQUBO EPHAMBILI NEENGUQU KWIMITHETHO

Ukubhengezwa kwemeko yentlekele kazwelonke ngokomthetho iDisaster Management Act, kusaqhuba nokuchaphazela ukusebenza kweBhodi kunye noshishino longcakazo kwanorhwebo gabalala.

Esona siphumo sovalalekondlwini lukazwelonke kwimisebenzi yeBhodi kunye noshishino ibe:

- Yilahleko yemali eyingeniso yeerhafu zongcakazo kwiphondo leNtshona Koloni;
- Ilahleko yengeniso nezenzo zoshishino eziziziphumo zoko kushishino longcakazo (ngaphandle kokubheja kwi-intanethi);
- Ukuvalwa okunokwenzeka kwamashishini abuthathaka, njengokuba loo mashishini engangenisi mali aze ke ngoko angakwazi kuhlawula amatyala;
- Ukutshintshela ekubhejeni kwi-intanethi kwabangcakazi, nanjengoko benokubona ubuhle bako ngethuba lovalelekondlwini;
- Ukulibaziseka kwengeniso yeWCGRB nanjengoko abaninishishini bengenamali yakuzihlawula kwangethuba iintlawulo eziyimfuneko; kunye
- Nokuba ushishino lwenze iziphakamiso kubaqwalaseli bokulandelwa komthetho ukuba bajonge ukuxolela ukungalandelwa kwemiqathango ethile yeelayisenisi, izibophelelo zezemali kunye neentlawulo ezihlawulwayo.

INational Gambling Amendment Bill, ka2018, iza kutshintsha imeko yomthetho yeBhodi yoNgcakazo kaZwelonke ize yenze utshintsho oluthile kushishino longcakazo kunye neenkqubo zokuthathwa kwezigqibo okwenziwa yiNational Gambling Policy Council kunye nezinye ezichaphazelekayo. Oku kucaciswe banzi apha ngezantsi.

Ukuhlaziywa koMthetho oYilwayo wamaShumi amabini nowamaShumi amabini ananye eye yapapashelwa izimvo, iza kutshintsha indlela ekuqhutywa ngayo kwiikhasino ezisePhondweni kuba ilungiselela ukuthuthwa kwekhasino iye kwiDolophu enkulu (iMetropole), kunye neentlawulo ezihamba nayo ngokunjalo nokuthathelwa ingqalelo komthetho yiBhodi, nezinye izinto ezichaphazelekayo.

Ubume boNgcakazo kwiPhondo busephantsi kophononongo yaye kuza kubekwa uMgaqonkqubo omtsha woNgcakazo, ukwenzela ukukhokela ukusebenza kongcakazo kunye nokukhutshelwa kwalo iilayisenisi ngokokuhamba kwexesha.

2.3.1 UKUMANGALELWA EZINKUNDLENI

Ushishino longcakazo lubonakala lumangaleleka kakhulu ngenxa yezigqibo nezenzo ezidla ngokucelwa umngeni yiBhodi ngokomdla woqoqosho wabaninilayisenisi kunye nabanye abanendima abayidlalayo. Eminye imiba ngumdlu nje woluntu okanye, kwezinye iimeko, izigwebo ezikhutshwa ziinkundla zethu nezinika ukuqiniseka ngokomthetho kwimiba yomthetho engavaniyo ngayo iBhodi nabaninilayisenisi. Kwiimeko ezinjalo, la maqela adla ngokuvumelana ukuba eyona ndlela ifanelekileyo kukufumana isigwebo esiqhawula imbambano ngokomthetho. Njengomlawulizinto, iBhodi ithathela ingqalelo imiba ephangaleleyo yoluntu nengajonganga nje kurhwebo kuphela. Ngoko ke, iBhodi ayithathi nxaxheba kuyo yonke imingeni esiwa eNkundleni, nanjengoko le iyimingeni ehlutshezwa lurhwebo.

Umninilayisenisi wekhasino ufake isicelo sokuQhawulelwa iMbambano ngokoMthetho, ibeka iBhodi noMphathiswa wezeMali, iNtshona Koloni njengabamangalelwa, ebhengeza ukuba iikhredithi zokungcakaza ezingenakutshintshelwa malini (iFreeplay) aziyonxalenye yoko kunokutshintshelwa kwiitshiphu zongcakazo (i“drop”) ngenjongo yokubalwa kwengeniso epheleleyo elungisiweyo yaye aziyonxalenye yengeniso erhafelwayo ngokweCandelo lama64 loMthetho, ufundwa nesiHlomelo III. Okunye, kuba iye yakhupha isigwebo sokuba nyani abaFakizicelo baye bahlawula iirhafu ezingamelanga kuhlawulwa ngokwengxoxo yomthetho ethiwe thaca phambi kweNkundla, iNkundla ikhuphe umyalelo wokuba nakuphi ukuhlawulwa okugqithisileyo kweerhafu makubuyiswe okanye kudluliselwe kwityala lerhafu elilandelayo labo baFakizicelo. Isigwebo sakhutshwa ngomhla wama29 kuEpreli 2020, sigwebela uMfakizicelo, nalapho iNkundla yathi ukungcakaza ngeekhredithi ezingenakutshintshelwa malini akuyonxalenye yoko kunokutshintshelwa kwiitshiphu zongcakazo ngenjongo yokubalwa kwengeniso epheleleyo elungisiweyo yaye aziyonxalenye yengeniso erhafelwa ngokweCandelo lama64 loMthetho, ufundwa nesiHlomelo III. IBhodi iye yayalelwa ukuba ibekele bucala iirhafu ezihlawulwe ngokugqithisileyo ukuze zibalelwe kumatyala oMfakizicelo exa elizayo ukuze zihlawule irhafu yongcakazo ngokweCandelo lama64 lalo Mthetho. IBhodi kunye noMphathiswa bafake iziCelo zeMvume yokuBhena, izicelo zaloo mvume yokubhena ziye zathathelwa ingqalelo ngokwamaphepha yaye kusalindwe isigwebo.

Umngeni wezomthetho ewufumanayo iBhodi ekunyanzeliseni imiqathango yokuqhuba nokusebenzisa uxhotyiso olubanzi uye kuxoxwa kwiNkundla ePhezulu yeNtshona Koloni saza isigwebo sakhutshwa ngomhla we11 kuDisemba 2019, sigwebela iBhodi. INkundla iye yacacisa ukuba iBhodi ixhotyiselwe ukunyanzelisa imiqathango kubaninilayisenisi, yaye khange iqamangele indlela ebona ngayo kwisigqibo sayo sokunyanzelisa somqathango ocelwa umngeni yaye khange yenze ngokungafanelekanga okanye ngokungaqiqiswanga xa inyanzelisa lo mqathango ucelwa umngeni. IsiCelo sophononongo siye sakhatywa sikhathshwa ziindleko; kodwa uMfakizicelo wafaka isiCelo seMvume yokuBhena kwiNkundla ePhakamileyo yeziBheno (iSupreme Court of Appeal - iSCA), ngomhla wama30 kuJanyuwari 2020. AbaFakizicelo banikwe imvume yokubhena yaye lo mba usaqhutywa kwiSCA.

Umninilayisenisi uye wathatha isigqibo seBhodi kwisiphumo sembambano yabangcakazi ephanonongwayo. Lo mba uye wamanyelwa ngomhla we10 kaNOvemba 2020 saza isigqibo sakhutshwa ngowama22 kuFebruwari 2021. Owona mba uphambili ekuye kwafuneka iNkundla ikhuphe isigqibo malunga nawo ibikukuba loo mninilayisenisi ubelungile ngokuzithatha njengeempazamo ezo zenzo zobhejo zenziwe nguloo mngcakazi, ngenxa yokungachaneki kweziphumo ezinokucela ezikhutshwe ngenxa yokungasebenzi kakuhle kwekhompyutha. INkundla ithe iBhodi isebenzise ingcaciso engaqiqiswanga yoko kuthethwa ‘kukungasebenzi kakuhle kwekhompyutha’, yaza iBhodi yaphazama kwiziphumo ngeziphumo eye yazifumanisa. Ngoko ke iNkundla iye yaphonononga yaze yabekela bucala isigqibo seBhodi yaza endaweni yaso yabeka isigqibo sokukhaba ibango lomngcakazi lokuba ahlawulwe yiBetXchange. Iindleko ziye zanikwa uMfakizicelo.

Omnye odlala indima kushishino longcakazo uye wafaka isicelo sophononongo, esikhathshwa sisithintelo seNkundla ePhezulu (High Court), ecela ukuba iNkundla leyo iyalele iBhodi ukuba izinxweme ekuqhubeni isigqibo sayo sokunika ezi LPM zili1000 zishiyekileyo amaShishini oNgcakazo aneeLayisenisi ngokuhambelana nesiphumo esingekakhutshwa sesiCelo soPhononongo. Ngaphezulu, ukuba esi sigqibo seBhodi sibekwe apha ngasentla siphononongwe size sibekelwe bucala. Isigwebo sikhutshwe nge-elektroniki ngomhla wama20 kuEpreli 2021. Isicelo sophononongo siye sayimpumelelo saza sakhutshwa sivumela abaFakizicelo. IBhodi iye yafaka isicelo semvume yokubhena yaye iyasikhaba nesicelo soMfakizicelo sokuba senziwe ngoko nangoko isigwebo seNkundla ePhezulu. UMfakizicelo uphinde wafaka isibheno esichasa esinye malunga nemiba ethile yesi sigwebo.

2.3.2 IMITHETHO YANGOKU ETHATHELWA INGQALELO

INational Gambling Amendment Bill [B27B-2018] iye yapapashwa ngo2018. Lo Mthetho uYilwayo uhlaziya iNational Gambling Act, ka2006, ukutshintsha ukulungelelaniswa kweBhodi yoNgcakazo kaZwelonke ibe liqumrhu elisebenzayo elinika ingxelo kwiDTI, nalapho uCEO asentloko yeli qumrhu. Ezinye zezinto ezifunwa ngulo Mthetho uYilwayo, kukuzisa iintlawulo ezithile zomthetho ezenzelwa uqwalaselo olundawonye lwamashishini ongcakazo aneelayisenisi zephondo kwanokujongana nemiba yolawulo enxulumene neBhunga lemiGaqonkqubo kaZwelonke (iNational Policy Council). Lo Mthetho uYilwayo uye wathathelwa ingqalelo zizo zombini izindlu zePalamente yaye awukavunywa de kube ngoku.

Olu Yilo loMthetho oYilwayo weShumi elinethoba omalunga noHlaziyo loNgcakazo nemiDyarho upapashelwe ukufumana izimvo zoluntu ngomhla wama24 kuEpreli 2020, nalapho bekumenywa ukuba kufakwe izimvo kwiKomiti esisiGxina yezeMali, amaThuba ezoQoqosho nezoKhenketho ungedlulanga umhla wama29 kuMeyi

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

2020. Le Komiti isisiGxina iye yadibanisa iingxoxo zoluntu zolu shishino yaye amaqela anomdla acelwe ukuba anike izimvo zomlomo kule Komiti isisiGxina. Umthetho iWestern Cape Gambling and Racing 19th Amendment Act uye wapapashwa kwiGazethi yePHondo ngomhla wama23 kuJuni 2021, yaye ubonisa ukuba lo Mthetho uhlaziyiweyo uza kuqala ngomhla oza kubhengezwa yiNkulubaphathiswa kwiGazethi. Lo Mthetho uHlaziyiweyo ubeka iintlawulo zabaqhubishishini beeKhasino kunye nezamaShishini oNgcakazo aneeLayisenisi, ntlawulo ezo zingena endaweni yeentlawulo zokukhetheka kweekhasino kunye nezamaShishini oNgcakazo aneelayisenisi, ezithe zaphelwa ngokomda weminyaka elishumi obekwe kulo Mthetho. Wakuba uqalisiwe lo Mthetho uYilwayo woHlaziyo, uya kuxhasa injongo yeBhodi yokukwazi ukuzimela ngokunxulumene neemfuno zayo zebhajethi. I-WCGRB ixhomekeke kwiWCPT ukuba iphakamise uhlaziyo lomthetho ukuze ivumele olu tshintsho kuluhlu lweengeniso zazo.

Olu Yilo loMthetho oYilwayo ka2020 wamaShumi amabini woHlaziyo loMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni kunye noYilo loMthetho oYilwayo ka2020 wamaShumi amabini ananye woHlaziyo loMthetho loNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni, ipapashelwe ukufumana izimvo zoluntu ngomhla wesi8 kuMeyi 2020. Oyena ndoqo wolu hlaziyo kuYilo loMthetho oYilwayo wamaShumi amabini woHlaziyo loMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni kukuthuthwa kweekhasino nokusingathwa kwemiba ehamba nako ngokunxulumene kuhlaziyo lweelayisenisi. Oyena Ndoqo wolu hlaziyo kuYilo loMthetho oYilwayo wamaShumi amabini ananye woHlaziyo loMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni kukuza nerhafu entsha yokukhetheka kweekhasino kunye neendleko zamathuba engqesho ngokunxulumene nokuthuthwa kweekhasino. Le mithetho iYilwayo isephantsi koqwalaselo lweSebe.

ImiMiselo yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (yeeNtlawulo neeNdleko zika2016) ihlaziye yaza yapapashwa kwiGazethi ngomhla we9 kuEpreli 2021 ukwenzela ukuba la maxabiso ahambelane nokunyuka kwamaxabiso ezinto okuchaphazela iintlawulo zezicelo, ilayisenisi nophando. Ezi ntlawulo zilungiswa rhoqo ngonyaka ukuze zihambelane nokunyuka kwamaxabiso ezinto yaye iintlawulo ezilungisiweyo ziqalise ukusebenza ngomhla we12 kuEpreli 2021.

ImiMiselo yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (yeeNtlawulo neeNdleko zika2016), uYilo luka2020 loHlaziyo lwesiBini lupapashelwe ukuhlomla koluntu ngomhla wesi8 kuMeyi 2020, yaye ubeka intlawulo ecetywayo okuFaka isicel sokuhlaziya kwelayisenisi yokuqhuba ishishini lekhasino ngenjongo yokulithuthela kwenye indawo..

3. INKQUBELA ESEYENZIWE NGASEKUFENZEKISWENI KWAMAFUTHE AMAZIKO KUNYE NEZIPHUMO

Ingcaciso yefuthe: Ushishino longcakazo olulawulwa ngokugqibeleleyo

IziPhumo:

- Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetyenziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo ngempumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu. Le nkqutyana icwangcisele iimvelisozenzo ezisibhozo (8) kulo nyaka uphononongwayo, nalapho ezintandathu (6) ziye zafezekiswa ngelixa ezimbini (2) ziphantse zafezekiswa. Ubhubhane weKhovidi-19 uye wakuchaphazela ukukwazi kweBhodi ukuqhuba izihlandlo zayo zotyalelo lokuqwalasela ngokwezibophelelo zeCSI zabaninilayisenisi. Ngenxa yokuhlehliswa kwezigqibo, khange zikwazi ukulandelwa zonke izigqibo phambi kwentlanganiso elandelayo yeBhodi. Ngaphandle kwale mingeni ize nobhubhane weKhovidi-19, le nkqutyana iwkazile ukwenza imisebenzi eluxanduva lwayo, yaza ke ngoko, yanegalelo kwifuthe elidingekayo loshishino longcakazo olulawulwa ngokugqibeleleyo.
- Abantu abaqhuba amashishini kushishino longcakazo bafanelekile - Ngelixa le nkqutyana iqhuba nokusebenzisa iphothali yeintanethi yokwamkela nokulungiselela izicelo zeelayisenisi ezijonge ukuphucula inkqubo yokufakwa kwazo, ikwagxila kakhulu kuphando lokuzinziswa kwabantu (abantu okanye amaqumrhu anokumangalelwa) ukuze bakwazi ukugcina iilayisenisi zongcakazo. Nangona iqinisekisa ukuba bafanelekile bonke abantu abafuna iilayisenisi zokuzibandakanya kushishino longcakazo, le nkqutyana isaqhuba nokulungiselela zonke iilayisenisi ezintsha nezihlaziwayo ngokweethagethi zayo zonyaka ngokunjalo nangokweethagethi zayo ezi5.
- Izenzo zongcakazo nokubheja kwizakhiwo ezineelayisenisi neziphicothelwe iincwadi kujongwa ukulandela kwazo imigaqo yomthetho kunye neemfuno zomthetho - Le nkqutyana ilungise iinkqubo zayo zokuhlola ukuze zibandakanye uhlobo lwakwi-intanethi, ukwenzela ukuqinisekisa ukuba apho kungakwaziyo ukufikelelwa kwizakhiwo ezineelayisenisi, izenzo nohlobo lwezenzo zamashishini zingaqwalaselwa zize zilawulwe ngokufanelekielyo. Iithagethi zika2020/2021 ziye zachatshazelwa kakhulu luvalelekondlwini phantsi kweNqanaba lesi5 kwakunye nemiqathango ebekwe phantsi kwaloo maNqanaba angoko kunye nawangoku. Izalathi zengcaciso yenkquboshishini ziye zahlaziywa yaye akunakubakho ngxaki ekufezekiseni ezi thagethi kwiminyaka elandelayo.
- Ukunikwa kwezisombululo neesistim zeICT eza notshintso, esebenzayo, ethembekileyo nekhuselekileyo - Inkqubela yeentsebenzo zeICT zihambelana namafuthe kunye neziphumo ezicwangciselweyo.

4. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

4.1 Inkqutyana yoku1: IBhodi noLungiselelo lweeOfisi

INjongo yenkqutyana

Kukuncedisa uMphathiswa ekufezekiseni uxanduva olubekwe ngumthetho kwiBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni.

IziPhumo

Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetyenziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo ngempumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu.

Ubume beNkqutyana

Le nkqutyana inaMalungu eBhodi asixhenxe, uMphathi oyiNtloko, uMlawuli wezoMthetho, kunye nomNcedisi onoQeqesho kwiiNkonzo zezoMthetho kwiiNkonzo zezoMthetho, iGosa eliyiNtloko kwezeMali, iGosa eliPhezulu lezeMali, iGosa eliPhezulu kulungiselelo lwezeOfisi, uMlawuli wezabaSebenzi, uMncedisi kwezaseOfisini yezabaSebenzi, uNobhala weBhodi kunye nabasebenzi abaxhasayo abali10 abavunyiweyo.

Le nkqutyana yakhiwe koku kulandelayo:

- IBhodi
- Abaphathi
- IiNkonzo zezoMthetho
- ICandelo lezabaSebenzi
- ULungiselelo lweOfisi nezeMali

Iziphumo, iimvelisozenzo, izikhombisi zentsebenzo, iithagethi neempumelelo zoqobo ezifezekisiweyo

Khange kubekho tshintsho lwenziwayo phakathi enyakeni kulo nyakamali ka2020/2021.

Inkqatyana 1: IBhodi noLungiselelo lweeOfisi

IsiPhumo	Imveliso-senzo	Isikhombisi sentsebenzo	Impumelelo yoqobo ephicothiweyo ka2018/2019	Impumelelo yoqobo ephicothiweyo ka2019/2020	Ithagathi ecetyiweyo yonyaka 2020/2021	IMPumelelo eYiyo 2020/2021	Ukutshintsha kusukwe kwithagathi ecwangciselweyo ngo2020/2021	Izizathu zokutshintsha
Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetyenziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo nge-mpumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu.	Intlanganiso ze-Bhodi ekuvunywwe kuzo izigqibo zaza zaqaliswa lingaphelanga ithuba elithile,	Inani leentlanganiso zamalungu eBhodi ezenza ikhoram kunyaka ka2020/2021	14	16	13	19	+6	<ul style="list-style-type: none"> 24 Juni 2020 Intlanganiso yokuxoxwa koZinzo yiBhodi ngokunxulumene noMphathi womnilayisenisi Julayi 2020 UkuThathelwa iNgqalelo kokuFaneleka kweBhodi kwisiphumo seNgxoxo yokuFaneleka ngokunxulumene noMphathi weshishini eline-layisenisi kunye nengqalelo yeBhodi malunga noLungiselelo olucelwe luShishino loNgcakazo 15 Okt 2020 Intlanganiso yeBhodi emalunga neMbambano yabaNgcakazi 30 Nov 2020 Intlanganiso yeBhodi emalunga neMbambano yabaNgcakazi 21 Jan 2021 – Udliwanondlebe nezi-gqibo zeKomiti yoPhicothozincwadi 12 Matsi 2021 Ukuphononongwa kwe-APP 2021/22 ngokwesicelo soMphathiswa
	Intlanganiso ze-Bhodi ekuvunywwe kuzo izigqibo zaza zaqaliswa lingaphelanga ithuba elithile.	Izigqibo zeBhodi ziyenziwa phambi kwentlanganiso elandelayo yeBhodi	93%	97%	95%	94%	-1%	Izigqibo zihlehliselwa inyanga entsha nanjengoko kufumaneka iinkcukacha ezichaphazela izigqibo.
	Kulandelwa iziBo-phelelo zeCSI yabaNinilayisenisi	Inani leenkqutyana zeCSI eliqinisekiswa ziiKomiti ze-Bhodi	4	5	6	5	-1	Uvatele kondlwini luphembelele izihlandlo zotyetelelelo.

Inkqutswana 1: IBhodi noLungiselelo lweeOfisi									
IsiPhumo	Imveliso-senzo	Isikhombisi sentsebenzo	Impumelelo yoqobo ephicothiweyo ka2018/2019	Impumelelo yoqobo ephicothiweyo ka2019/2020	Ithagathi ecetyiweyo yonyaka 2020/2021	IMPumelelo eYiyo 2020/2021	Ukutshintsha kusukwe kwithagathi ecwangciselweyo ngo2020/2021	Izizathu zokutshintsha	
Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetye-nziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo nge-mpumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu.	Ukwaziswa koluntu malunga nendima nemisebenzi yeBhodi.	Inani leenkqubo zamaphulo okwazisa ekuthathwe inxaxheba kuwo.	4	4	4	4	-	Awuzichaphazeli lo mba	
	Izimvo zomthetho ziyilelwe uku-khokela iBhodi neOfisi malunga neziphumo zomthetho kwi-zigqibo ezithathiweyo.	Inani lezimvo zomthetho ezilungisiweyo zangeniswa	48	39	36	36	-	Awuzichaphazeli lo mba	
	Ukulandela iimfuno zokunikwa kwengxelo malunga nokulandeliwa kwemithetho yezabaSebenzi	Inani leengxelo ezifuneka ngokuseMthethweni ezifakwe kwangethuba kwiSebe lezabaSebenzi.	1	1	1	1	-	Awuzichaphazeli lo mba	
	Abasebenzi abanezakhono, abakhuthazekileyo nabazimiseleleyo.	Inani leengxelo lo malunga nokufezekiswa kwesiCwangciso sezabaSebenzi.	4	3	4	4	-	Awuzichaphazeli lo mba	
	Ukusebenza nokugqibelela kolungiselelo lwezemali	Inani leengxelo zonyaka ezifakwe kumaqela achaphazelekayo.	33	33	33	33	-	Awuzichaphazeli lo mba	

Uhlatulo lwentsebenzo

IBhodi necandelo loLungiselelo leBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni ziye zakwazi ukufezekisa uninzi lweethagethi zayo. Ezi thagethi bezibekelwe ukuqinisekisa ukuba iintlanganiso zeBhodi ziyachotshelwa ukwenzela ukusombulula imiba eluxanduva lwayo, izigqibo zeBhodi ziye zenziwa zaza zaqhutywa kwangithuba ukwenzela ukuqinisekisa ngokuhambelana kwazo kunye nengxelo ekhawulezileyo yemiba ebalulekileyo, ukuqwalaselwa kwezibophelelo zeCSI yoshishino ukwenzela ukuqinisekisa ukuba olu shishino lunegalelo kwezindalo ngendlela ebonisa uxanduva eluntwini, ukuqhuba amaphulo okwazisa ukwenzela ukuncedisa uluntu ukuba lwazi ukuba lungaya phi, njani luthethe nabani xa ludibana nazo naziphi iingxaki ezinxulumene nongcakazo.

Ngaphezulu, izimvo zezomthetho ziye zanikwa ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iBhodi igcina inkqubo yayo yokuthatha izigqibo ezizizo ngokwasemthethweni yaye neethagethi zezabasebenzi ziyafezekiswa ukwenzela ukuqinisekisa ngokulandelwa kwemigaqo yezabasebenzi ngelixa iBhodi iqhubekayo nokwenza ulungiselelo olululo lwezemali.

Konke oku kuye kwaqinisekisa ngezenzo zolawulo olululo kwiBhodi ngelixa kuqinisa ushishino olukhuthaza amacandelo eB-BBEE kunye nezenzo ezibonisa uxanduva eluntwini.

IBhodi izame kangangoko ngethuba lalo bhubhane, yaqesha abantu abafezekisa iithagethi zayo zeEE kunye neethagethi ezibekileyo zeB-BBEE izibekele olu shishino, nalapho ithi rhoqo ngekota iqwalasele onke amacandelo olu shishino.

IBhodi, ithe ngokusebenzela ushishino longcakazo, yaqinisekisa ukuba iiprojekthi zeCSI ziye zangqala uphuhliso lolutsha ngokuthi zixhase ngemali yokuxhasa ezemfundo, ezempilo neenzame zoshishino.

Isicwangciso inkqubo sokoyisa ezo ndawo kuqhutywa kakubi kuzo

Ngokwesikhombisi esithi "Izigqibo zeBhodi ziyenziwa phambi kwentlanganiso elandelayo yeBhodi" akukho senzo sakulungisa sikhoyo, nanjengoko ukungaqhubi kakuhle kubangelwe kukuhlaziywa kwemihla yokungenisa, njengoko kuye kwafumaneka ulwazi olutsha oluye lwafumaneka nolubangele utshintsho kwingxelo.

Ukungaqhubi kakuhle kwesibonisi esithi "Inani leenkqutyana zeCSI eziqinisekiswa ziiKomiti zeBhodi" libangelwe yimiqathango yovalelekondlwini ngenxa yeKhovidi-19, nebangele ukuba kungakwazeki ukuba kutyelwe kwiindawo ezithile. Utyelelo olwenziwe kwi-intanethi kunye nezinto ezirekhodiweyo ziza kuphandwa njengendlela eza kusetyenziswa endaweni yotyalelo lobuqu.

Ukuxulumanisa intsebenzo nebhajethi

INKqutyana	2020/2021			2019/2020		
	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsi R	Uhlahlolwa- biwomali R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsi R
IBhodi noLungiselelo lweeOfisi	25 852 024	17 280 445	8 571 579	27 091 566	25 505 770	1 585 796

Ukwenzela ukufezekisa iziphakamiso zolondolozo, le Nkqutyana ifezekise iindlela zokucutha iindleko kwezi nkalo zilandelayo: iindleko zeenkofa, iihamo nezibonelelo zohambo, amaphulo okwazisa ngongcakazo olunenkathalo, ukuba sempilweni kwabasebenzi, uqeqesho, izixhobo zokubhala nokuprinta, inkcitho yezinto ezinkulu, iinkonzo zokufumana iingcebiso kunye neentlawulo zophicothozincwadi.

IBhodi iqikelela inkcitho enokuyenza kwiindleko zezomthetho ngokwenani lamatyala asaqhubayo ngoku kunye neendleko ezichithwe kwimingeni egqithileyo yezomthetho. Ayikwazi iBhodi ukubeka ngokuchanekileyo ukuba inokumangalelwa kangakanani, yiyo loo nto ingakwaziyo ukuza namalungiselelo aneleyo asekelwe kwinani lamatyala asaqhubayo kunye neendleko zomthetho ezilindelekileyo kumatyala amatsha eqiniseke ukuba aza kuvela kulo nyaka mali.

Ulonolozo lwenziwe nangokubhekiselele kwiindleko zengqesho. Akukho nyuso lwamivuzo okanye olwentsebenzo oluye lwahlawulelwa kulo nyakamali ka2021. Ukunyukela kwizinga elingentla lomvuzo okuyi1.5% kuye kwahlawulwa kubasebenzi abafanelekileyo.

4.2 INKQTYANA 2: ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi

Injongo yenkqutyana

ISEBE lokuKhutshwa kweeLayisenisi Ijongene nokulungelelanisa inkqubo yokukhutshwa kweelayisenisi. Lifumene izicelo zeelayisenisi laza laqhuba uphando lobunyani obunxulumene nezicelo ezifunyenweyo. Ngokweziphumo ezifunyanisiweyo, isebe lidlulisela iziphakamiso zokuvunywa okanye ukukhatywa kwezicelo kuCEO kunye/okanye kwiBhodi.

IziPhumo

Bafanelekile abantu abaqhuba amashishini noshishino longcakazo.

Iziphumo, iimvelisozenzo, izikhombisi zentsebenzo, iithagethi neempumelelo zoqobo ezifizekisiweyo

Khange kubekho tshintsho lwenziwayo phakathi enyakeni kulo nyakamali ka2020/2021.

Inkqutyana 2: ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi								
IsiPhumo	Ekuphunywe nako	Isikhombisi sentsebenzo	Impumelelo yoqobo ephicothiweyo ka2018/2019	Impumelelo yoqobo ephicothiweyo ka2019/2020	Ithagethi ecetyiweyo yonya-ka2020/2021	IMPumelelo eYiyo 2020/2021	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi ecwangciselweyo ngo-2020/2021	Izizathu zokutshintsha
Bafanelekile abantu abaqhuba amashishini noshishino longcakazo.	Izicelo ezitsha zilungiselelwe	Ipesenti yezicelo ezitsha zeelayisenisi zabasebenzi (ezingundoqo nezokungcakaza) ezifunyenwe zaza zalungiswa zingedlulanga iintsuku ezingama30 zokufakwa kwazo.	90%	92%	91%	91%	-	Awuzichaphazeli lo mba
	Izicelo ezifunyenweyo zohlaziyo zilungiselelwe	Ipesenti yezicelo zohlaziyo ezifunyenweyo zaza zalungiselelwa ngomhla/ okanye phambi komhla wokuphelelwa kwelayisenisi	99%	99%	99%	99%	-	Awuzichaphazeli lo mba

Uhlatywo lwentsebenzo

Njengendlela yokujongana nomsebenzi eliwumiselweyo, isebe lokukhutshwa kweeLayisenisi liye lazilungisa zonke iilayisenisi ezifunyenwe kubafakizicelo ekufuneka babe baneelayisenisi ukuze baqhube ushishino lokungcakaza kweli Phondo. Ukulungiswa kwezo zicelo kuquka ukuququzelelwa kwezaziso zoluntu ezikhangela naziphi izimvo nokwaliwa kwezo zicelo, ukuqhutywa kophando olujonga ukuba abafakizicelo bafanelekile na ukuba banganikwa iilayisenisi, ukuthatha izigqibo zezindululo ezinokukhokelela ekuvunyweni okanye ekwaliweni kwezicelo kunye nokukhutshwa kweelayisenisi ukuba zinikwe kubaninizo.

Isicwangcisonkqubo sokoyisa ezo ndawo kuqhutywa kakubi kuzo

Akukho zindawo ziqhube kakubi.

Ukuxulumanisa intsebenzo neebhajethi

INkqutyana	2020/2021			2019/2020		
	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsi R	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsi R
ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi	15 871 148	12 718 405	3 152 743	20 936 860	14 175 268	6 761 592

Ukungagqitywa kwenkcitho yebhajethi yokuKhutshwa kweeLayisenisi kuhambelana kakhulu neendleko zengqesho. Ngokwangomhla wama31 kuMatshi 2021 isebe belinezithuba ezithathu (3) ezingaqeshanga mntu. Ngaphezu koku, akukho nyuso lwamivuzo okanye iibhonasi zelwentsebenzo eziye zahlawulelwa kulo nyakamali ka2021. Ukunyukela kwizinga elingentla lomvuzo okuyi1.5% kuye kwahlawulwa kubasebenzi abafanelekileyo.

Ukuze kufezekiswe imfuneko yokulondoloza, iSebe lokuKhutshwa kweeLayisenisi liqhube iindlela zokucutha iindleko ezinxulumene neehambo kunye nezibonelelo zohambo

4.3 INKqutyana 3: UkuLandelwa kwemiThetho

INjongo yenkqutyana

Injongo yale nkqutyana kukunyanzelisa ungcakazo kunye nokulandelwa komthetho okuhamba nalo ngokunxulumene nemigaqo yomthetho kunye neemfuno zomthetho ezibhekiswa kubo bonke abaninilayisenisi abanika uluntu gabalala ithuba lokudlala bengcakaza bekwabheja. Ukuphendulwa kwangethuba kwezityholo zongcakazo olungekho mthethweni okanye abaqhubishishini abangaziwayo kungundoqo kule nkqutyana, ukwenzela ukugcina uluntu luyithemba iBhodi emele olu shishino.

IziPhumo

Izenzo zongcakazo nokubheja kwizakhiwo ezineelayisenisi neziphicothelwe iincwadi kujongwa ukulandela kwazo imigaqo yomthetho kunye neemfuno zomthetho.

Izenzo zongcakazo nokubheja kwizakhiwo ezineelayisenisi neziphicothelwe iincwadi kujongwa ukulandela kwazo imigaqo yomthetho kunye neemfuno zomthetho

Khange kubekho tshintsho lwenziwayo phakathi enyakeni kulo nyakamali ka2020/2021.

INKqutyana 3: UkuLandelwa kwemiThetho									
IsiPhumo	Ekuphunywe nako	Isikhombisi sentsebenzo	Impumelelo yoqobo ephi-cothiweyo ka2018/2019	Impumelelo yoqobo ephi-cothiweyo ka2019/2020	Ithagethi ecetyiweyo yonyaka ka2020/2021	IMPumelelo eYiyo ka2020/2021	Ukutshintsha kusukwe kwitha-gehi ecwangciselweyo ngo2020/2021	Izizathu zokutshintsha	
Izenzo zongcakazo nokubheja kwizakhiwo ezineelayisenisi neziphicothelwe iincwadi kujongwa ukulandela kwazo imigaqo yomthetho kunye neemfuno zomthetho	Izakhiwo ezineelayisenisi eziziqhuba izenzo zongcakazo nokubheja ngendlela elandela umthetho.	Inani lophicotho-zincwadi lokulandelwa komthetho okuqhutyiweyo	1 306	1 138	1 400	29	-1 371	Ngekota yoku1, phantsi kweNqanaba lesi5 lemiqathango yovalelekondlwyni, izakhiwo zolu shishino ziye zavalwa yaye nokuhamba kwabantu kuye kwacuthwa. Kuye kwenziwa uhlobo xa olu shishino luvulwa ngomhla wama28 kuJuni. Konke oko kuhlola kwenziweyo ibe kukuhlola okuqhutywa kwi-intanethi, kodwa ziye zangama29 kuphela iziza ezihlolwe ubuso ngobuso. Nangona kuye kwachutywa ezinye izenzo ezingama790 yokuhlola, oko kuhlola bekusenziwa ngeintanethi, ngoko ke khange kuzifekise iimfuno zengcaciso yesibonisi senkquboshishini.	
	Ayavalwa amashishini aziwayo ongcakazo olungekho mthethweni.	Ipesenti yezenzo zophando ezinqhutywe zingedlulanga iintsuku ezingama30 emva kokuba iBhodi ifumene izityholo zongcakazo olungekho.	100%	81.4%	100%	40%	-60%	Ngenxa yovalelekondlwyni khange kukwazeke ukuba zihlolwe ubuso ngobuso ezo ndawo zityholwa ngokuqhumba ungcakazo oungkho mthethweni. Ngoko ke, uphando luye lwathatha ixesha elide kuneentsuku ezingama30 ezidingekayo; kodwa ziye ziphandwe zonke izityholo.	

Uhlalutyo lwentsebenzo

Azikwazanga kufezekiswa iithagethi ezibekiweyo, ngenxa yeKhovidi-19 iithagethi

Nangona kuye kwakho intsebenzo eyenzekwayo eze nomgangatho othile wokuqinisekisa uhlobo lokufaneleka kwezenzo zongcakazo nokubheja, loo ntsebenzo ayikwazanga kubhalwa njengesenzo esenziweyo, nanjengoko ukuhlola okwenziweyo bekungalandelanga imigaqo yengcaciso ebekwe kwizalathisi zenkquboshishini. Ngoko ke, kulo nyakamali mtsha iiTID ziye zahlaziywa ngokufanelekileyo ukuze ziquke nohlobo lokuhlola olusetyenziswe ngethuba lovalelekondlwini. Le Nkqutyana iye yayila olu hlolo njengendlela yokuquka nokuqwalasela okusebenzayo okwenziwa ngeintanethi

Isicwangcisonkqubo sokoyisa ezo ndawo kuqutywa kakubi kuzo

Ukuhlola okudla ngokwenziwa kwiindawo ezineelayisenisi kuye kwenziwa kwi-intanethi. .

Ukunxulumanisa intsebenzo nebhajethi

INkqutyana	2020/2021			2019/2020		
	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsiR	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsiR
UkuLandelwa kwemiThetho	19 621 354	16 024 462	3 596 892	18 221 662	17 038 636	1 183 026

Ukungagqitywa kwenkcitho yebhajethi yokuLandelwa kwemiThetho kuhambelana kakhulu neendleko zengqesho. Ngokwangomhla wama31 kuMatshi 2021 isebe belinezithuba ezithathu (3) ezingaqeshanga mntu. Ngaphezu koku, akukho nyuso lwamivuzo okanye iibhonasi zelwentsebenzo eziye zahlawulelwa kulo nyakamali ka2021. Ukunyukela kwizinga elingentla lomvuzo okuyi1.5% kuye kwahlawulwa kubasebenzi abafanelekileyo.

Ukuze kufezekiswe imfuneko yokulondoloza, iSebe lokuNyanzeliswa kokuLandelwa koMthetho liye lafezekisa iindlela zokuncitshiswa kweendleko kwezi nkalo zilandelayo: unxibelelwano, iindleko zenkomfa, ezeehambo kunye nezibonelelo zohambo, ngokunjalo neendleko zokugcina izinto

Uhlalutyo lwentsebenzo

Nangona bekukho imingeni eze nalo bhuhani weKhovidi-19, iSebe leICT liye lafaka igalelo elimandla ekufezekisweni kweenjongo kunye noxanduva lweBhodi. IBhodi neOfisi yeBhodi ziye zanyanzelwa ukuba zisebenze ngokusebenzisa i-intanethi ngethuba lovalelekondlwini, yaye bekukho uxinzelelo olukhulu lwezakhono zeICT, xinzelelo olo lusekhoyo nangoku.

Ngaphandle kwale mingeni, iSebe leICT liye lakwazi ukuzifezekisa iimvelisozenzo neethagethi ezifunekayo kwiziko ukuze lifezekise iziphumo zalo ngokuncedwa lulawulo oluqhubekayo nolusebenzayo, ulungiso, ukuthengwa nobukho beesistim ezibalulekielyo zeICT.

Isiqhelo sokuba iSebe leICT lisoloko lifunda (nokuba oko kwenziwa ngokusesikweni, okungekho sikweni okanye ukuzifundela) siye sakhula ngenxa yokusebenzisa amathuba oqeqesho olwenziwa kwi-intanethi nolufumaneka nangakumbi ngoku. ISebe likwabhexeshe laze laqhuba iiseshoni zoqeqesho olwenziwe kwi-intanethi, nalapho beliphucula ukukwazi kwalo ukwenza, laza ke ngoko kakhulisa ukuxhobiseka kwalo ngokweICT, laqinisekisa ngokufumaneka kolwazi olufanelekileyo nolwenze ukuba iOfisi yeBhodi ikwazi ukufezekisa umsebenzi ewufunayo wokufezekisa izisombululo zokusebenzisa iICT.

Isicwangcisonkqubo sokoyisa ezo ndawo kuqutywa kakubi kuzo

Akukho zindawo ziqhube kakubi.

Ukuxulumanisa intsebenzo neebhajethi

INkqutyana	2020/2021			2019/2020		
	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsi R	IBhajethi R	Elona xabiso Inkcitho R	Inkcitho (eDlulisileyo)/ eNgaphantsi R
UbuChwephe- she boku- Gqithiswa koLwazi no- Nxibelelwano (iInformation and Communi- cation Techno- logy - iICT)	8 626 012	7 138 349	1 487 663	11 479 142	10 187 799	1 291 343

Ukuze kufezekiswe imfuneko yokulondoloza, iSebe leIT liye lafezekisa iindlela zokuncitshiswa kweendleko kwezi nkalo zilandelayo: unxibelelwano, iindleko zeehambo kunye nezibonelelo zohambo, iintlawulo zeelayisenisi zonyaka zeesoftware zeekhompyutha kunye nenkcitho yezinto ezinkulu.

Ulonolozo lwenziwe nangokubhekiselele kwiindleko zengqesho. Akukho nyuso lwamivuzo okanye olwentsebenzo oluye lwahlawulelwa kulo nyakamali ka2021. Ukunyukela kwizinga elingentla lomvuzo okuyi1.5% kuye kwahlawulwa kubasebenzi abafanelekileyo.

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

Ukunika ingxelo malunga nokuJongana kweZiko noBhubhane weKhovidi-19

Ukuhlolwa kokulandelwa komthetho okudla ngokwenziwa kwiindawo ezineelayisenisi kuye kwenziwa kwi-intanethi.

Inkqubela malunga nokuJongana kweZiko noBhubhane weKhovidi-19

INKqutyana	Ungenelelo	Indawo ekuyo	Inani labazu-zayo	Ukwahlulwa kwabo bazuzayo	Ibhajethi epholeleyo yongenelelo ngalunye (R'000)	Ibhajethi esetyenziswe kungenelelo	Igalelo kwii-Mvelisozenzo ezikwiAPP	Iziphumo zangoko nangoko
UkuLandelwa kwemiThetho	Ukuqiniseki-swa kokuvalwa kwezakhiwo ezineelayisenisi	Iphondo leNtshona Koloni	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Izakhiwo zamashishini bezivaliwe.
	Ukuhlolwa kweendawo zongcakazo	UMasipala oMbaxa wesi-Xeko saseKapa	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Awuchapha-zeleki lo mba	Ukukhangelwa kokulandelwa komthetho kuquke imigaqo yeKhovidi-19

5. UKUQOKELELWA KWENGENISO

Imithombo yengeniso	2020/2021			2019/2020		
	Uqikelelo R	Elona xabiso Ixabiso eli-qokelelweyo R	Ukuqokelela (okudlulisi-leyo)/okungaphantsi R	Uqikelelo R	Elona xabiso Ixabiso eli-qokelelweyo R	Ukuqokelela (okudlulisi-leyo)/okungaphantsi R
a) Iimali zokufaka isicelo	2 590 236	3 045 130	(454 894)	1 850 000	2 928 219	(1 078 219)
b) Iimali zophando	30 112 794	32 850 389	(2 737 595)	27 687 797	30 014 347	(2 326 550)
c) Inzala	1 120 000	1 126 946	(6 946)	1 050 000	1 718 836	(668 836)
d) Iintlawulo zokuhlola okwenziwa ngaphandle	8 403 507	6 109 255	2 294 252	7 678 434	6 913 406	765 028
e) Iimali eziya kwizibonelelo	27 744 000	27 744 000	-	37 663 142	37 663 142	-
f) Ukuhlawulwa ngeenkono (endaweni yemali)	-	5 067 522	(5 067 522)	-	4 355 623	(4 355 623)
g) Evela kwezinye izinto	-	101 009	(101 009)	-	195 900	(195 900)
h) Ukugcinwa kweemali eziseleyo	-	-	-	1 800 000	-	1 800 000
Ixabiso elipheleleyo	69 970 537	76 044 251	(6 073 407)	77 729 373	83 789 473	(6 060 100)

Kulo nyaka, “inzuzo yengqikelelo yokunyuka koqoqosho” kunye “nenzuzo yokuthengiswa kweeasethi” ziye zangabandakanywa kule theyibhile ingentla, nanjengoko izinto ezihambelanayo zingamelanga ingeniso ecaciswe kwimigangatho yeGRAP.

Kubalulekile ukuchaza ukuba iBhodi ivunyelwe kuphela ukuba iqokelele ingeniso kunye nezinye iimali kwiilayisenisi ngokwendlela ebekwe ngumthetho. Ayikho enye indlela iBhodi enganyusa ngayo ingeniso yayo, ngaphandle kokuba kunyuke izicelo zeelayisenisi zongcakazo. Ngoko ke, xa kulungiswa ibhajethi, iBhodi ixhomekeke kwizinto ezenzeke kumaxa adlulileyo ukuze iqikelele ingeniso elindele ukuyifumana kulo nyakamali.

Ukuhlawulwa ngeenkono (endaweni yemali) kumele inzuzo efunyenwe ngokuhlala kwisakhiwo esingahlawulwayo esilawulwa liSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente.

ICANDELO C:

ULAWULO



1. INTSHAYELELO

Isikhokelo solawulo lweBhodi sikhokelwa nguMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni, uMthetho woLawulo lweMali zikaRhulumente (iPublic Finance Management Act - iPFMA) yaye sikwahambelana neProthokholi yoLawulo lwamaQumrhu efanekisa kwiKing Reports emalunga noLawulo lwamaQumrhu.

2. IIKOMITI ZEEPOTFOLIYO EZITHILE

IBhodi inequmrhu layo lokuqwalasela lepalamente yephondo eliyiKomiti esisiGxina yezeMali, amaThuba ezoQoqosho noKhenketho.

Kulo nyaka uphononongwayo, iBhodi iye yazidibana kabini nekomiti, nalapho kwezo ntlanganiso iBhodi iye yathi thaca indlela yokubuyezwa kunye nenkqubo yolungiso lweBhodi, yaza kwenye intlanganiso yathi thaca ulwazi olungelolwezemali lonyakamali wayo ka2019/20.

Izigqibo ezivela kwezo ntlanganiso zicaciswa kwiphepha xxx lale ngxelo yonyaka.

3. UGUNYAZIWE OLAWULAYO

UMphathiswa wezeMali nguye uGunyaziwe oLawulayo weBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni. UGunyaziwe oLawulayo utyumba amalungu eBhodi, ize iBhodi inike ingxelo kuMphathiswa. Zonke iingxelo ekufuneka iBhodi izenze ize izingenise, izingenisa kuMphathiswa. Ngaphezu koko, iBhodi ibotshelelwe yimigaqo yomgaqonkqubo yooGunyaziwe abaLawulayo.

4. UGUNYAZIWE OTHATHA UXANDUVA - IBHODI

Intshayelelo

UGunyaziwe obekiweyo woPhicothozincwadi yiBhodi. IBhodi yenziwa ngamalungu angalawuliyo anyulwe nguGunyaziwe oLawulayo. Ekupheleni konyaka ebemathandathu (6) amaLungu eBhodi onyulelwe kwiBhodi.

IBhodi yenza iikomitana kumalungu ayo, ukwenzela ukuba zibeke esweni imisebenzi ethile yale ofisi. Ngaphezulu, iBhodi ityumba amalungu amathathu angaphandle aza kuba ngamalungu eKomiti yoPhicothozincwadi yayo.

Nantsi indima edlalwa yiBhodi:

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni yamiselwa ngenjongo ephambili yokulawula ungcakazo nemidyarho kunye nayo yonke eminye imisebenzi ehambelana noko eNtshona Koloni.

Imisebenzi namagunya ayo idandalaziswe kwiCandelo le12 loMthetho ka1997. Nantsi indima eshwankathelweyo edlalwa yiBhodi:

- Kukuqinisekisa ngokulandelwa okuqhubekayo kwemithetho kwishishini elinelayisenisi kunye nokubeka izohlwayo okanye ukuthatha amanyathelo iBhodi ewabona efanelekile xa kophulwe umthetho;
- Kukumema ukufakwa kwezicelo zeelayisenisi ngokwemiqathango yoMthetho;
- Ukwamkela, ukuphanda nokuthathela ingqalelo izicelo zeelayisenisi zelizwe nezephondo;
- Ukukhuphela abantu abafanelekileyo iilayisenisi zelizwe nezephondo, ngokuxhomekeke kuloo miqathango iyibona ifanelekile iBhodi;
- Ukuphanda ukulungela kwabantu abanomdla kwiilayisenisi okanye ishishini elinxulumene nelayisenisi;
- Ukubamba iintlanganiso zeengxoxo kunye nophando malunga nokuziphatha kwabaninilayisenisi okanye ngokunxulumene nawo nawuphi umba ekufuneka iBhodi iwenze ngokwalo Mthetho;
- Ukubhaqa ungcakazo olungekho mthethweni kunye nokuncedisana neearhente zikarhulumente ekuqinisekiseni ukuba abo bantu balwenzayo bayatshutshiswa;
- Ukulawula, ukubala nokuqokelela iirhafu kunye nezohlwayo ezifanele ukuhlawulwa kwingxowa yephondo kunye nazo zonke iimali ezibhatalwa ngokusemthethweni ngokwalo Mthetho;

- Ukuzimasa iiforam neenkomfa ezilawulayo ukuze iBhodi ihlale inolwazi ngotshintsho olutsha kweli shishini;
- Ukuqhuba uphando oluqhubelekayo olumalunga nongcakazo nemidyarho ePhondweni ngokubanzi nakwenzinye iindawo, ukwenzela ukuba iBhodi ihlale inolwazi yaye iqaphele iingxaki zalo Mthetho kunye nezenzo zolawulo zeBhodi; kunye
- Nokusebenzisa onke amagunya kunye nokwenza yonke imisebenzi echazwe kulo Mthetho kunye nayo nayiphi eminye enikwe nguwo nawuphi omnye uMthetho.

ITshatha yeBhodi

Amagunya nemisebenzi yeBhodi ichaziwe kulo Mthetho. IBhodi yamkele iTshatha yekomitana nganye apho kuchazwa khona umsebenzi wayo. IBhodi iphonononga ulawulo lwayo lweziko rhoqo ngonyaka.

linkkukacha zamalungu eBhodi

Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaGumrhu kaRhulumente)	Umhla woku- qeshwa	Umhla wokurhoxa/ Ukuphela kwethuba	IziQinisekiso zeMfundo	Into ayingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Inani leentla- nganiso zeBhodi aziha- mbileyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Ikomiti zeWCGRB	Inani leentla- nganiso zeeKomiti ezibizi- weyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Inani eliphe- leleyo leentla- nganiso azizima- sileyo
UMnu. T Arendse	Ilungu leBhodi	1 kuEpreli 2019	31 ku- Matshi 2023	CTA CA(SA)	Uphicotho- zincwadi noCwa- ngcisomali	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgca- kazo nemiDya- rho yeNtshona Koloni	19	19	Ikomiti yezeekKhasino [*Ukuyichophela njengelungu elitshintshanayo Ikomiti yeze- Mali, iT neeNdlela zokuZiphatha Ikomiti yemi- Dyarho yama- hashe nokuBheja Ikomiti yokuXho- tyiswa kwabaNtu Ikomiti yokuKhu- tshwa kweeLay-i- senisi	[4]	2	35 kwezi- nga- ma35
UMnu. CA Bassuday	Ilungu leBhodi Ithuba lelungu leBhodi elandi- swe ngonyaka Ilungu leBhodi eliphinde lonyu- lwa iminyaka emi3	1 kuEpreli 2016 1 kuEpreli 2019 1 kuEpreli 2020	31 ku- Matshi 2019 31 ku- Matshi 2020 31 ku- Matshi 2023	B.Proc. LLB LLM PG Diploma in Criminal Justice & Forensic Auditing	Ezo- Mthetho	Ilungu leBhodi: IBhodi yo- Ngcakazo nemi- Dyarho ye- Ntshona Koloni Umphathi: weCandelo leeNkonzo zezoMthetho, iYunivesithi yaseKapa	19	19	Ikomiti yezeekKhasino Ikomiti yokuKhutshwa kweeLayisenisi Ikomiti yeLPM	4 [5] 4	4 4 kwezi4 4	31 kwezi- nga- ma31

Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaQumrhu kaRhulumente)	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa/ Ukuphela kwethuba	IziQinisekiso zeMfundo	Into ayingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Inani leentla- nganiso zeBhodi aziha- mbileyo	Inani leentla- nganiso zeBhodi azizimasi- leyo	Ikomiti zeWCGRB	Inani leentla- nganiso zeeKomiti ezibizi- weyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Inani eliphe- leleyo leentla- nganiso azizima- sileyo
UNkosk C Fani	Ilungu leBhodi Ithuba lelungu leBhodi elandi- swe ngonyaka Ukunyulwa nje- ngoSekelaSihlalo ide iphelelwe ikhontrakthi yelungu leBhodi	17 kuMeyi 2017 17 kuMeyi 2020/14	16 kuMeyi 2020 16 kuMeyi 2021	Bachelor's Public Administration B.Admin Honours	ULawulo IoLuntu, uHlalutyo noYilo lwemi- Gaqonkqu- bo	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgca- kazo nemiDya- rho yeNtshona Koloni Ilungu leBhodi: IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni Ilungu leqoqo lokuxoxa amatyala: IGoqo lokuXaca amaTyala ezo- Tywala eNtsho- na Koloni	19	16	Ikomiti yezeeKhasino IKomiti yezemiDyarho yamaHashe IKomiti yokuXhotyiswa kwabaNtu IKomiti yokuKhutshwa kweeLayisenisi	[4] [4] 4 5	1 kwezi3 1 kwe1 4 5	27 kwezi- nga- ma32



Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaQumrhu kaRhulumente)	Umhla woku- qeshwa	Umhla wokurhoxa/ Ukuphela kwethuba	Iziqinisekiso zeMfundo	Into avingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Inani leentla- nganiso zeBhodi aziha- mbileyo	Inani leentla- nganiso zeBhodi azizimasi- leyo	Ikomiti zeWCGRB	Inani leentla- nganiso zeeKomiti ezibizi- weyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Inani eliphe- leleyo leentla- nganiso azizima- sileyo
UMnu. DT Lakay	Ilungu leBhodi	10 ku- Disemba 2014	10 ku- Disemba 2017	B.Com Accounting	UL wabi- womali noLawulo lwezeMali	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgca- kazo nemiDya- rho yeNtshona Koloni	19	19	IKomiti yezeeKhasino	4	4	36 kwezi- nga- ma37
	Ithuba elandi- siweyo lelungu leBhodi	10 ku- Disemba 2017	10 ku- Matshi 2018						IKomiti yezeMali, iT neeNdlela zokuZiphatha	6	6	
	Ukunyulwa njengoSihlalo ide sipelelwe isivumelwano selungu leBhodi	12 Febru- wari 2018	10 ku- Matshi 2018			Umphathi ongaLawuliyo: UBambiswano loPhuhliso lo-Gooqosho eNtshona Koloni			IKomiti yeLPM	[4]	3 kwezi3	
	USihlalo we- Bhodi onethuba elandlisweyo lobulungu	10 ku- Matshi 2018	10 ku- Disemba 2018						Ummeli weBhodi (ongavotiyo) kwiKomiti yo- Phicothozincwadi	[6]	4 kwezi6	
	USihlalo we- Bhodi onethuba elandlisweyo lobulungu	11 ku- Disemba 2018	10 ku- Disemba 2020									
	Ukunyulwa okwandsiweyo njengoSihlalo	16 ku- Disemba 2020	15 ku- Disemba 2021									

Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaQumrhu kaRhulumente)	Umhla woku- qeshwa	Umhla wokurhoxa/ Ukuphela kwethuba	Iziqinisekiso zeMfundo	Into ayingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Inani leentla- nganiso zeBhodi aziha- mbileyo	Inani leentla- nganiso zeBhodi azizimasi- leyo	Ikomiti zeWCGRB	Inani leentla- nganiso zeeKomiti ezibizi- weyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Inani eliphe- leleyo leentla- nganiso azizima- sileyo
UNkosk. N Magazi	Ilungu leBhodi Ithuba elandisiweyo lelungu leBhodi	15 kuJuni 2018 11 kuJuni 2019	14 kuJuni 2019 10 kuJuni 2020	Bachelor of Commerce (Financial Accounting) Postgraduate Diploma in Development Finance Master of Commerce in Development Finance	ULawulo lwezeMali Uphicotho- zincwadi noCwangci- somali ULawulo lweePro- jekthi UPhuhliso lwezeMali noTyalomali kwezoLuntu	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgca- kazo nemidya- rho yeNtshona Koloni	[19]	2 kwezi2	Ikomiti yezeeKhasino IKomiti yezeMali, iT neeNdlela zokuZiphatha IKomiti yokuXhotyiswa kwabaNtu [*Uyichophele njengelungu leBhodi elimela elingekhoyo entlanganisweni]	[4] [6] [4]	1 kwe1 1 kwe1 1	6 kwezi6
UMnu. RG Nicholls	Ilungu leBhodi	14 ku- Disemba 2019	13 ku- Disemba 2022	B.Comm. Rhodes University CA (SA) CIA Computer Audit Qualification - NACCA Umbalimali noMphicothizi- ncwadi obhalisi- weyo Elinye ilungu leIOD	EzeMali ULawulo ICandelo lokula- ndelwa kwemithe- tho	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgca- kazo nemidya- rho yeNtshona Koloni The South African Council for the Architectural Profession	19	18	IKomiti yeze- Mali, iT neeNdlela zokuZiphatha IKomiti yezemi- Dyarho yama- Hashe Ikomiti yeLPM	6 4 4	6 4 3	31 kwezi- nga- ma33




Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaGumrhu kaRhulumente)	Umhla woku- qeshwa	Umhla wokurhoxa/ Ukuphela kwethuba	IziQinisekiso zeMfundo	Into ayingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Inani leentla- nganiso zeBhodi aziha- mbileyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Ikomiti zeWCGRB	Inani leentla- nganiso zeKomiti ezibizi- weyo	Inani leentla- nganiso azizimasi- leyo	Inani eliphe- leleyo leentla- nganiso azizima- sileyo
UNKosk. L Nyati	Ilungu leBhodi Uye warhoxa ngenxa yeemeko ebeza kujamelana nazo	14 ku- Disemba 2019	13 ku- Disemba 2022 31 ku- Janyuwari 2021	B.Com (Law) LL.B.	Ezo- Mthetho	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni	[16]	12 kwezi- li16	Ikomiti yezemiDyarho yamaHashe IKomiti yokuXho- tyiswa kwabaNtu IKomiti yokuKhu- tshwa kwee- Layisenisi Ikomiti yeLPM [*Uye entlanga- nisweni njenge- lungu leBhodi elimela einge- khoyo entlanga- nisweni]	[4] [4] 4 [4]	2 kwezi2 2 kwezi3 4	21 kwezi- nga- ma26
UNKosk. L Venter	Ilungu leBhodi	6 ku- Novemba 2020	5 ku- Novemba 2023	B.Comm (Law) LL.B.	Ezo- Mthetho	Ilungu leBhodi: IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni Ilungu langaPhandle leBhunga leKholeji False Bay TVET College	[8]	7 kwezi8	Ikomiti yezemiDyarho yamaHashe IKomiti yoku- Xhotyiswa kwabaNtu IKomiti yokuKhu- tshwa kweela- yisenisi	[1] [1] [1]	1 kwe1 1 kwe1 1 kwe1	10 kwezi11

[Amanani akwizibiyeli]* Amele inani leentlanganiso ezichotshelweyo, kodwa amalungu enganyanzelekanga ukuba aye kuzo, ngenxa yokuba ithuba lamalungu liqala okanye iphela kunyakamali

AmaLungu eKomiti yoPhicothozimali lwangaPhandle

Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaGumfhu kaRhulumente)	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa / Ukuphela kwethuba	IziQinisekiso zeMfundo	Into ayingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Ezinye iKomiti (umz.: iKomiti yoPhicothozincwadi)	Inani leentlanganiso ezibizileyo	Inani leentlanganiso azizimasi-leyo
UMnu. M Burton	Ilungu noSihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi	1 kuMatshi 2019	28 ku-Februwari 2022	B. Compt. Hons CA(SA)	Uphicothozincwadi noCwangcisosomali, ULawulo, ULawulo lweNdllela yokuFezekisa iinJongo eziBekiweyo, EzeMali, INdllela yokuLawula ukwenziwa koMsebenzi	IBhodi yeCape-Nature, IBhodi yeSAMSA, Cullinan Holdings Ltd, Burvyn Importers and Traders CC, WCBS, L&C Messaris (PTY) LTD, Ilimaletu Consulting Pty Ltd	IKomiti yoPhicothozincwadi	6	6
UMnu. R Kingwill	IKomiti yoPhicothozincwadi: Ilungu elizimeleyo elingekho kwisigqeba	17 ku-Februwari 2018	28 ku-Februwari 2022	B.Com CTA CA(SA)	UCwangcisele lokuSebenza, ULawulo lwamaShishini, INdllela yokuLawula ukwenziwa koMsebenzi	Centre for Genomic & Proteomic Research, Western Cape Liquor Authority On Demand Investments CC, Parel Vallei Advanced Education Trust, Somerset West Country Club NPC, Furtherance of Golf Nomads Foundation, Artisan Biomed	IKomiti yoPhicothozincwadi	[6]	5 kwezi5



Igama	Isikhundla (ngokwecandelo leBhodi yamaGumrhu kaRhulumente)	Umhla wokugeshwa	Umhla wokurhoxa / Ukuphela kwethuba	IziQinisekiso zeMfundo	Into ayingcali kuyo	IBhodi Ubulawuli (Dwelisa onke amaqumrhu)	Ezinye iKomiti (umz.: iKomiti yoPhicotho-zincwadi)	Inani leentlanganiso ezibizileyo	Inani leentlanganiso azizimasi-leyo
UMnu. L Nene	iKomiti yoPhicotho-zincwadi: Ilungu elizimeleyo elingekho kwisigqeba	17 ku-Februwari 2021	16 ku-Februwari 2024	Bachelor of Commerce – BCom (Accounting) Post Graduate Diploma in Management (Specialising in Corporate Governance) Master of International Business CCSA (Certification in Control Self-Assessment) - 2006 GIA (SA) (General Internal Auditor-SA) FIASA (Fellow of the Institute of Internal Auditors SA) - 2013 Certification in Risk Management Assurance (CRMA) - 2014 CCP (SA) - Certified Compliance Professional of the Compliance Institute of South Africa CPrac(SA)- Compliance Practitioner Risk Management Strategies in the Public Sector Management Development Programme	ULawulo lwamashishini, Uphicothozincwadi (lwangaphakathi nolwangaphandle), ULawulo lwemi-Ngcipheko, IsiCwangciso sokuQhubeka koMsebenzi, ICandelo lokulandelela kwemithetho, UkuziPhatha ngeNdlela eyiyo, Uphuculo lwenkqubo yeshishini, I-IT	Umphathi ongaLawuliyowePetroSA Ghana SOC Ltd, Umphathi ongaLawuliyowePetroSA Equatorial Guinea SOC Ltd	iKomiti yoPhicotho-zincwadi	[6]	1 kwe1
UNkosk. J Williams	iKomiti yoPhicotho-zincwadi: Ilungu elizimeleyo elingekho kwisigqeba	21 kuJuni 2019	20 kuJuni 2022	B.Com Hons CA(SA), B Sc Hons H Dip Ed.	Uphicothozincwadi noCwangcिसomali	Ilungu leBhodi: Medical Research Council of South Africa, Ilungu lebhungu: Boland TVET College	iKomiti yoPhicotho-zincwadi	6	6

Ubulungu kwiBhodi nakwiiKomiti

libhodi neekomiti	Inani leentlanganiso ezibizwe yiBhodi	Inani lamalungu	Amagama amalungu
IBhodi	19	6	<p>Mnu. DT Lakay (uSihlalo) [Ithuba elandisiweyo lobulungu kwiBhodi kunye nelokuba nguSihlalo liphele ngowe-10 kuDisemba 2018] [Uphinde wanyulwa njengelungu noSihlalo weBhodi de kube ngumhla we-10 kuDisemba 2020.] [Ithuba lakhe njengelungu noSihlalo linyenyiselwe ukuya kutsho kumhla we15 kuDisemba 2021.]</p> <p>Mnu. TC Arendse [Unyulelwe kwiBhodi ukususela ngomhla woku1 kuEpreli 2020 ukuya kowama31 kuMatshi 2023]</p> <p>Mnu. CA Bassuday (iLungu) [Ithuba lobulungu kwiBhodi liphele ngomhla wama31 kuMatshi 2019] [Ithuba landiselwe ukuya kuthi xhaxhe ngowama31 kuMatshi 2020] [Uphinde wonyulwa njengelungu leBhodi de kube ngowama31 kuMatshi 2023.]</p> <p>Nkosk. C Fani (iLungu) [Unyulelwe kwiBhodi ukususela ngomhla we17 kuMeyi 2017 ukuya kowe16 kuMatshi 2020.] [Ithuba lakhe landiselwe ukuya kuthi xhaxhe ngowe16 kuMeyi 2021.] [Unyulwe njengoSekelaSihlalo ukususela ngowe14 kuDesemba 2020 de kwaphela ithuba lakhe ngomhla we16 kuMeyi 2020.]</p> <p>Nkosk. N Magazi (iLungu) [Unyulelwe kubulungu beBhodi ngomhla we15 kuJuni 2018 de kube ngowe15 kuJuni 2019] [Ithuba lakhe landiselwe ukuya kuthi xhaxhe ngowe16 kuMeyi 2020.] [Ithuba lakhe kwiBhodi liphele ngomhla we10 kuJuni 2020.]</p> <p>Nkosk. L Nyati (iLungu) [Unyulelwe kwiBhodi ukususela ngomhla we14 kuDisemba 2019 ukuya kowe13 kuDisemba 2022.] [Urhoxile kwiBhodi ukususela ngowama31 kuJanyuwari 2021.]</p> <p>Mnu. RG Nicholls (iLungu) [Unyulelwe kwiBhodi ukususela ngomhla we14 kuDisemba 2019 ukuya kowe13 kuDisemba 2022.]</p> <p>Nkosk. L Venter (iLungu) [Unyulelwe kwiBhodi ukususela ngomhla wesi6 kuNovemba 2020 ukuya kowesi5 kuNovemba 2023.]</p>
IKomiti yoPhicothozincwadi	5	3	<p>Mnu. M Burton (Usihlalo) [Unyulwe njengelungu leKomiti yoPhicothozincwadi kunye noSihlalo wale komiti ukususela ngomhla woku1 kuMatshi 2019 de kube ngowama28 kuFebruwari 2022]</p> <p>Mnu. R Kingwill (iLungu langaphandle elingekho kwisigqeba esilawulayo) [Unyulelwe kwiKomiti ngowe17 kuFebruwari 2018 de kube ngowe16 kuFebruwari 2021]</p> <p>Mnu. L Nene (iLungu langaphandle elingekho kwisigqeba esilawulayo) [Unyulelwe kwiKomiti ngowe17 kuFebruwari 2021 de kube ngowe16 kuFebruwari 2024]</p> <p>Nkosk. J Williams (iLungu langaphandle elingekho kwisigqeba esilawulayo) [Unyulelwe kwiKomiti ngowe17 kuFebruwari 2019 de kube ngowe16 kuFebruwari 2022]</p> <p>Mnu. D Lakay (iLungu leBhodi) [Ummeli weBhodi (ongavotiyo) kwiKomiti yoPhicothozincwadi.] [Ithuba lakhe lobulungu kwiBhodi liphele ngomhla we10 kuDisemba 2020.] [Ithuba lakhe njengelungu noSihlalo linyenyiselwe ukuya kutsho kumhla we15 kuDisemba 2021.]</p>
IKomiti yezeeKhasino	4	3	<p>Mnu. D Lakay (uSihlalo)</p> <p>Mnu. CA Bassuday (iLungu)</p> <p>Nkosk. N Magazi (iLungu) [Ithuba lakhe kwiBhodi liphele ngomhla we10 kuJuni 2020.]</p>

ULAWULO

Ibhodi neekomiti	Inani leentlanganiso ezibizwe yiBhodi	Inani lamalungu	Amagama amalungu
IKomiti yezeMali, iT neeNdlela zokuZiphatha	6	3	<p>Mnu. RG Nicholls (uSihlalo) [Unyulwe njengoSihlalo ngomhla wama28 kuJanyuwari 2020]</p> <p>Mnu. T Arendse (iLungu) [Unyulwe njengeLungu leKomiti ukususela ngomhla wama30 kuJuni 2020]</p> <p>Mnu. D Lakay (iLungu)</p> <p>Nkosk. N Magazi (iLungu) [Ithuba lakhe kwiBhodi liphele ngomhla we10 kuJuni 2020.]</p>
IKomiti yemiDyarho yamashe nokuBheja	4	3	<p>Mnu. T Arendse (uSihlalo) [Unyulwe njengoSihlalo ngomhla wama30 kuJanyuwari 2020]</p> <p>Mnu. RG Nicholls (iLungu) [Unyulwe njengeLungu lekomiti ngomhla wama28 kuJanyuwari 2020]</p> <p>Nkosk. L Nyati (iLungu) [Urhoxe kwiikomiti zeBhodi ukususela ngomhla wama31 kuJanyuwari 2021]</p> <p>Nkszn L Venter (iLungu) [Unyulwe njengelungu leKomiti ukususela ngomhla wama26 kuJanyuwari 2021]</p>
IKomiti yokuXhotyiswa kwa-baNtu	4	3	<p>Nkosk. C Fani (uSihlalo) [Unyulwe njengoSihlalo ngomhla wama26 kuJanyuwari 2021]</p> <p>Mnu. T Arendse (iLungu)</p> <p>Nkszn L Venter (iLungu) [Unyulwe njengelungu leKomiti ukususela ngomhla wama26 kuJanyuwari 2021]</p> <p>Nkszn L Nyati (iLungu) [Unyulwe njengelungu leKomiti ukusuela ngomhla wama28 kuJanyuwari 2020] [Urhoxe kwiikomiti zeBhodi ukususela ngomhla wama31 kuJanyuwari 2021]</p>
IKomiti yokuKhutshwa kweeLayisenisi	5	3	<p>Nkszn L Venter (uSihlalo) [Unyulwe njengoSihlalo ngomhla wama26 kuJanyuwari 2021]</p> <p>Mnu. CA Bassuday (iLungu) [Unyulwe njengelungu leKomiti ngomhla wesi8 kuJulayi 2019]</p> <p>Nkosk. C Fani (iLungu)</p> <p>Nkszn L Nyati (iLungu) [Unyulwe njengelungu leKomiti ukusuela ngomhla wama28 kuJanyuwari 2020] [Urhoxe kwiikomiti zeBhodi ukususela ngomhla wama31 kuJanyuwari 2021]</p>
Ikomiti yeLPM	4	3	<p>Nkosk. C Bassuday [Unyulwe njengoSihlalo weKomiti ngomhla wama26 kuJuni 2020]</p> <p>Mnu. D Lakay [Unyulwe njengeLungu leKomiti ngomhla wama30 kuJuni 2020]</p> <p>Nkosk. N Magazi (iLungu) [Ithuba lakhe kwiBhodi liphele ngomhla we10 kuJuni 2020.]</p> <p>Mnu. RG Nicholls (iLungu) [Unyulwe njengeLungu lekomiti ngomhla wama28 kuJanyuwari 2020]</p>

AMALUNGISELELO OKUHLAWULWA KWEBHODI

Intlanganiso zeBhodi

Intlanganiso yesiqhelo okanye ekhethekileyo apho iBhodi ixoxa ize ithathe izigqibo malunga nemiba ephantsi kwamagunya nemisebenzi yayo esemthethweni.

Ukuhlawulelwa kweentlanganiso zeBhodi lixabiso elisisigxina lamaR4 999.36, nokuba iye yande kangakanani intlanganiso yaye iquka nexesha lokulungiselela, elokuhamba kunye neekhilomitha ezihanjweyo. Imbuyekezo yeekhilomitha ezihanjweyo.

Nantsi ngezantsi imbuyekezo ehlawulwa uSihlalo, uSekelaSihlalo noSihlalo oBambeleyo ngokuchophela intlanganiso yeBhodi:

USIHLALO

Intlanganiso zeBhodi: Ngama**R6 433.92** ngentlanganiso nganye

liKomiti zeBhodi neminye imiCimbi: Ngama**R804.24** ngeyure ukuya kutsho kwiiyure ezisi8 ezizezona zininzi.

USekelaSihlalo

Intlanganiso zeBhodi: Ngama**R4 999.36** ngentlanganiso nganye

liKomiti zeBhodi neminye imiCimbi: Ngama**R624.92** ngeyure ukuya kutsho kwiiyure ezisi8 ezizezona zininzi.

IBambelaSihlalo

Intlanganiso zeBhodi: Ngama**R5 601.52** ngentlanganiso nganye

liKomiti zeBhodi neminye imiCimbi: Ngama**R700.19** ngeyure ukuya kutsho kwiiyure ezisi8 ezizezona zininzi.

liKomiti zeBhodi neminye imiCimbi

- Intlawulo yezinye iintlanganiso neminye imicimbi, efana neentlanganiso zeekomiti kunye neentlanganiso zomamelozimvo zoluntu, umzekelo, ibalwa ngokweyure, ze ngaphezu kwexesha elizinyasiweyo, ibe lixesha elihanjweyo, ixesha lokulungiselela intlanganiso kunye nembuyekezo yeekhilomitha ezihanjweyo.
- Ixabiso leyure ngama**R624.92** ngeyure.
- Le mbuyekezo ihlawulwa ukuya kutsho kwelona xesha liphezulu lihambelana neeyure ezisi8, kunye neekhilomitha ezihanjweyo.
- Le nto yenzelwa ukuba amalungu axelele uNobhala ekuqaleni kwentlanganiso nganye ukuba lingakanani ithuba alisebenzisileyo ukulungiselela loo ntlanganiso.
- Iikhilomitha ezihanjweyo kwiimeko apho iindlela zohlukileyo kwindlela yesiqhelo iya eofisini yeBhodi, nazo zininzi uNobhala weBhodi ngumntu ngamnye

IMBUYEKEZO YAMALUNGU EBHODI

	Imbuyekezo - yeentlanganiso zeBhodi	Imbuyekezo - yeentlanganiso zeekomiti Nezinye*	Imbuyekezo - yokuya kwiiNkomfa	Ezinye iimali ezibuyiswayo	Imbuyekezo epheleleyo yamalungu
Igama	R	R	R	R	R
Mnu. D Lakay (uSihlalo)	122 244.48	148 717.38	-	274.86	271 236.72
Mnu. TC Arendse	94 987.84	88 322.03	-	-	183 309.87
Mnu. CA Bassuday	94 987.84	61 815.01	4 999.36	166.26	161 968.47
Nkosk. C Fani	79 989.76	64 627.16	-	-	144 616.92
Nkosk. N Magazi	9 998.72	12 081.79	-	-	22 080.51
Mnu. R Nicholls	89 988.48	77 073.47	-	-	167 061.95
Nkszn L Venter	34 995.52	35 568.37	-	380.89	70 944.78
Nkszn L Nyati**	-	-	-	350.95	350.95
Zizonke	527 192.64	488 205.21	4 999.36	1 172.96	1 021 570.17

*Kuquka iintlanganiso zesikhawu ezingeyonxalenye yeentlanganiso ezimiseliweyo zeBhodi nezeekomiti, umzekelo - iintlanganiso ezichotshelwa kunye neOfisi kaNondyabo wePhondo kunye noMphathiswa wezeMali, ngokunjalo nexesha elichithwa kweminye imicimbi yeBhodi.

**Abafanelanga kufumana mbuyekezo yongezelelweyo abasebenzi bakaRhulumente kaZwelonke, wePhondo noweNdawo okanye amaZiko, iiArhente namaShishini kaRhulumente abasebenza njengamalungu esigqeba esilawulayo kumaShishini/amaZiko kaRhulumente. UNkosk Nyati uqeshwe sisiXeko seKapa, ngoko ke akafumani mbuyekezo kwiBhodi..

UTYELELO LWAPHESHEYA LWAMALUNGU EBHODI

Khange kubekho tyelelo lwaphesheya kweli thubamali.

IZIGQIBO ZEKOMITI ESISIGXINA EZISUKA KWINGXELO YONYAKA KA2019/2020

IKOMITI ESISIGXINA YEEAKHAWUNTI ZIKARHULUMENTE		
Umhla wokuthathwa kwesigqibo	Ingcombolo	Inkqubela ekufezekisweni kwaso
23 kuEpreli 2021	Amanye amasebe namashishini, kuquka iOfisi yomPhicothizincwadi yoMzantsi Afrika (iAGSA), acele ukuxoxa ngelazisa iKomiti ngemeko yokulandelwa kwemithetho yeB-BBEE yoRhulumente weNtshona Koloni kule minyakamali ka2019/20 no2020/21.	IBhodi isalinde olunye unxibelelwano olunxulumene noku.

5. ULAWULO LWEMINGCIPHEKO

IBhodi izimisele ekusekeni iziko eliqinisekisa ngokuba ulawulo lwemingcipheko luyinxalenye ephambili yazo zonke izezo zalo kunye nokukwazi ukwenza okungundoqo. ULawulo oluNdindenyayo lwemiNgcipheko yeZiko (iERM) ijonge ukuqinisekisa ngokukhula nempumelelo eqhubekayo yeBhodi. Umsebenzi weERM uncedisa onke amanqanaba olungiselelo lweeofisi ekufezekiseni iziphumo eziphambili zeBhodi ngokuza nendlela elungeleleneyo yokuphonononga nokuphucula ukusebenza kolawulo nothintelo lwemingcipheko.

I-ERM ilungiselelwe ukuqaphela izehlo nokuqhubeka okunokwenzeka nokunokuchaphazela kakhulu ukukwazi kweBhodi ukufezekisa iziphumo zayo eziphambili okanye ukugcina imisebenzi yayo nokuba ezo zinto ziyichaphazela kakuhle na okanye kakubi. Ezi ke zibizwa ngokuba yimingcipheko. Ngenkqubo yeERM, imingcipheko eqatshelweyo iyahlolwa ithelekiswa nengqanaba lokukwazi kweBhodi ukumelana nomngcipheko lowo, ukwenzela ukunika isiqinisekiso esifanelekileyo ngokunxulumene nokufezekiswa neenjongo zeBhodi.

Nazi iinjongo zeBhodi zokulawula imingcipheko:

- Ukudibanisa ulawulo lwemingcipheko nesiqhelo kunye nezizigqibo eziphambili zeWCGRB;
- Ukuqikelela nokujongana neemeko eziguquguqukayo zentlalo, zendalo nezomthetho;
- Ukulawulwa kwemingcipheko ngokwezona ndlela zisebenzayo nokubonisa ukuthathwa kwezizigqibo ezisekelwe kulwazi oluphandisisekileyo;
- Ngokunxulumene nokulandela imithetho njengowona mgangatho uphantsi kufuneka ufezekisiwe;
- Ukuhambelanisa iindleko zolawulo lwemingcipheko kunye neenzuzo ezijongiweyo; kunye,
- Nokwazisa uluntu malunga nemfuneko yolawulo lwemingcipheko.

IsiGqeba esiLawulayo seBhodi sinoxanduva sokuba ngukhala wolawulo lwemingcipheko kwiBhodi, nalapho siya kuthi sinike inkxaso yolawulo, sicebise malunga nokufezekiswa kwemigaqonkqubo evunye yiBhodi.

Rhoqo ngonyaka iBhodi iye isebenzisane nesiGqeba esiLawulayo ukuphonononga imingcipheko yayo enokuchaphazela umsebenzi, isiCwangciso sokuSebenza soNyaka neethagethi zaso, njengenxalenye yeseshoni yocwangciselelo lonyaka yeBhodi. Le mingcipheko iye iphononongwe rhoqo ngekota, ukwenzela ukufezekiswa ngempumelelo kweendlela zokuyithomalalisa imingcipheko ukuze kuqinisekisiwe ukuba yonke imingcipheko eqatshelweyo ilawulwa ngokwamazinga amkelekileyo okukwazi melana nayo.

Ukuqesha kweBhodi igosa lolawulo lwemingcipheko luxanduva lwegosa eliphezulu lolungiselelo lweeofisi, nnelikwiOfisi yoMphathi oyiNtloko wezeMali yaye elo gosa lijongene nolungiselelo lobhaliso lwemingcipheko kunye neengxelo zemingcipheko zekota.

Ikomiti yoLawulo lwemiNgcipheko yenziwa sisiGqeba esipheleleyo soLawulo. Ikomiti yoLawulo lwemiNgcipheko idibana rhoqo ngekota ukuze inike imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi weBhodi kunye nemingcipheko evelayo eqatshelweyo, ngokunjalo nemeko yezicwangciso zokulungiselela ukuthomalalisa loo mingcipheko. Imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi, izezo zokuthomalalisa imingcipheko kunye nemingcipheko evelayo ethe yaqatshelwa ithi ixelwe kwiKomiti yoPhicothozincwadi neFITEC rhoqo ngekota.

Zonke iintlanganiso zeFITEC neKomiti yoPhicothozincwadi zichotshelwa nguMphathi oyiNtloko, iGosa eliyiNtloko lezeMali kunye negosa lezemingcipheko, baze banike ikomiti ingxelo esesikweni kwintlanganiso nganye.

IKomitana yeBhodi, eyiFITEC (iKomiti yezeMali neTeknoloji yezoLwazi) iphonononga le mingcipheko kunye nobhaliso lwemingcipheko nalapho kugxilwa kakhulu kwimingcipheko enokuvela. Ikomiti yoPhicothozincwadi yiyo esebenza njengeKomiti ejongene nemiNgcipheko, nejongene nokuqwalasela imingcipheko yeBhodi, phakathi kweminye enokujongwa. Ikomiti yemiNgcipheko incediswa nguMsebenzi woPhicothozincwadi lwangaPhakathi kunye neengxelo ezinikwa iBhodi.

Apha ngezantsi kubekwe imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi, mingcipheko leyo ijamelene nayo iBhodi, kunye neendlela zokuyithomalalisa ezithe zalandelwa:

Imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi	Iindlela zokuyithomalalisa
<p>IBhodi iye yangaqhubi kakuhle ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Yemithetho nemigaqonkqubo ephelileweyo nengacacanga • Ukulibaziseka kwenkqubo yokulungiswa kwemithetho 	<ul style="list-style-type: none"> • Inkqubo yokuthumelela amalungu. • Ukungeniswa kwiPT noMphathiswa, kuphakanyiswa izilungiso xa zithe zafuneka
<p>IBhodi iye yangaqhubi kakuhle ngexa yolibaziseko efufezekiseni ukunyulwa kwangethuba kwamalungu amatsha eBhodi.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • IBhodi ikhawuleza imazise uMphathiswa malunga nezithuba ezikhoyo kwiBhodi. • Iintlanganiso zeBhodi ezibekwa kwangethuba ukwenzela ukuqinisekisa ukuba amaLungu eBhodi aziswa kwangoko malunga nazo. • Amalungu eBhodi athunyelelwa kwangoko imiyalezo ewakhumbuza malunga neentlanganiso. • UMphathiswa wandisa amathuba amaLungu eBhodi. • Inkqubo yokuthumelela amalungu. • Iimbalelwano izingxamisekileyo ezithunyelwe kuMphathiswa zicela ukunyeneyiswa kwamathuba ala malungu akhoyo ngoku xa ingekagqitywa inkqubo yokunyulwa kwamalungu amatsha. • IBhodi iyazihlehlisa iintlanganiso ze le nkqubo iyithumele kuwo onke amalungu ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iyaqhuba nokusebenza ngokukuko.
<p>Ukungasetyenziswa ngokukuko nangokwaneleyo kwamacandelo eBhodi kubangelwa yile miba ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukungabi nazakhono • Ubume beziko • Iingxaki zezixhobo • Impembelelo engafanelekanga esuka kumaqela achaphazelekayo • Umoya ophantsi wabasebenzi nokungahambelani kwabo notshintsho 	<ul style="list-style-type: none"> • Amaqonga eWSP, uqeqesho, iinkomfa nakazwelonke • Uphononongo lwamacandelo eziko • Ucwangciso nolwabiwo lwebhajethi olululo • Inkqubo yokuxela ukuchaphazeleka ngokomdla • Iintlanganiso noMEC, iintlanganiso zeGLC, njalo njalo • Ungenelelo kulawulo lotshintsho • Iingxoxo zabasebenzi ezenziwa rhoqo
<p>Izigqibo ezingachanekanga ezibangelwa yiBhodi njengesiphumo solwazi olunganelanga kunye/okanye nolungachanekanga.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Inkqubo yophononongo enamanyathelo amane • Uphuhliso oluqhubekayo lwabasebenzi • Iisistim neenkqubo ezinzima zoqinisekiso. • Ukuqwalaselwa nokuphononongwa kweenkcukacha okwenziwa ziiKomitana ezahlukileyo zeBhodi. • Iintlanganiso nezenzo zodliwanondlebe ezenziwa namaqela achaphazelekayo, xa kuyimfuneko. • Iingxoxo zesiGqeba esiLawulayo ezenziwa rhoqo ngeeveki ezimbini. • Ukuya kwiinkomfa namaqonga ogunyaziso kazwelonke nawamazwe ngamazwe.
<p>Ukulahlekelwa kukuthembeka kumaqela achaphazelekayo ngenxa yempembelelo engafanelekanga ethi ifakwe ekwuthathweni kwezigqibo zeBhodi</p>	<ul style="list-style-type: none"> • USihlalo uyaqhuba nokuxoxa noMphathiswa malunga noxanduva lweBhodi kunye negunya layo lokuzimela, kulandelwa ukwahlulwa kwamagunya, njengoko kubekiwe kwiWCGRA. • Iinkqubo zamaphulo okwazisa izinto kunye neengxoxo eziqhutywa noluntu.

Imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi	Iindlela zokuyithomalalisa
Uphazamiseko olukhulu kowona msebenzi ubalulekileyo ngenxa yalo bhubhane weKhowidi-19.	<ul style="list-style-type: none"> • Isicwangciso solawulo lokuqhubeka komsebenzi esikhoyo esenzelwe ukugcina ukusebenza kweenkonzo zomsebenzi ongundoqo emva kwesehlo sentlekele okanye esibi. • Isicwangciso sokuqhubeka komsebenzi siye saphononongelwa zonke izenzo zomsebenzi owenziwa yiWCGRB ngokunxulumene novalelekondlwini lukazwelonke.
<p>Kuye kucephakanyiswe ukuvunywa kokukhutshelwa iilayisenisi kwabantu abafanganelekanga ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukungabi nazakhono ngokunxulumene neendlela zokuqhuba uphando • Ukunganeli kwezixhobo • Impembelelo engafanelekanga esuka kumaqela achaphazekayo 	<ul style="list-style-type: none"> • Inkqubo yokuxela ukuchaphazeleka ngokomdla • IsiCwangciso seZakhono zokuSebenza siqaphela iimfuno zoqeqesho zabasebenzi • Ukusetyenziswa kwemithombo yangaphakathi neyangaphandle (Ukwakha ubudlelwane noSARS kunye noSAPS) • Iinkqubo ezilandelwayo zokusebenza okuqhelekileyo • Umgaoqonkqubo wokutshintshisana • Inkqubo yodluliselo kwisithuba olungesosigxina • Inkqubo yokuvunywa kwesicelo emanyathelo ma4. • Iingxoxo zeeKomitana
<p>Abaninilayisenisi abangaqhubi zenzo zongcakazo nokubheja ngokwemigaqo yomthetho kunye neemfuno zemimiselo, oko bekwenza ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Yokungabi nazakhono zaneleyo kwiindlela nezenzo zophicothozincwadi • Impembelelo engafanelekanga evela kubaninilayisenisi • Ukunganeli kwezixhobo 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuya kwiinkomfa, iiwekshophu namaqonga oqeqesho anxulumene nolu shishino, kuzwelonke nakumazwe ngamazwe • Ukutshintshana kwabasebenzi kumacandelo esebe • Ukuzixela kwabasebenzi xa bechaphazeleka kumba othile • I-SOP yeSebe • Iintlanganiso ezichotshelwa neeNtloko rhoqo emva kophicothozincwadi • Inkqubo yokuvunywa kwesicelo emanyathelo ma3
Ukwanda kwezenzo zongcakazo olungekho mthethweni okuchaphazela uqoqosho lwephondo.	<ul style="list-style-type: none"> • Iingxoxo eziqhutywa rhoqo kunye neearhente zonyanzelisomthetho • Ukuya kweentlanganiso zeQonga loNyanzelisomthetho (iEnforcement Forum) • Uqeqesho olunikwa amagosa oNyanzelisomthetho xa kuyimfuneko • Umnatha wabaXelizenzo abafihliweyo • Iwekshophu yoNyanzelisomthetho yaminyaka le
<p>Iisistim nezisombululo zeICT azisebenzi kakuhle, azithembekanga, azizi nezinto ezintsha yaye azikhuselekanga ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Yeengxaki zezixhobo, ukukhutshwa okungekho mthethweni kweenkcukacha, isoftwe etshabalalisayo, ukumka kombane okanye kwenethiwekhi 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukwenziwa ngokufanelekileyo kocwangciso, ukwabiwa kwebhajethi, ukwanela kwabasebenzi (kwenani labasebenzi) kunye nabasebenzi abanezakhono, • Iindlela zokhuselo zokunqanda okungekehli zifezekisiwe, • Imigaqonkqubo neenkqubo ezilandelwayo zifezekisiwe, • Uqwalaselo, ulungiselelo lwaseofisini nolawulo oluqhubekayo lwemeko yeICT, • I-DRP neUPS zeICT ezifezekisiweyo, • Ukuqhubeka kokuya kuqeqesho, iisemina, iintlanganiso zophuhliso lweetalente, • Ukusoloko kusaziwa okuqhubekayo malunga nezinto zakutshanje kwiICT kunye • Nokunika ingxelo kwiiKomiti eziqwalasela uphuhliseko lweICT.

6. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI

IBhodi ayinayo inkampani yangaphakathi yokwenza iCandelo loLawulo lwangaPhakathi kodwa imisebenzi yeli candelo yenziwa ziinkampani zangaphandle ezinamava afanelekileyo nezingamalungu eInstitute of Internal Auditors okanye iSouth African Institute of Chartered Accountants Kulo nyaka uphononongwayo, iBhodi iqeshe iSNG Grant Thornton njengabaPhicothozincwadi bangaphakathi.

7. UPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI

Ukubekwa esweni kolawulo lwemingcipheko yeBhodi kunikwe iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kusenzelwa ukuncedisa iBhodi ekwenzeni imisebenzi yayo ngokwePFMA.

Ngoko ke iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko ijonga ukuba kuyenzeka oku:

- Ikhona imigaqonkqubo yokuchonga, ukulungisa nokulawula imingcipheko;
- Ukuba zikhona iindlela zokuphonononga imingcipheko neendlela zolawulo zangaphakathi;
- Indlela yokuchonga imingcipheko evelayo nokuphonononga iindlela ezikhoyo zokuyilawula;
- Ikhona indlela esebenzayo yolawulo lwangaphakathi; yaye
- Yonke imingcipheko engafakwanga kwi-inshorensi iphononongwa ilawulwe ngokukuko.

IKomiti eSebenzayo yoPhicotho lwangaphakathi iyinika uCEO ingxelo yomsebenzi waseofisi ize owokusebenza iwunike iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko.

Nanga amalungu eKomiti yoPhicothozincwadi abezimasa iintlanganiso:

Igama lelungu	Inani leentlanganiso azizimasileyo
1. Mnu. M Burton [USihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi] [Unyulwe ukususela ngomhla woku-1 kuMatshi 2019 de kube ngowama-28 kuFebruwari 2022]	6 kwezi6
2. Mnu.R Kingwill [Unyulwe ukususela ngowe17 kuFebruwari 2018 de kwangowe16 kuFebruwari 2021]	5 kwezi5
3. Mnu.L Nene [Unyulwe ukususela ngowe17 kuFebruwari 2021 de kube ngowe16 kuFebruwari 2024]	1 kwe1
4. Nkosk. J Williams [Unyulwe ngomhla wama21 kuJuni 2021 de kube ngowama20 kuJuni 2022]	6 kwezi6

Igama	IziQinisekiso zeMfundo	Ngowa-ngaphakathi okanye ngowa-ngaphandle	Ukuba ngowa-ngaphakathi, isikhundla sakhe apha kwiBhodi	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso azizimasileyo
Mnu M Burton	B. Compt. Hons CA(SA)	Ngowan-gaphandle	Awuchapha-zeleki lo mba	1 kuMatshi 2019	Awuchapha-zeleki lo mba	6
Mnu .R Kingwill	B.Com CTA CA(SA)	Ngowan-gaphandle	Awuchapha-zeleki lo mba	17 ku-Februwari 2018	Ithuba eli-phele ngowe16 kuFebruwari 2021	5
Mnu. L Nene	Bachelor of Commerce – BCom (Accounting)	Ngowan-gaphandle	Awuchapha-zeleki lo mba	17 ku-Februwari 2018	Awuchapha-zeleki lo mba	1
Nkosk J Williams	B. Com Hons CA(SA), B Sc Hons, H Dip Ed.	Ngowan-gaphandle	Awuchapha-zeleki lo mba	21 kuJuni 2019	Awuchapha-zeleki lo mba	6

8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO

IBhodi iyayifezekisa imigaqonkqubo kunye neenkqubo zokuqinisekisa malunga nokulandelwa kwayo yonke imithetho nemimisele emele ukulandelwa leli qumrhu.

IBhodi ichonge imithetho nemimisele enyanzelekileyo ukuba iyithobele yaza yaqhuba umgaqosikhokelo wokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bayo bayayilandela le mithetho nemimisele.

ISebe leeNkonzo zemiThetho lale Bhodi lirhuma kumaZiko ahlukeneyo eeNkonzo zoMthetho, maziko lawo akwi-intanethi, nathi ayazise malunga nemithetho emitsha okanye ehlaziyiweyo athso anike iqonga lokuqwalasela izigwebo malunga namatyala ahlukeneyo enkundla. ISebe lezoMthetho lichonga lize lenze utshintsho lisebenzisa le mirhumo litsho lazise abasebenzi malunga notshintsho kwanohlalutyo olo.

Kulo nyaka-mali ka-2020/21, iBhodi khange yohlwayelwe nakuphi ukophulwa kwemiThetho okanye imimisele.

9. URHWAPHILIZO NOBUQHOPHOLOLO

IBhodi ifezekise umgaqonkqubo wokulwa noRhwaphilizo nobuQhophololo, nophononongwa minyaka le. Le nkqubo iquka umnxeba wasimahla kazwelonke kuney nebhokisi yokunika ingxelo engenagama.

IKomiti yeBhodi ejongene nokuLwa noRhwaphilizo nobuQhophololo ibekelwe ukuphonononga naziphi izehlo zorhwaphilizo lize igosa loLawulo leBhodi linike ingxelo kwiKomiti yezeMali neTeknoloji yezoLwazi kwakunye neKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko malunga nazo naziphi izehlo ezithe zaxelwa.

Kulo nyaka uphononongwayo, akukho zehlo zarhwaphilizo okanye ezobuqhophololo ezithe zaxelwa kusetyenziswa nayiphi indlela yeBhodi yokuxela urhwaphilizo okanye ubuqhophololo.

10. UKUCUTHA UNGQUZULWANO NEZINTO ANAZO AMALUNGU

Amalungu eBhodi yeWCGRB athi ekuqaleni konyaka-mali ngamnye agcwalise aze anike uluhlu lwazo zonke izinto anemidla kuzo nezinokuthi zingqubane nomsebenzi wawo njengamalungu eBhodi. Amalungu ebhodi kufuneka axele kuchaphazeleka anokuba nako kuyo nayiphi na imiba ekwajenda phambi kwentlanganiso nganye yebhodi okanye yekomiti.

Xa kuthe kwakho nakuphi ukungqubana kwemidla, kufuneka ilungu leBhodi lazise uSihlalo lize emva koko liphume okanye lithathe inxaxheba kwingxoxo leyo ukuba iBhodi iwuthatha loo mba njengongenangxaki iphathekayo.

Abasebenzi beWCGRB nabo kukwadingeka ukuba babhengeze nayiphi imiba ebachaphazelayo kwiintlanganiso zeBhodi okanye zeeKomiti, nakuzo naziphi iingxoxo, udliwanondlebe kunye nezigqibo ezithathwa yiOfisi.

IBhodi isaqhuba neenzame zayo zokungapheleli nje ekuqinisekiseni ngokuzimela, koko ibonakale ukuba izimele. Zonke izenzomali zenziwa ngendlela engalawulwa ngqo yiBhodi, nangona ushishino luyiqonda kakuhle indlela eyenza ngayo iBhodi, ukuba ayamkeli zipho, ngoko ke ayisaziphiwa izipho iBhodi. Ekuqaleni konyaka ngamnye amalungu eBhodi abhengeza ukuchaphazeleka kwawo kwezemali kuze kuphinde kwenziwe isibhengezo sokungachaphazeleki kwimiba yentlanganiso nganye yeBhodi. UMphicothizincwadi ukwasebenzisa uphicothozincwadi lonyaka ukuvavanya ukungachaphazeleki kwabo.

11. INDLELA YOKUZIPHATHA EYAMKELEKILEYO

Indlela yokuziphatha eYamkelekileyo ingundoqo ekubeni iBhodi ifezekise umgomo wayo wokwenza uluntu luyithembe ukuba inokuzisa imeko ezinzileyo, enobulungisa neyokuba kulandelwe imithetho.

Le Ndlela yokuziphatha idinga ukunikwa kwemigangatho ephezulu ngokukhokelela abasebenzi beBhodi kunye namalungu ayo kweyona ndlela yokusebenza iyiyo kunye nokuqhubeka kokuphucuka kwemigangatho.

Bonke abasebenzi kunye namalungu eBhodi bayakwazi ukuyifumana le Ndlela yokuziPhatha Yamkelekileyo kwi-intanethi ngokuba bangene kwi-intranethi yeBhodi, nalapho wonke umntu akwaziyo ukufikelela kuyo. Xa umsebenzi omtsha okanye amalungu eBhodi egqiba kunyulwa, le Ndlela yokuziPhatha iba yinxalenye yoMqulu wokubamkela emsebenzini, nalapho kufuneka aba bantu basayine ukuba bayifumene.

Ukulandelwa kweNdlela yokuziPhatha eYamkelekileyo inyanzeliswa ize ibekwe esweni ngawo; ngoko ke nakuphi ukuphulwa kwayo kujongwa ngokweNdlela neeNkqubo zoLuleko zeBhodi.

12. UKHUSELEKO KWEZEMPILO NEMIBA YENDAWO ESINGQONGILEYO

IBhodi imisele iKomiti yeMpilo noKhuseleko eMsebenzini (iOccupational Health and Safety Committee - iKomiti yeOHASA) eyasekwa ngokoMthetho wama85 ka1993 weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (iOccupational Health and Safety Act). IKomiti yeOHASA, enabameli bawo onke amasebe kwiBhodi, idibana qho ngekota kunyaka wonke ukwenzela ukuphonononga imeko yeMpilo noKhuseleko kwiBhodi kunye nokujongana nemiba enokuvela.

13. UNOBHALA WENKAMPANI

IBhodi ayinaye uNobhala weNkampani. Kodwa ke, ineyunithi enabasebenzi abathathu abakwiSebe labaLawuli, nabasebenza njengooNobhala bayo.

14. UKUKHATHALELA ULUNTU

Noxa iBhodi ingenazinkqubo zakukhathalela uluntu kulo nyaka, kodwa iBhodi inemiqathango eyibekayo kubanini-layisenisi ukuba baqinisekise ukuba babeka imali bucala ukwenzela ukuncedisana noluntu oluhluphekayo.

IBhodi ikwaseke iForam yokuNgcakaza ngeNkathalo yeNtshona Koloni eza kujongana neengxaki ezinokubangelwa lungcakazo.

IBhodiibambisene namaziko ahlukeneyo anxulumene nezentlalo kurhulumente yaye iqhuba iinkqubo ezahlukeneyo zokunceda uluntu ilufundisa malunga nayo kunye neengxaki ezinokubangelwa kukungcakaza.

15. UXANDUVA LWEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI

Siyavuyiswa kukunika ingxelo yethu yonyakamali ophela ngowama31 kuMatshi 2021.

Amalungu eKomiti yoPhicothozincwadi kunye nokuzimasa kwawo iintlanganiso

Amalungu ophicothozincwadi anala malungu adweliswe apha ngezantsi yaye adibana ubuncinane ka4 ngonyaka, ngokwemigaqo azibekele yona.

Igama lelungu	Inani leentlanganiso azizimasileyo
1. UMnu. M Burton [USihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi] [Unyulwe ukususela ngomhla woku-1 kuMatshi 2019 de kube ngowama-28 kuFebruwari 2022]	6 kwezi6
2. UMnu.R Kingwill [Unyulwe ukususela ngowe17 kuFebruwari 2018 de kwangowe16 kuFebruwari 2021]	5 kwezi5
3. UMnu.L Nene [Unyulwe ukususela ngowe17 kuFebruwari 2021 de kube ngowe16 kuFebruwari 2024]	1 kwe1
4. UNkosk. J Williams [Unyulwe ngomhla wama21 kuJuni 2021 de kube ngowama20 kuJuni 2022]	6 kwezi6



*UMnu. M Burton
USihlalo weKomiti
yoPhicothozincwadi*

Kunyakamali ka2020/21 kuye kwachotshelwa iintlanganiso ezi6 yaye ubukho bamalungu kuzo bucaciswe kule theyibhile ingentla.

UXanduva lweKomiti yoPhicothozincwadi

IKomiti yoPhicothozincwadi iye yathobela imisebenzi eluxanduva lwayo esusela kwiCandelo 38(51)(a) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act) noMmiselo 27.1.10 weOfisi kaNondyabo. Ikwandisa ingxelo yokuba iye yamkela imiqathango yokusebenza njengeTshatha yayo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, yenza umsebenzi ewubekelweyo ngokuhambelana nale tshatha yaza yalwenza uxanduva lwayo olubhalwe kule tshatha.

Le Komiti yenze ukuziphonononga kwayo konyaka ngokukulandela kwayo imisebenzi ehambelana neKing IV Report yoLawulo lwaMaziko, itshata nemiqathango yokusebenza yayo, yalandela nemiMiselo yeSebe likaNondyabo kaZwelonke kunye noMthetho woLawulo lweMali zikaRhulumente. Izithobeke zonke iimfuno

Iintlanganiso

Kuchotshelwe iintlanganiso ezintandathu kulo nyaka yaye ubukho bamalungu bucaciswe kule theyibhile ingezantsi. Abaphicothozincwadi bangaphandle nabangaphakathi bachophela iintlanganiso zeKomiti yaye abanamida ekufikeleleni kwiKomiti noSihlalo wayo, yaye baye banethuba lokuthetha neKomiti bengekho abalawuli ukwenzela ukuba ikhululeke iKomiti.

IKomiti iye yaphonononga iingxelo ezisuka kubaphicothozincwadi bangaphandle kunye nabangaphakathi, zaza iziphumo zazo zanikwa iBhodi rhoqo ngummeli oliLungu langaphandle okwiKomiti yoPhicothozincwadi zaza zanikwa nanguSihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi rhoqo ngonyaka.

UkuSebenza ngeMpumelelo koLawulo lwangaPhakathi

Uphonononongo lwethu leziphumo zomsebenzi woPhicothozincwadi lwangaPhakathi, obelusekelwe kuvavanyo lwemingcipheko olwenziwe kwiBhodi, luye lwabonisa ubuthathaka obuthile, obuye baxelwa kubaLawuli kwaze kwathathwa okanye kuza kuthathwa amanyathelo okulungisa ezo meko ukwenzela ukucutha imingcipheko leyo.

Isistim yeenkqubo zolawulo iyilelwe ukunika ingqinisekiso engenazindleko zininzi yokuba iiasethi zikhuselekile kwanokuba amatyala nemali yeziko zilawulwa ngendlela eyiyo. Inkqubo esetyenziswe yiBhodi kwimingcipheko yemali nolawulo lwemingcipheko iyasebenza, yanele yaye ayifihlisi.

Ngokuhambelana neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kunye neemfuno zeKing IV Report yoLawulo lwaMaziko, uPhicothozincwadi lwaNgaphakathi lunika iKomiti yoPhicothozincwadi nabalawuli ingqinisekiso yokuba iinkqubo zolawulo lwangaphakathi zifanelekile yaye ziyasebenza. Oku kuphunyezwa ngenkqubo yolawulo lwemingcipheko, kunye nokuchongwa kwamanyathelo okulungisa kunye neendlela zokuphucula ulawulo neenkqubo.

Kwiingxelo ezohlukileyo zabaPhicothizincwadi baNgaphakathi neNgxelo yoPhicothozincwadi emalunga namaXwebhu eNgxelomali yoNyaka, kuquka ingxelo yolawulo yoMphicothizincwadi Jikelele, kuye kwafumaniseka ukuba akukho kuqhuba kakubi kwisistim yolawulo lwangaphakathi.

IKomiti yoPhicothozincwadi yanelisekile kukuba umsebenzi woPhicothozincwadi lwaNgaphakathi, okhutshelwa kwinkampani yangaphandle, uhamba kakuhle yaye uye wazilungisa iingxaki/iinkqubo zolawulo ezinxulumene nemingcipheko ebichaphazela iBhodi kuphicothozincwadi lwayo

Ngalo nyaka uphantsi kophononongo, kwenziwe olu Phicothozincwadi lwangaphakathi lulandelayo:

Ukuphononongwa kokuqhutywa nokusebenza kweendlela zeenkqubo zolawulo lwangaphakathi ezizenziwe kulo nyaka, kugxilwe kule mimandla yogxiliso ilandelayo:

- Uphononongo lwamaXwebhu asayilwayo eNgxelomali yoNyaka
- Uphononongo lweeNkcukacha zeNtsebenzo neeNjongo eziBekwe kwangaPhambili (iiPredetermined Objectives - iiPDO)
- Ukulandelela iziphumo zophicothozincwadi lwangaphakathi nolwangaphandle lwangaphambili
- Uqinisekiso lweeasethi
- Uphononongo lweSebe leIT
- Uphononongo lweSebe lokuLandelwa kwemiThetho
- Uphononongo lwemisebenzi yeBhodi
- Uphononongo lweofisi yoMphathi oyiNtloko
- Uphononongo lweSebe lokuKhutshwa kweeLayisenisi
- Uphononongo lweSebe loLungiselelo lweOfisi nezeMali
- Uphononongo lweCandelo lezoMthetho
- Uphononongo lweCandelo leHR

Ulawulo lwaPhakathi enyakeni neNgxelo yeNyanga/yeKota

IBhodi ingenise iingxelo zenyanga nezekota kuGunyaziwe oLawulayo. IKomiti yoPhicothozincwadi yanelisekile kokubhaliweyo nangumgangatho weengxelo zekota ezilungiswe zaza zakhutshwa yiBhodi ngalo nyaka uphantsi kwengqwalaselo.

UkuSebenza kwezeMali

Kuye kwagqitywa ukulungiswa kweengxelo zezemali, kuquka amaxwebhu eengxelomali zonyaka, phantsi kweliso likaNkosk. Z Siwa CA(SA). IKomiti iye yaphonononga yaza yaneliswa kukuba zifanelekile izakhono namava kaNkosk. Siwa, iGosa eliyiNtloko kwezeMali. IKomiti iphinde yaphonononga yaza yaneliswa kukuba zifanelekile yaye ziyasebenza izakhono nezixhobo (kuquka nabasebenzi) ezikwicandelo lokusebenza kwezemali.

UQinisekiso loKhuseleko lwankalo zonke

Uqinisekiso lufumaneka kubaqinisekisi abaninzi ngokwendlela elungelelanisiweyo, ukwenzela ukunqanda ukwenziwa kwento enye ngamaqela ohlukeneyo.

Isicwangciso sophicothozincwadi lwangaphakathi siqulunqwa kusetyenziswa uhlobo olusekelwe kuphando, kusetyenziswana nabalawuli. Ngaphezulu, abaphicothizincwadi bangaphakathi bayasebenzisana nabangaphandle. Kulo nyakamali ka2021, iKomiti iye yayithathela ingqalelo imingcipheko ebibekwa ngabalawuli, yaphonononga yaza yavuma izicwangciso zokusebenza kophicothozincwadi lwangaphakathi kunye nabaphicothizincwadi bangaphandle, ngokunjalo nesiphumo somsebenzi wophicothozincwadi owenziweyo.

IKomiti yaneliswe kukuba wenziwe umsebenzi womqinisekisi ozimeleyo, nakukwanela kolawulo lwangaphakathi oluqulunqwe ngabalawuli.

UkuHlolwa kwamaXwebhu eNgxelomali

Senze oku:

- Siphonononge saza saxoxa malunga namaXwebhu eNgxelomali yoNyaka aphicothiweyo, alungiselelwe yiBhodi, aza kufakwa kwiNgxelo yoNyaka sixoxa noMphicothizincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika, nabalawuli beBhodi;
- Saphonononga ingxelo yolawulo yoMphicothizincwadi Jikelele kunye neempendulo zabalawuli malunga nayo;
- Saphonononga ukuthobela kweBhodi imithetho kunye nemigaqo yemimiselo; saza
- Saphonononga izilungiso ezenziwe ngenxa yolu phicotho.

AbaPhicothizincwadi bangaPhakathi

IKomiti iye yakujonga ukuzimela nokusebenza komsebenzi wophicothozincwadi lwangaphakathi. IKomiti iphonononge yaza yavuma isibophelelo sophicothozincwadi lwangaphakathi kunye nesicwangciso sophicothozincwadi lwangaphakathi ezilungiselelwe u2021; yaye iye yaneliseka emva kwezibhengezo ezenziwe ngabaphicothizincwadi bangaphakathi zokuba uqinisekiso olunikwa yiKomiti luyahambelana neNdlela yokuziphatha eYamkelekileyo zeZiko labaPhicothizincwadi bangaPhakathi.

ICandelo loPhicothozincwadi lwangaPhakathi lufaka iingxelo kwintlango nganye yeKomiti, yaye ezi ngxelo zinika iKomiti umfanekiso wembonakalo yolawulo lwangaphakathi. Yanelisekile iKomiti yimpumelelo yoPhicothozincwadi lwangaPhakathi.

AbaPhicothizincwadi bangaPhandle

IKomiti yabaPhicothizincwadi yanelisekile kukuzimela nokungazibandakanyi kwabaphicothi-zincwadi bangaphandle, nto leyo iquka ukuthathelwa ingqalelo komsebenzi abawenzileyo kunye nokulandela kwabo imiba enxulumene nokuzimela okanye ukungqubana kwemidla, njengoko kubekwe yiBhodi eziMeleyo eLawula abaPhicothizincwadi (Independent Regulatory Board of Auditors - iIRBA).

IKomiti iphakamise ukuvunywa kwesicwangcisonkqubo sophicothozincwadi esenziwe yiBhodi isenzela uphicothozincwadi luka2021. IKomiti ikwaphonononge intsebenzo kunye nendlela yokuziphatha kwabaphicothizincwadi bangaphandle kweli thuba kunikwa ingxelo yalo, yaye yanelisekile ngumgangatho wokusebenza koPhicothozincwadi lwangaphandle.

IKomiti isiphononongile isicwangciso seBhodi sokuqhutywa kwemiba yophicothozincwadi ebiphakanyiswe kunyaka ongaphambili yaye yanelisekile ukuba le miba iye yasonjululwa ngokwanelisayo.

IKomithi yoPhicothozincwadi iyavumelana noku yaye iyazivuma iziphumo zoMphicothizincwadi Jikelele ezimalunga namaXwebhu eNgxelomali yoNyaka, yaye inoluvo lokuba la maXwebhu eNgxelomali yoNyaka aphicothiweyo makamkelwe aze afundwe kunye nengxelo yoMphicothizincwadi Jikelele.



UMervyn Burton
USihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
Umhla: 31 kuJulayi ka2021

16. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO YOKULANDELWA KWE-B-BBEE

Le theyibhile ingezantsi igcwaliswe ngokokulandelwa kweemfuno zeB-BBEE zomthetho ka2013 weB-BBEE nangokubekwe zizikhokelo zeSebe loRhwebo noShishino.

Ngaba eli Qumrhu likaRhulumente liye lasebenzisa nawuphi uMgaqo wokuQhuba Kakuhle (Izatifiketi zeB-BBEE zeNqanaba 1 - 8) ngokunxulumene noku kulandelayo:

Umba ojongwayo	Impendulo Ewe / Hayi	Ingxoxo
Umba wokujongwa kokulandelwa kwemigaqo yokukhutshwa kweelayisenisi, iimvume okanye amanye amagunya ngokunxulumene nesenzo sezozoqosho ngokokwawo nawuphi umthetho?	Ewe	IBhodi ibeka imiqathango yokukhutshwa kweelayisenisi kumacandelo ahlukileyo olu shishino, inika elona nqanaba liphantsi malifezekiswe ekulandelweni kweB-BBEE. Ngaphezulu,elo zinga maliqinisekiswe ngesatifiketi soqinisekiso esikhutshwa yiarhente yoqinisekiso ebhalisiweyo.
Ukusungula nokufezekisa umgaqonkqubo wokukhangelwa kweenkonzo zeenkampani zababesakululwa?	Ewe	IBhodi ifezekisa uMgaqonkqubo wayo weSCM, ithathela ingqalelo iimfuno ezibekwe kwimiMiselo yeOfisi kaNondyebo, imiYalelo yeOfisi kaNondyebo, imiMiselo yokuthengwa kwempahla nokufunwa kweenkonzo kwababesakuhleleleka kunye nayo yonke imithetho enxulumene nolawulo lokuchongwa nokusetyenziswa kwabaniki beenkonzo.
Umba wokujongwa kokufaneleka kokuthengiswa kwamashishini karhulumente?	Hayi	IBhodi ayiloShishini likaRhulumente.
Ukwenziwa komba wokungena kubambiswano namacandelo abucala?	Hayi	IBhodi ayiloqumrhu linikezela ngeenkono. Ngugunyaziwe othotyelomthetho nokukhutshwa kweelayisenisi.
Ukubeka umba wokukhutshwa kwezibonelelo, iigranti kunye nezikim zotalomali ngelixhasa uXhotyiso oluNatyisiweyo lwabaNtsundu kwezoQoqosho?	Hayi	IBhodi iza kubeka imiba enjalo ngelo xesha ikhupha ngayo izibonelelo, iigranti nezikim zotalomali oluxhasa uXhotyiso lwabaNtsundu kwezoQoqosho.



ICANDELO D:

**ULAWULO
LWEZABASEBENZI**

ULAWULO LWEZABASEBENZI

1. INTSHAYELELO

IBhodi inezithuba zabasebenzi abangamashumi asixhenxe anesine, nalapho izithuba ezingamashumi amathandathu enesithandathu zinabasebenzi abaqeshiweyo, ngelixa ngomhla wama31 kuMatshi 2021 ezisibhozo bezingekaqeshelwa bantu.

ICandelo lezabaSebenzi (uHR) linika inkonzo nenkxaso kwiBhodi neofisi yayo kwimiba ephathelelene nokukhangelwa kwabasebenzi abatsha kunye nokugcinwa kwabo, kunye nolawulo lwentsebenzo, ubudlelwane bamashishini, uphuhliso lwabasebenzi, intlalontle yabasebenzi kunye nemiba yezabaSebenzi nokuqulunqwa kwemigaqonkqubo efanelekileyo.

Umsebenzi wokulungiselelwa kokuhlawulwa kwabasebenzi luxanduva lweSebe: ULungiselelo lweOfisi nezeMali.

AMAGQABANTSHINTSHI EMIBA YEZABASEBENZI KWIBHODI

- Ukubeka imiba ephambili yezabasebenzi kunye nefuthe layo kulo nyaka uphononongwayo
- Ukukhangelwa abasebenzi abanezakhono eziyimfuneko, ngokwenjenjalo, kuvunyelwa eli ziko ukuba likwazi ukufezekisa imiba yalo ephambili neyokusebenza
- Abasebenzi abanolwazi ngomsebenzi nabahlukileyo, ukuqinisekisa ngokumelwa ngokufanelekileyo kwamaqela athile kuzo zonke iintlelo namanqanaba emisebenzi asemsebenzini, ngokunjalo nokuphathwa ngobulungisa kwingqesho
- Uphuhliso noqeqesho oluQhubekayo ngokoMsebenzi ukwenzela ukuxhobisa abasebenzi ngezakhono zokusebenza ukuze bakwazi ukwenza imisebenzi yabo ngokweziCwangciso zabo zokuziPhuhlisa
- Ukudala nokugcina imeko ekhuselekileyo yasemsebenzini
- Imeko ebeka phambili intsebenzo
- Ukudala imeko yasemsebenzini ekhathalayo nexhasayo negxilise ebantwini ikwaqhutywa ngabantu.
- Uphononongo oluqhubekayo lwemigaqonkqubo yezabasebenzi
- Uphononongo lwemisebenzi ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ingcaciso nezithuba zemisebenzi zisoloko zifanelekile yaye zichanekile.

Umgaqosikhokelo wokucwangciselwa kwabasebenzi kunye nezicwangcisonkqubo zokutsala nokukhangelwa abasebenzi abanezakhono nabakwaziyo ukwenza umsebenzi

Iimfuno zengqesho zeBhodi zifezekiswa ngokukhangelwa nokuchonga abalingwa abaqeshwa ngokokwazi kwabo umsebenzi, amava neziqinisekiso zemfundo, ukuze bafezekise iimfuno zomsebenzi.

Zonke izibhengezo zomsebenzi mazilandele imigaqo yoMthetho wokuFaneleka kwamanani eNgqesho (iEmployment Equity - iEEA) kunye nenjongo yokukhuthaza ukumelwa ngokufanelekileyo ngokuhambelana nesiCwangciso esivunyiweyo seEE, kungadanga kufakwe miqobo ithile

Elona jelo lifanelekileyo lokubhengeza izithuba zomsebenzi (kuquka neintanethi) likhethwa ngokokufikeleleka kokuhlawulelwa kwalo, injongo ikukutsala umdla wabantu abathile kwilizwe jikelele. Zonke izithuba zemisebenzi zibhengezwa ngaphakathi nangaphandle ukuze kufikelelwe kubantu abaninzi kangangoko kula maqela afunekayo.

Umgaqosikhokelo wolawulo lwentsebenzo yabasebenzi

IBhodi izamela ukuseka isiqhelo sokuqhutywa yintsebenzo, ngokuthi ikhuthaze ukugqwesa kwintsebenzo ngokunika imbuyekezo nokuwongwa.

Abasebenzi banikwa ingxelo eqhubekayo malunga nentsebenzo, ngelixa uphononongontsebenzo olusesikweni lusenziwa kabini ngenyaka, rhoqo ngeenyanga ezintandathu. Limeko apho iithagethi okanye intsebenzo ebilindelekile ithe ayafezekiswa, unobangela usingathwa ngokulawulwa kwentsebenzo engekho mgangathweni.

IKhabhinethi ivume isigqibo sabaLawuli abaPhezulu bePhondo (iProvincial Top Management - PTM) soRhulumente weNtshona Koloni sokuba iibhonasi zentsebenzo zomjikelo wentsebenzo ka2019/2020 zingahlawulwa kubasebenzi abakuRhulumente weNtshona Koloni.

Esi sigqibo sithathwe ngabalawuli malunga nawo onke amashishini karhulumente ephondo. Kodwa abasebenzi bakufumene ukunyuselwa kweenotshi zabo, okusekwe ekubeni baye bafumana izinga lentsebenzo eyanelisayo njengoko lekwe kuMgaqonkqubo weziBonelelo zeNtsebenzo.

INkqubo yeNkuthazo yokuba seMpilweni kwabaSebenzi

IBhodi iyaluqonda uxanduva lwayo lokuthintela kunye/nokuthomalalisa uxinzelelo lwengqondo kunye nemingeni yobuqu kubasebenzi bayo (kuquka nakwiintsapho zabo), ngoko ke izibophelele ekukhuthazeni nasekugcineni indlela yokuphila esempilweni. Iyayiqonda imingcipheko yabasebenzi enxulumene neengxaki zobuqu kwanezomsebenzi, kubasebenzi nakwiziko eli. Iziphumo zeziko ezibangelwa zezo ngxaki zithathwa njengeziquka ukuphutha kakhulu emsebenzini, ukuhla kwemveliso nomoya ophantsi, ukurhoxa okuninzi kwabasebenzi kunye nomngcipheko wokungabikwimeko yokukwazi ukusebenza.

Ngokusekwa kwenkqubo yokuKhuthazwa kokuba seMpilweni neMpilo yabaSebenzi, eli ziko likwazibophelela ekudaleni imeko yasemsebenzini ekhathalayo nexhasayo negxiliswe ebantwini ikwaqhutywa ngabantu.

Le nkqubo inika iinkonzo ezingundoqo (inkonzo yeengcebiso zeengcali efumaneka efowunini 24/7/365, inkonzo yoKhathalelo nokunikwa kwengxelo kwi-intanethi (iingcebiso zeengcali ezenziwa kujongenwe ngqo, iingcebiso zeengcali emva kokwehlelwa sisehlo komntu neqela, uqeqesho kunye nongenelelo olubhekiselele kokuthile).

Le nkqubo iqwalaselwa ngokunikwa kweengxelo zekota ezinika uhlalutyo lwendlela ekuqhubeka ngayo ukusetyenziswa kwayo, ukuqatshelwa kwemingcipheko kunye nefuthe layo kwimveliso. Le ngxelo inikwa yiICAS, inkampani enika iinkonzo zenkqubo yeNkuthazo yokuba seMpilweni.

Uphuhliso lwemigaqonkqubo

Ngokwemiyalelo esuka kwiOfisi kaNondyebo yePhondo lePhondo leNtshona Koloni (iWCPT), iBhodi igqibe ekubeni imigaqonkqubo yabasebenzi yeWCGRB mayihanjelaniswe naleyo yorhulumente weNtshona Koloni ngokukodwa leyo yeOfisi kaNongxowa wePhondo leNtshona Koloni.

Ngenxa yoko, iBhodi iyaqhubeka nokujonga imigaqonkqubo yeWCPT ukuze ibone ukuba akukho lutshintsho kufuenka lwenziwe na, kuze kwenziwe uhlaziyo lwemigaqonkqubo efanelekileyo yeWCGRB.

Kulo nyaka uphononongwayo, icandelo liye lancedisa ngokuphononga umgaqonkqubo wokuKhangelwa nokuChongwa kwabaSebenzi.

Iimpumelelo

Kulo nyaka uphononongwayo, eli candelo liye lancedisa ngoku kulandelayo:

- Ukulungelelaniswa kwemigaqonkqubo yeBhodi enxulumene nezabaSebenzi kunye naleyo yeWCPT;
- Ukukhangelwa kwabasebenzi abatsha ababini;
- Ukwenziwa nokungeniswa kwesiCwangciso seZakhono zaseMsebenzini sonyaka ka2021/22
- Ukulungiselelwa kunye nokufakwa kweengxelo zoBulungisa kwiNgqesho kwiDoL;
- Imfunalwazi malunga nokusebenzela ekhaya, kukhangelwa ifuthe layo ekuphumeleleni kokuxoxa kwabasebenzi kunye nokuba sempilweni kwabo;
- Uphando nophuhliso lweziKhokelo zekhovidi-19 zaxa kubuyelwa emsebenzini.
- Ukukhangelwa nokuqeshwa kwenkampani yenkqubo yokuba sempilweni kwabasebenzi.

Imingeni

Olu shishino isebenza kulo iBhodi lwanda minyaka le, kodwa amacandelo akhoyo eli ziko akatshintshi.

Kusengumngeni ukungakwazi ukubeka kumazinga amatsha abo basebenzi baseofisini abaye bandisa imisebenzi yabo yaye ukulibaziseka kokuqhutywa kophononongo lomsebenzi kuye kwanefuthe kumoya wabasebenzi.

Ngaphezulu koku, iziko kufuneka lisebenze kule meko inyanzelisa ukuba abalawuli benze okungcono kodwa benokuncinane.

Nangona iindlela neemfuno ezitshintshayo zichaphazela indawo yasemsebenzini yala maxesha, iBhodi ikwazile ukulufezekisa ngempumelelo uxanduva neethagethi zayo. Le mpumelelo idalwe kukuzimisela nokuzinikela kweBhodi, abalawuli kunye nabasebenzi beBhodi.

ULAWULO LWEZABASEBENZI

Izicwangciso/ iinjongo zexesha elizayo zeHR

IBhodi izibophelele kwinkqubela eyakhayo nokwandiswa kwezakhono zabasebenzi kunye nasekufezekisweni kweenjongo zayo zokuFaneleka kwamaNani eNgqesho nokunikwa ithuba kwabo banokudleleleleka.

IBhodi isaqhuba neenzame zayo zokuphakamisa umoya wabasebenzi kwanokulandela isithethe sayo sokuququzelela imicimbi yolonwabo ehlawulelwa ngabasebenzi, njengendlela yokudibana kwabasebenzi bamasebe ngamasebe ukwenzela ukuqinisa ubudlelwane nokuthembana.

Izenzo zeHR zenzelwe ukuqinisekisa ukulungelelana kobomi basemsebenzini nobasekhaya kubasebenzi abasebenza ngamaxesha abazikhethela wona kwakunye neenkqubo zentlalo-ntle yabasebenzi neentsapho, loo nto isenziwa ngelCAS.

IBhodi ikwakhuthaza imeko ekhuthaza intsebenzi yaye izama ukudala nokugcina kangangoko imeko yokusebenza ekhuselekielyo nengenamingcipheko kwimpilo nokhuseleko lwabasebenzi bayo.

2. IINKCUKACHAMANANI ZOKUQWALASELWA KWABASEBENZI

liNdleko zabaSebenzi ngokweNkqubo

INkqutyana	#Inkcitho ePheleleyo yeli qumrhu (R' 000)	Inkcitho yezabasebenzi (R' 000)	Inkcitho yezabasebenzi njenge% yenkitho epheleleyo	Inani labasebenzi	lindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R' 000)
ULungiselelo*	17 280	13 446	78%	37	363
ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi	12 718	12 546	99%	20	627
UkuLandelwa kwemiThetho	16 024	15 791	99%	24	657
ICT	7 138	2 755	39%	5	551
IYONKE	53 162	44 538	84%	86	518

*INkqubo yolungiselelo lweofisi ibandakanya iBhodi, iSebe loLawulo lweOfisi nezeMali, uLawulo lweZiko kunye nabasebenzi bethutyana abasixhenxe (7)

#Inkcitho ePheleleyo ayikubali ukubekwa amaxabiso kwezinto eziphathekayo zeshishini (idepreciation) nokuhla kwamatyala asahlawulwayo, ukuhlawula ngeenkonziso endaweni yemali kunye nezinye izinto ezingeyomali; kodwa iquka inkcitho yezinto ezinkulu.

lindleko zabasebenzi ngokwezinga lomvuzo

Inqanaba	**Inkcitho yezabasebenzi (R' 000)	I% yenkitho yabasebenzi xa ithelekiswa neendleko ezipheleleyo zezabasebenzi	Inani labasebenzi	lindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R' 000)
AbaLawuli abayiNtloko	1 530	4%	1	1 530
AbaLawuli abaPhezulu	6 916	16%	6	1 153
Abanoqeqesho kumakhono athile	9 303	22%	11	846
Abanezakhono	19 484	46%	32	609
Abanezakhono ezingephi	4 973	12%	16	311
Abangenazakhono	-	0%	-	-
IYONKE	42 205		66	639

** Ayiyibandakanyi imbuyekezo yamalungu eBhodi esisiR1021571, isibonelelo sezindlu samaR927944, imbuyekezo yabasebenzi bethutyana engamaR400 182 kunye namaR748 561 engqikelelo/ ulungiselelo lwemivuzo esele itsalwe okutsalwayo.

ULAWULO LWEZABASEBENZI

AmaBhaso okuKhuthaza iNtsebenzo

Akukho ziBhonasi zeNtsebenzo ziye zahlawulwa ku2020/2021.

Inqanaba	Amabhaso okuKhuthaza iNtsebenzo (R'000)	Inkcitho yezabasebenzi (R' 000)	I% yenkcitho yamabhaso okukhuthaza intsebenzo xa ithelekiswa neendleko ezipheleleyo zezabasebenzi
AbaLawuli abayiNtloko	-	-	-
AbaLawuli abaPhezulu	-	-	-
Abanoqeqesho kumakhono athile	-	-	-
Abanezakhono	-	-	-
Abanezakhono ezingephi	-	-	-
Abangenazakhono	-	-	-
IYONKE	-	-	-

IiNdleko zoQeqesho

INkqutyana	Inkcitho yeza-basebenzi (R' 000)	Inkcitho yezabasebenzi (R' 000)	INkcitho yoQeqesho njenge% yeeNdleko zabaSebenzi	Inani labasebenzi abaqeqeshiweyo	Umyinge ophakathi weendleko zeqeqesho zomsebenzi ngamnye
IBhodi	1 095	19	1.74%	7	3
Abaphathi	7 042	24	0.34%	8	3
ULungiselelo lweOfisi nezeMali	6 903	40	0.58%	7	6
UkuLandelwa kwemiThetho	15 791	130	0.82%	11	12
ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi	12 546	15	0.12%	8	2
ICT	2 755	10	0.36%	5	2
IYONKE	46 132	238	0.52%	46	5

**Inkcitho yezabaSebenzi eboniswe kwiNqaku 19 lamaxwebhu engxelomali.

Inkcitho yoqeqesho iquka inkxasomali yezifundo zabucala.

Ingqesho neZithuba zomsebenzi

INkqutyana	2019/20 Inani labasebenzi	2020/21 Izithuba ezivunyiweyo	2020/21 Inani labasebenzi	2020/21 Izithuba	I% yezithuba
ULungiselelo	7	9	7	2	29%
Abaphathi	7	7	7	-	-
Ulawulo	7	7	7	-	-
UkuLandelwa kwemiThetho	22	25	22	3	14%
ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi	19	22	19	3	16%
ICT	4	4	4	-	-
IYONKE	66	74	66	8	12%

Inqanaba	2019/20 Inani labasebenzi	2020/21 Izithuba ezivunyiweyo	2020/21 Inani labasebenzi	2020/21 Izithuba	I% yezithuba
AbaLawuli abayiNtloko	1	1	1	-	-
AbaLawuli abaPhezulu	6	6	6	-	-
Abanoqeqesho kumakhono athile	12	13	11	2	18%
Abanezakhono	32	36	32	4	13%
Abanezakhono ezingephi	15	18	16	2	13%
Abangenazakhono	-	-	-	-	-
IYONKE	66	74	66	8	12%

Iye yanqunqanyiswa inkqubo yokukhangela nokuqeshelwa kwazo zonke izithuba ezingenamntu ngenxa yalo bhubhane wehlabathi weyiKhowidi-19. Zonke ezi zithuba zikwinkqubo yokuqeshelwa.

Utshintsho kwezengqesho

Icandelo lomvuzo	Ingqesho ekuqaleni kwethuba	Abaqeshiweyo	UkuYekiswa kwesiVumelwano	Abaqeshwe ekupheleni kwethuba
AbaLawuli abayiNtloko	1	-	-	1
AbaLawuli abaPhezulu	6	-	-	6
Abanoqeqesho kumakhono athile	12	-	1	11
Abanezakhono	32	1	1	32
Abanezakhono ezingephi	15	1	-	16
Abangenazakhono	-	-	-	-
IYONKE	66	2	2	66

ULAWULO LWEZABASEBENZI

Izizathu zokumka kwabasebenzi

Isizathu	Inani	I% yenani elipheleleyo labasebenzi abemkileyo
Ukusweleka	1	50%
Ukurhoxa	-	
Ukugxothwa	-	
Ukuthatha umhlalaphantsi	1	50%
Ukugula	-	
Ukuphelelwa kwesivumelwano	-	
Ezinye	-	
Zizonke	2	100%

Umsebenzi omnye uye wathatha umhlalaphantsi kulo nyaka uphononongwayo. Kuye kwarhoxiswa isivumelwano esinye ngenxa yokusweleka kweli thuba liphononongwayo. Njengoko esi ibisisithuba esibaluleke kakhulu sezemali, esi sithuba siye sabhengezwa ngoko nangoko yaye sele kuqeshiwe kuso.

Nangona uhlobo lwengqesho yobume obunabileyo beziko buvalela ukunyukela ngokwekhono, khange kubekho msebenzi urhoxayo kulo nyaka uphononongwayo.

UbuDlelwane phakathi koMqeshi nabaSebenzi Ukungaziphathi kakuhle noluleko

Uhlobo loLuleko	Inani
IsiLumkiso soMlomo	-
IsiLumkiso esiBhaliweyo	-
IsiLumkiso sokuGqibela esiBhaliweyo	-
Ukugxothwa	-
IYONKE	-

IiThagethi zeXabiso leZabelo kunye neMeko yoBulungisa kwezeNgqesho

AmaNqanaba	Amadoda							
	AbaNtsundu		AbeBala		AmaNdiya		AbaMhlophe	
	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi
AbaLawuli abayiNtloko	-	1	1	-	-	-	-	-
AbaLawuli abaPhezulu	-	-	2	2	-	-	-	-
Abanoqeqesho kumakhono athile	2	2	2	2	1	-	4	1
Abanezakhono	4	7	10	10	-	-	2	3
Abanezakhono ezingephi	1	3	2	4	-	-	1	1
Abangenazakhono	-	-	-	-	-	-	-	-
IYONKE	7	13	17	18	1	0	7	5

AmaNqanaba	Ibhinqa							
	AbaNtsundu		AbeBala		AmaNdiya		AbaMhlophe	
	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi
AbaLawuli abayiNtloko	-	-	-	-	-	-	-	-
AbaLawuli abaPhezulu	1	1	3	2	-	1	-	-
Abanoqeqesho kumakhono athile	-	1	1	2	-	-	2	-
Abanezakhono	4	6	11	12	-	1	-	3
Abanezakhono ezingephi	2	3	7	4	1	-	2	2
Abangenazakhono	-	-	-	-	-	-	-	-
IYONKE	7	11	22	20	1	2	4	5

ULAWULO LWEZABASEBENZI

AmaNqanaba	Abasebenzi abanenkubazeko			
	Amadoda		Amabhinqa	
	Elangoku	Ithagethi	Elangoku	Ithagethi
AbaLawuli abayiNtloko	-	-	-	-
AbaLawuli abaPhezulu	-	-	-	-
Abanoqeqesho kumakhono athile	-	-	-	-
Abanezakhono	-	-	-	-
Abanezakhono ezingephi	-	-	1	1
Abangenazakhono	-	-	-	-
IYONKE	-	-	1	1

Utshintsho olukhulu phakathi kweethagethi neprofayile yaba basebenzi bakhoyo ibangelwa kukunqaba kwabalingwa abaqeqeshiweyo bokwenza ufaneleko lwamanani kwizinga lembuyekezo enikelwa ukugcwalisa eso sithuba sengqesho sikhoyo. Zonke izithub zemiisebenzi zibhengezwa ngaphakathi nangaphandle ukuze kufikelelwe kubantu abaninzi kangangoko kula maqela afunekayo yaye iziqinisekiso zokufaneleka azipheleli nje kwezemfundo, zikwaquka nezezakhono kunye namava afanelekileyo.

ICANDELO E:

**INGCACISO
YEZEMALI**



REPORT OF THE AUDITOR-GENERAL TO THE WESTERN CAPE PROVINCIAL PARLIAMENT ON THE WESTERN CAPE GAMBLING AND RACING BOARD

REPORT ON THE AUDIT OF THE FINANCIAL STATEMENTS

Opinion

1. I have audited the financial statements of the Western Cape Gambling and Racing Board set out on pages 90 to 149, which comprise the statement of financial position as at 31 March 2021, statement of financial performance, statement of changes in net assets, cash flow statement and statement of comparison of budget and actual amounts for the year then ended, as well as notes to the financial statements, including a summary of significant accounting policies.
2. In my opinion, the financial statements present fairly, in all material respects, the financial position of the Western Cape Gambling and Racing Board as at 31 March 2021, and its financial performance and cash flows for the year then ended in accordance with Standards of Generally Recognised Accounting Practice (GRAP) and the requirements of the Public Finance Management Act No. 1 of 1999 (PFMA).

Basis for opinion

3. I conducted my audit in accordance with the International Standards on Auditing (ISAs). My responsibilities under those standards are further described in the auditor-general's responsibilities for the audit of the financial statements section of my report.
4. I am independent of the entity in accordance with the International Ethics Standards Board for Accountants' *International code of ethics for professional accountants (including International Independence Standards)* (IESBA code) as well as other ethical requirements that are relevant to my audit in South Africa. I have fulfilled my other ethical responsibilities in accordance with these requirements and the IESBA code.
5. I believe that the audit evidence I have obtained is sufficient and appropriate to provide a basis for my opinion.

Emphasis of matters

6. I draw attention to the matters below. My opinion is not modified in respect of these matters.

Restatement of corresponding figures

7. As disclosed in note 37 to the financial statements, the corresponding figures for 31 March 2020 were restated as a result of errors in the financial statements of the entity at, and for the year ended, 31 March 2021.

Underspending of the budget

8. As disclosed in the statement of comparison of budget and actual amounts, the entity materially underspent the budget by R16 808 876. The underspending was mainly due to the effect of covid-19 on the operations of the entity.

Responsibilities of the accounting authority for the financial statements

9. The accounting authority is responsible for the preparation and fair presentation of the financial statements in accordance with Standards of GRAP and the requirements of the PFMA, and for such internal control as the accounting authority determines is necessary to enable the preparation of financial statements that are free from material misstatement, whether due to fraud or error.
10. In preparing the financial statements, the accounting authority is responsible for assessing the entity's ability to continue as a going concern, disclosing, as applicable, matters relating to going concern and using the going concern basis of accounting unless the appropriate governance structure either intends to liquidate the entity or to cease operations, or has no realistic alternative but to do so.

Auditor-general's responsibilities for the audit of the financial statements

11. My objectives are to obtain reasonable assurance about whether the financial statements as a whole are free from material misstatement, whether due to fraud or error, and to issue an auditor's report that includes my

Report of the Auditor General

opinion. Reasonable assurance is a high level of assurance but is not a guarantee that an audit conducted in accordance with the ISAs will always detect a material misstatement when it exists. Misstatements can arise from fraud or error and are considered material if, individually or in aggregate, they could reasonably be expected to influence the economic decisions of users taken on the basis of these financial statements.

12. A further description of my responsibilities for the audit of the financial statements is included in the annexure to this auditor's report.

REPORT ON THE AUDIT OF THE ANNUAL PERFORMANCE REPORT

Introduction and scope

13. In accordance with the Public Audit Act 25 of 2004 (PAA) and the general notice issued in terms thereof, I have a responsibility to report on the usefulness and reliability of the reported performance information against predetermined objectives for selected programmes presented in the annual performance report. I performed procedures to identify material findings but not to gather evidence to express assurance.
14. My procedures address the usefulness and reliability of the reported performance information, which must be based on the entity's approved performance planning documents. I have not evaluated the completeness and appropriateness of the performance indicators included in the planning documents. My procedures do not examine whether the actions taken by the entity enabled service delivery. My procedures do not extend to any disclosures or assertions relating to the extent of achievements in the current year or planned performance strategies and information in respect of future periods that may be included as part of the reported performance information. Accordingly, my findings do not extend to these matters.
15. I evaluated the usefulness and reliability of the reported performance information in accordance with the criteria developed from the performance management and reporting framework, as defined in the general notice, for the following selected programme presented in the entity's annual performance report for the year ended 31 March 2021:

Programme	Pages in the annual performance report
Programme 3: regulatory compliance	42

16. I performed procedures to determine whether the reported performance information was properly presented and whether performance was consistent with the approved performance planning documents. I performed further procedures to determine whether the indicators and related targets were measurable and relevant, and assessed the reliability of the reported performance information to determine whether it was valid, accurate and complete.
17. I did not identify any material findings on the usefulness and reliability of the reported performance information for this programme:
 - Programme 3: regulatory compliance

Other matter

18. I draw attention to the matter below.

Achievement of planned targets

19. Refer to the annual performance report on page 42 for information on the achievement of planned targets for the year and management's explanations provided for the under-achievement of targets.

REPORT ON THE AUDIT OF COMPLIANCE WITH LEGISLATION

Introduction and scope

20. In accordance with the PAA and the general notice issued in terms thereof, I have a responsibility to report material findings on the entity's compliance with specific matters in key legislation. I performed procedures to identify findings but not to gather evidence to express assurance.

21. I did not identify any material findings on compliance with the specific matters in key legislation set out in the general notice issued in terms of the PAA.

OTHER INFORMATION

22. The accounting authority is responsible for the other information. The other information comprises the information included in the annual report, which includes the audit committee's report. The other information does not include the financial statements, the auditor's report and those selected programmes presented in the annual performance report that have been specifically reported in this auditor's report.
23. My opinion on the financial statements and findings on the reported performance information and compliance with legislation do not cover the other information and I do not express an audit opinion or any form of assurance conclusion on it.
24. In connection with my audit, my responsibility is to read the other information and, in doing so, consider whether the other information is materially inconsistent with the financial statements and the selected programmes presented in the annual performance report, or my knowledge obtained in the audit, or otherwise appears to be materially misstated.
25. If based on the work I have performed, I conclude that there is a material misstatement in this other information, I am required to report that fact.
26. I have nothing to report in this regard.

INTERNAL CONTROL DEFICIENCIES

27. I considered internal control relevant to my audit of the financial statements, reported performance information and compliance with applicable legislation; however, my objective was not to express any form of assurance on it. I did not identify any significant deficiencies in internal control.

Century City
31 July 2021

Auditor-General



Annexure – Auditor-general’s responsibility for the audit

1. As part of an audit in accordance with the ISAs, I exercise professional judgement and maintain professional scepticism throughout my audit of the financial statements and the procedures performed on reported performance information for selected programmes and on the entity’s compliance with respect to the selected subject matters.

Financial statements

2. In addition to my responsibility for the audit of the financial statements as described in this auditor’s report, I also:
 - identify and assess the risks of material misstatement of the financial statements, whether due to fraud or error; design and perform audit procedures responsive to those risks; and obtain audit evidence that is sufficient and appropriate to provide a basis for my opinion. The risk of not detecting a material misstatement resulting from fraud is higher than for one resulting from error, as fraud may involve collusion, forgery, intentional omissions, misrepresentations or the override of internal control
 - obtain an understanding of internal control relevant to the audit in order to design audit procedures that are appropriate in the circumstances, but not for the purpose of expressing an opinion on the effectiveness of the entity’s internal control
 - evaluate the appropriateness of accounting policies used and the reasonableness of accounting estimates and related disclosures made by the accounting authority
 - conclude on the appropriateness of the accounting authority’s use of the going concern basis of accounting in the preparation of the financial statements. I also conclude, based on the audit evidence obtained, whether a material uncertainty exists relating to events or conditions that may cast significant doubt on the ability of the entity to continue as a going concern. If I conclude that a material uncertainty exists, I am required to draw attention in my auditor’s report to the related disclosures in the financial statements about the material uncertainty or, if such disclosures are inadequate, to modify my opinion on the financial statements. My conclusions are based on the information available to me at the date of this auditor’s report. However, future events or conditions may cause an entity to cease operating as a going concern
 - evaluate the overall presentation, structure and content of the financial statements, including the disclosures, and determine whether the financial statements represent the underlying transactions and events in a manner that achieves fair presentation.

Communication with those charged with governance

